# Isiqulatho

**Oondoqo ekufundiseni ukufunda**

Yintoni iFunda Wande? ........ 2-3

Kukho ntoni ebhokisini? ........ 4-7

Ukusebenzisa izicwangciso zokufundisa zika-Funda Wande ........ 8-9

Ukulingiselela iKlasi yakho ........ 10-11

Uvavanyo olusisiseko ........ 12-15

Intshayelelo yokufunda ngamaqela ........ 16-17

Itsheklisti ........ 19

**Intshayelelo** ........ 21

Ukwabiwa kwexesha nesicwangciso semfundo ngekota ........ 22-23

Iveki Yoku-1 ........ 24-29

Iveki Yesi-2 ........ 30-39

Iveki Yesi-3 ........ 40-49

Iveki Yesi-4 ........ 50-59

Iveki Yesi-5 ........ 60-69

Iveki Yesi-6 ........ 70-79

Iveki Yesi-7 ........ 80-89

Iveki Yesi-8 ........ 90-99

Iveki Yesi-9 ........ 100-109

Iveki Ye-10 ........ 110-119

# Umbono Ubalaseleyo1: Yintoni iFunda Wande?

IFunda Wande liqumrhulu elingelolaburhulumente elijolise ekuqinisekiseni ukuba bonke abantwana baseMzantsi Afrika banako ukufunda ngokuqonda ngelwiimi zasemakhaya bengekadluli kwimiminyaka eli-10 yokuzalwa.

Sishicilela ividiyo nemibhalo ukuze siqeqeshe ootitshala ngokufunda ngokuqonda kumabanga R-3. Zonke izixhobo zethu zifumaneka lula kwaye ziphantsi kwelayisensi ye-Creative Commons evumela ukuba wonke ubani azisebenzise.




Video #1: What is Funda Wande? (3:39min)

### Yintoni ungenelelo lweFunda Wande eMpuma Koloni?

Ngowama-2019 kunye nowama-2020, iFunda Wande isebenzisana neSebe lezeMfundo laseMpuma Koloni (ECDOE) ekuphuculeni iziphumo zokufunda ngesiXhosa kwizikolo ezingama-30 ngokusebenzisa iNqubo yeFunda Wande. Sisebenza kwizikolo ezili-10 kwisithili ngasinyeye kwezi zintathu: (1) Sarah Baartman, (2) Nelson Mandela Bay, kunye ne- (3) Buffalo City. Inkqubo yeFW ibandakanya amanqaku amane:

**1. Ingqeqesho nenkxaso yaphakathi-eklasini:**

Kwizikolo ngazihlanu, kukho ingcaphephe yomqeqeshi wokufunda yolwimi lwasekhaya lwesiXhosa ezakuhambela ootitshali kwiveki neveki, iminyaka emibini.

Abaqeqeshi banika ingcebiso ngendlela yokufundisa ukufunda ngokufezekileyo, indlela yokusebenzisa izixhobo abazinikiweyo kunye nokuphendula imibuzo yootitshala.



**2. Izicwangcisi-zifundo:**


Izicwangcisi-zifundo zeFunda Wande zinika isikhokelo sosuku-nosuku esingokufundisa ukufunda ngokokuqonda ngokusebenzisa izixhobo kwibhokisi yeFunda Wande.

Ngosuku ngalunye, kukho isikhokelo esimaphepha-mabini esiqulathe iinkcukacha nge-
- izixhobo ezidingekayo
- ulungiselelo uludingekayo
- iinjongo zesifundo
- isikhokelo ngokwezigaba zendlela zokufundisa ukufunda
- Umsebenzi wokuhlola ngokusesikweni wonyaka. Ekupheleni kweKota, kukho icandelo "Iombono obalaseleyo" ekufundiseni ukufunda.



**3. Izixhobo zokuxhasa umfundi notitshala ezongezelelweyo:**

Zonke izikolo ezithabatha inxaxheba zizakufumana izixhobo zenkxaso zomfundi notistshala ezongezelelweyo ezingqamene nezicwangcisi-zifundo zeFunda Wande. Ezi ziquka iVula Bula.




**4. Iividiyo zeFunda Wande ziqulathe amabinzana eengcaciso**

Iividiyo zeFunda Wande ziqulathe amabinzana eengcaciso "yemibono ebalaseleyo" yokufundisa ukufunda. Umbono ngamnye ucaciswa ngomnye wesisithathu seengcaphephe sootitshala bethu (Zaza, Permie, Ntsika) ngokusebenzisa iividiyo zokufundisa kwaseklasini kunye neengxoxo.

Kukwakho ne-App yeFunda Wande!



**Ngobani abaqeqeshi beFunda Wande?**

Abaqeqeshi beFunda Wande ngootisthala besiXhosa-kulwimi-lwasekhaya lwamabanga aphantsi, isigaba esisiSeko, abanamava, abaqeqeshwelwe ukufundisa ukufunda ngokuqonda. Banamava abalaseleyo ekuqeqesheni ootitshala kwiidyunuvesithi neeklasi zezikolo kwiMpuma Koloni iphela. Basebenze kunye neezifundiswa zase Rhodes nezinye iidyunivesithi ekuphuhliseni izixhobo zeFunda Wande.


Zaza Lubelwana



Permie Isaac


Ntsika Kitsili


Thobeka Ndamase


Luleka Sonjica


Glory Maxakana


Tutula Diniso

**Ingaba iFunda Wande ilandela iCAPS?**
Kunjalo. Inkqubo yeFunda Wande iceba ukufundisa abantwana ukuze bakwazi ukufunda-ngokuqonda ngelwimi zasemakhaya zabo xa beqqibezela ibanga lesi-3. Yaphuhliselwa ikharityhulama yase Mzantsi Afrika ngoukodwa kwaye ilandela iCAPS ngokupheleleyo. Izifundo kunye nezixhoobo zayo zivunywe lisebe lezemfundo leMpuma Koloni.

**Sinako ukugcina Izixhobo zeNkxaso zoMfundi noTitshala (INMT) ezongezelelweyo?**
Kunjalo. Izixhobo zenkxaso zomfundi noitshala (INMT) zezakho kunye neklasi yakho. Nceda uziphathe kakuhle.

# Umbono Ubalaseleyo 2 : Kukho ntoni ebhokisini?

**Phakathi kulebhokisi uzakufumana zonke izixhobo ozakuzidinga ukulandela le nkqubo ka Funda Wande.**

| |
|---|
| **1.** IFlash-drive (USB) yakwa Funda Wande enee videos kunye ne App onokuyisebenzisa kwi laptop yakho. |
| **2.** Incwadana yakwa Funda Wande enezicwangciso zokufunda zekota yokuqala. |
| **3.** Incwadana yakwa Funda Wande yokufunda ngamaqela. |
| **4.** Incwadana yakwa Funda Wande yokubhala ngesandla. |
| **5.** Incwadana yakwa Funda Wande yovavanyo olusisiseko. |
| **6.** I powusta yakwa Funda Wande yezigaba zebali. |
| **7.** Iipowusta ezine zakwa Funda Wande zegumbi lokufundela. |
| **8.** Iipowusta ze DBE zesigama ezilishumi |
| **9.** Iincwadi ezinkulu zamabali zakwa  Vula Bula eziyi 16 |
| **10.** Iincwadi zamabali zesifundo sokufundelwa ngutitshala |
| **11.** Oonotsheluza bonobumba bakwa Vula Bula |
| **12.** Oonotsheluza bezandi bakwa Vula Bula |
| **13.** Oonotsheluza bamagama bakawa Vula bula |

## Incwadana yezicwangciso zezifundo

Le ncwadana yezicwangciso zezifundo zakwa Funda Wande yekota yokuqala iqulathe amaphepha amabini ezicwangciso zezifundo zeeveki ezilishumi. Kwisicwangciso sesifundo ngasinye kuye kuboniswe izixhobo omawuzisebenzise (ngomfanekiso ecaleni ngasekhohlo),amalungiselelo adingekayo kwakunye nesikhokelo esibonisa indlela omawuzisebenzise ngayo izixhobo ezo xa ufundisa. Iveki nganye ineenkcukacha ezimalunga noku.




## Incwadana yokufunda ngamaqela (Ibanga 2: Ikota1-2)


Incwadana yokufunda ngamaqela yakwa-Funda Wande Ikota 1 kunye neye-2 sisikhokelo sendlela yokufundisa ukufunda ngamaqela usebenzisa iingqokelela zamabali zakwa-Vula Bula. Inikezela ngeengcebiso malunga neendawo omawuziqaphele, amalungiselelo omawuwenze nezinye iindlela zokufundisa esisifundo kwibali ngalinye. Ekupheleni kwe kota 1 neye 2 uninzi lwabafundi bakho bamele ukuba babe bawagqibile ukuwafunda oyi 24 amabali akwiNgqokelela yamabali yakwa-Vula Bula.




## Unotsheluza wesandi ngasinye kunye noonotsheluza bakwa-Vula Bula

Unotsheluza wesandi kunye nonootsheluza abanamagama esosandi zakwa-Vula Bula ngamakhadi anemibala eqaqambileyo anemifanekiso, oonobumba kwakunye namagama athi afundise abafundi oonobumba be alfabheti kunye namagama aqhelekileyo esiXhoseni.






## Iipowusta zesigama

Iipowusta ezili-10 zesigama (DBE) ezibandakanyiweyo kule bhokisi, zenzelwe wena titshala ukuze uzisebenzise ekufundiseni abafundi bakho amagama amatsha kwiveki nganye. Abafundi bebanga 1 bamele ukuba bafunde amagama amatsha ayi 25 ngeveki! Sebenzisa ipowusta ibenye ngeveki xa ufundisa.














## Iincwadi zamabali zesifundo sokufundelwa ngutitshala

Kukho iincwadi zamabali ezili-10 ezibandakanyiweyo kulebhokisi. zenzelwe ukuba utitshala afundele abafundi incwadi e-1 ngeveki xa esenza isifundo sokukuphulaphula nokuthetha. Khumbula ukubuza imibuzo phambi, Phakathi nasemva kokuba ulifundile. Funda ngobinzana nezenzo!



## Iincwadi ezinkulu zakwa-Vula Bula

Kukho iincwadi ezinkulu ezi 4 zakwa-Vula Bula,iyileyo iqulathe amabali ama-4 ithi lonto unencwadi zamabali ezinkulu ezi 16. Ezincwadi ke zenzelwe izifundo zokufunda notitshala. Isigama esininzi esitsha ozakubafundisa sona abafundi bakho siyakuvela kwezincwadi zinkulu.











## Iipowusta zegumbi lokufundela

Kukho iipowusta ezi 5 ezibandakanyiweyo kule bhokisi yakho yakwa-Funda Wande. Kukho iipowusta ezi 4 ezisetyenziswa rhoqo ngeveki ezizezi ipowusta (Yesigama, Isakhelo sokubhala, Amagama abonwa rhoqo, Izandi) apho ungaxhoma khona oonotsheluza bakho obasebenzisileyo evekini. Kukhona neposta Yezigaba Zebali ethi ikuncede ekuqapheleni oondoqo bezigaba zebali xa usenza isifundo sokufunda notitshala, ukufundelwa ngutitshala okanye ukufunda ngokwamaqela.




## Uvavanyo olusisiseko

Incwadana yovavanyo olusisiseko yakwa-Funda Wande ikholo ukukunceda ekwenzeni uvavanyo olukhawulezileyo ekuqaleni konyaka. Oluvavanyo ulenzela okokuba ukwazi ukufumanisa umgangatho wokufunda abakuwo abafundi bakho, ukuze ubohlule babekumaqela omgagatho ofanayo. Oku kubangela ujolise ngqo kwizidingo zeqela ngalinye. Imiyalelo yokusebenzisa lencwadana iyafumaneka kwiqweqwe layo langaphakathi.

# Ukusebenzisa izicwangciso zokufundisa zika-Funda Wande

## 1. Yintoni iinjongo zeezizicwangciso zezifundo zika-Funda Wande?

Iinjongo zezizicwangciso zezifundo kukunika ootitshala ubuchule neengcebiso zokufundisa iiklasi ezinamanani aphezulu abafundi abakumazinga ahlukileyo, ukuze kungabikho bani ushiyekelayo.




Video #3: Introduction to the Lesson Plans. (3:43min)





## 2. Yintoni ekwisicwangciso sokufundisa?

Isicwangciso ngasinye sinezizinto zilandelayo:

1. Izixhobo zesifundo
2. Amalungiselelo esifundo
3. Iinjongo zesifundo
4. Onke amanqanaba esifundo ngokulandelelana kwawo
5. Imisebenzi yovavanyo olusesikweni yekota.

## 3. Zeziphi izixhobo ezihamba nezizicwangciso?

1. **Kukuphulaphula nokuthetha kuhamba kunye nezi zixhobo:**
   - Iipowusta ze-DBE
   - Oonotsheluza
   - Iincwadi zamabali – zesifundo zokufundelwa ngutitshala
2. **Kukufunda notitshala kuhamba kunye nezi zixhobo:**
   - Incwadi ezinkulu zakwa-Vula Bula
   - Oonotsheluza
   - Ipowusta yezigaba zebali
   - Amakhadi Obuchule beNgqiqo
   - Itshati yesigama
3. **Kwizandi nazo zihamba nezi:**
   - Ikhadi yoonobumba yakwa-Vula Bula
   - Amagama oonobumba akwa-Vula Bula
   - Ikhadi yezandi yakwa-Vula Bula
   - Amagama ezandi akwa-Vula Bula
   - Itshati yezandi
4. **Kukubhala ngesandla kuhamba nezizandi:**
   - Incwadana yokubhala ngesandla (yeBanga loku-1)
5. **Ukubhala kuhamba nezizixhobo**
   - Ipowusta yesakhelo sokubhala
6. **Kukufunda ngamaqela kuphuma**
   - Incwadana yovavanyo olusisiseko
   - Incwadana yokufunda ngamaqela



## 4. Yintoni ezenza zahluke izicwangciso zokufundisa zika-Funda Wande?

**1.** Kukuphulaphula nokuthetha siphuhlisa izakhono ezohlukileyo ngokusebenzisa:
- Iingxoxo mpikiswano
- Udliwano-ndlebe
- Ukubalisa
- Ukucengceleza

Sivulela umfundi ngamnye ithuba lokuziqhelanisa neencoko ezinesakhelo esebenza nomlingane size sisebenzise iindukwana zamagama ukuqinisekisa ukuba wonke umfundi unethuba lokuveza ezakhe iimbono.



Video #4: Components of Lesson Plans. (5:43min)

**2.** Kukufunda notitshala sufundisa okulandelayo:
- Ukusetyenziswa kolwimi
- Iimpawu zokubhala
- Ubuchule beNgqiqo

**3.** Kwizandi sinika abafundi amathuba wokuchonga nokusebenza ngeezandi ngeendlela ezahlukileyo.

**4.** Kukubhala, abafundi baxhaswa ngokwaneleyo ukuze babengababhali abagqibeleleyo ngokulandelayo:
- Ukhubhala notitshala **(Bayaboniswa)**
- Ukubhala ngababini **(Bayancedisana)**
- Ukubhala eyedwa

**5.** Kukubhala ngesandla, sincedisa utitshala ngokumnika incwadana yokubhala ngesandla yabafundi ukuze baziqhelanise nangakumbi.

**6.** Kukufunda ngamaqela, senze incwadana yokufunda ngamaqela echaza banzi ngezingongoma zilandelayo:
- Lwenziwa njani uvavanyo olusisiseko ukulungiselela ukwenza amaqela wokufunda ngamaqela
- Enziwa njani amaqela kwakunye nesicwangciso-xesha ye-GGR
- Zintoni emazenziwe ukuseka inkqubo yokufunda ngamaqela
- Zenziwa njani izifundo zokufunda ngamaqela usebenzisa ingqokelela yamabali yakwa-Vula Bula

## 5. Yintoni umsebenzi katitshala?

Umsebenzi katitshala kukwenza ezizinto:

- Kukuziqhelanisa nezizicwangciso zokufundisa.
- Kukufunda amabali phambi kokuba afundise isifundo alungise imibuzo embalwa azakuyibuza.
- Kukusika oonotsheluza abahamba nesifundo.
- Kukuzama ukulandela isicwangciso sesifundo kangangoko anakho
- Kukonwabela isifundo nabafundi bakhe.



# Umbono Ubalaseleyo 4 : Ukulingiselela iKlasi yakho

Ekuqaleni konyaka ngamnye, kubalulekile kwiveki zokuqala ezimbalwa ukulungiselela iklasi yakho ukuba ibeyindawo ekhuthaza ukufunda.

**Ngoko, yintoni indawo ekhuthaza ukufunda?**

1. Ukwakha ubudlelwane nabafundi
2. Ukulungiselela iklasi yakho
3. Ukubeka izicwangciso
4. Izixhobo zokwenza iklasi igcwale yimibhalo eshicilelweyo




Video #5: Setting up your classroom

Kubaluleke ngantoni oku? Ukuba kwenziwe kakuhle oku, bazakukwazi ngoko abafundi ukuba iklasi yindawo yokufunda. Iimathiriyeli kunye nezixhobo zokufunda ezilungiselelwe kakuhle emadongeni zenza umsebenzi wakho, njengatitshala, ubelula. Ubudlelwane obuhle nabafundi, kusaqala unyaka, kunye nezicwangciso ezintle ziluncedo ukuqinisekiseni ukuba wonke ubani uyazi amakakwenze, akonwabela nokufunda.

Masijonge la manqaku mane enza indawo ikhuthaze ukufunda:

## 1. Yakha ubudlelwane nabafundi bakho

Ekuqaleni konyaka, yenza inzame zokwazi amagama abafundi ngokukhawuleza kuba oko kunceda ukuba abafundi bazive bebalulekile kwaye kunceda nokuba ulawule iklasi yakho.




Video #6: Get to know your learners (1:13min)

## 2. Ukulungiselela iklasi yakho

Yiba nendawo ekhethekileyo eklasini yakho ebekelwe ukufunda ekwavumela abafundi ukuba bahlale phantsi nencwadi - indawo efana nekona yokufundela. Beka amaphepha axhonywayo emadongeni uze uqinisekise ukuba iitafile zishiya iizithuba ezaneleyo zokuba abafundi bahamba-hambe eklasini ukuze bafikelele kwizixhobo kunye neekona ezahlukeneyo. Sebenzisa yonke indawo ekhoyo eklasini ngempumelelo ze ubeke izicwangciso kunye nemithetho eyazisa abafundi ngokuba bazisebenzisa njani bevumeleke nini ukuzisebenzisa iindawo ezahlukeneyo eklasini.



## 3. Yenza uze ulandele izicwangciso zakho:





Video #7: Permie's Clapping Routine. (00:18min)

Lungiselela ze ugcine izicwangciso zakho ukuze abafundi bakwazi amabakwenze. Abantwana bafunda kakuhle xa bekwazi ekulindelwe kubo naxa bezazi ukuba zizakwenzeka nini izinto – seka izicwangciso  kunye neenkqubo ezinceda ukuba abafundi balandele imithetho eklasini. UPermie usebezisa ucwangciso lokuqhwaba izandla ukuze alawule iklasi.

**Ukufundisa naluphi na ucwangciso kuthatha amanyathelo ama-3 alula:**

1. **Cacisa ucwangciso** (umz. "nanini na ndiqwaba ngesisingqi wonke umtu uyandilandela ekuqhwabeni. Xa ndiqhwabela phezu kwentloko sonke siyayeka ukuqhwaba simamele kum")
2. **Yiqhelisele** (ziqhelanise nokwenza esisiqhelisaniso kunye)
3. **Yigxininise** (sebenzisa uqhelisaniso lokuqhwaba izandla lonke ixesha ufuna abantwana bakho bazinze)

## 4. Iklasi egcwele imibhalo eshicelweyo




Iklasi egcwele imibhalo eshicelweyo iqulathe izixhobo ezinje ngecwadi, amaphepha axhonywayo, izixhobo zokubhala, imidlalo, naziphi na ezinye izixhobo eklasini yakho. Ezi ziyabachukumisa abantwana xa bejonga-jonga egumbini. Sikunikile izixhobo zelitherasi kwibhokisi yakho ye-Funda Wande. Ungenza izixhobo ezongezelelweyo ozakuzisebenzisa eklasini. Umzekelo, izinto ezenza umdla, imisebenzi evela kubafundi, imifanekiso evela kumaphepha-ncwadi namaphepha axhonywayo.

Kuluncedo ukuceba indlela ozakuzisebenzisa ngayo izixhobo, veki nganye. Kwizicwangcisi-sifundo zakho, siyazigqamisa izixhobo ozakuzidinga kwilitherasi kwiiveki nganye.


**Umsebenzi:** Ngqamanisa Intetho kunye nezinto ezine amawuzimisele ekuqaleni konyaka ukuze wenze **indawo ekuthaza ukufunda:**

| **Ubudlelwane** | **Ikona yokufunda** | **Izicwangciso** | **Iklasi egcwele imibhalo eshicilelweyo** |
| --- | --- | --- | --- |
|  |  |  |  |

# Umbono Ubalaseleyo 5 : Uvavanyo olusisiseko

### 1. Yintoni uvavanyo olusisiseko?

Uvavanyo olusisiseko luvavanyo olufutshane oluthi ulenze ukuze ufumanise umganagatho wokufunda abakulo abafundi bakho. Unako ukusebenzisa iphepha eli-1 okanye ama-2 ovavanyo, kungenjalo umfundi ngamnye akufundele encwadini.




Video #8: Baseline Assessment. (2:02min)

### 2. Lwenziwa nini uvavanyo olusisiseko

Kufuneka lwenziwe ekuqaleni konyaka, ukwenzela okokuba ukwazi ukubohlula abafundi bakho ngokwamaqela afanelekileyo. Xa ubavavanyile abafundi bakho ngabanye-ngabanye, wazi bhala phantsi iziphumo zabo ngokwemigangatho yabo yokufunda, uyakuthi ukwazi ukubohlula ngokwamaqela afanelekileyo.

### 3. Luthatha ixesha elingakanani uvavanyo olusisiseko

Xa utitshala esenza uvavanyo olusisiseko ludla ngokuthatha imizuzu emithandathu nomfundi ngamnye. Kwiveki  ezimbini zokuqala enyakeni ungasebenzisa ixesha lakho elilungiselelwe isifundo sokufunda ngamaqela ukwenza oluvavanyo lusisiseko.

### 4. Kutheni ufuneka ulenzile uvavanyo olusisiseko?

Zine izizathu ezibangela ukuba senze uvavanyo olusisiseko

- Ukufumanisa umgangatho wokufunda womfundi ngamnye
- Ukuze ukwazi ukohlula abafundi ngokwamaqela okuqonda kwabo
- Ukuqinisekisa ukuba abafundi bafunda iincwadi ezisemgangathweni wabo
- Ukulandelela ubhale phantsi inkqubela yomfundi ngamnye.

## Zintoni ozihlolayo kuvavanyo olusisiseko kwibanga ngalinye

## Ibanga loku-1

**Oonobumba:** Ekuqaleni konyaka abafundi bebanga loku-1 banakho ukuba kanti abakakwazi ukufunda kodwa babe bebazi abanye oonobumba (ulwazi loonobumba). Sebenzisa uvavanyo olusisiseko lokuhlola oonobumba ubone ukuba bangaphi oonobumba abakwaziyo ukubafunda ngomzuzu omnye.

Learner Name: ______________________ Date: ________

| | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| a | e | i | n | u | k | l | o |
| h | m | b | s | w | y | z | t |
| g | d | p | c | f | q | j | v |

Yalatha unobumba ngamnye ucele umfundi akuxelele ukuba lonobumba wenza esiphi isandi ze umnike inqaku kwiphepha lakho lamanqaku, ngonobumba ngamnye amfunde ngokuchanekileyo. Xa besenza iimpazamo sukubalungisa, gqithela komnye unobumba.

**Izandi ezisemagameni**
Abanye babafundi bangabe sele benawo umqondo wokuqala nokuphela kwesandi (ulwazi lwezandi). Ukuhlola oku, jonga kwincwadana yovavanyo lwezandi zebanga loku-1.

Fundela umfundi igama ('vuka') umbuze ukuba liqala ngomphi unobumba eligama (/v/), liphela ngomphi unobumba (/a/). Kwezi zandi zilishumi jonga ukuba zingaphi abazifunde ngokuchanekileyo.

Simple words

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| biza | nini | imoto | imoto | wam |
| lala | idolo | iti | zoba | ileli |
| xoxa | ulele | vuka | isisu | izolo |
| veza | imini | qala | nye | ikasi |
| hleka | ncuma | thatha | chuba | sonka |
| zenza | shiya | impuku | thuma | bethu |
| lwam | tyeba | khaba | pheka | Ngomso |
| dlula | tyibilika | krokra | ngqengqa | Umzuzwana |
| ungcwele | umbundlwana | untswinyiwe | uyantywila | Indlwana |

## Ibanga lesi-2

**Izandi:** Ekuqaleni kwebanga lesi-2 uninzi lwabafundi balindeleke okokuba sele bebazi bonke oonobumba.

**Oonombini:** Abafundi bayakuba sele bedibene noonombini/ngabavavanye abafundi koonombini (ng), jonga ukuba bangaphi abafundi ngomzuzu abafunda ngokuchanekileyo.

Learner Name: ________________________ Date: _________

| | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| l | k | n | b | y | s | z | ng |
| nd | th | kh | ph | kw | f | ny | d |
| mb | hl | nk | nt | nz | v | g | t |
| tsh | bh | lw | q | c | h | nc | ndl |

**Amagama alula:** Ekuqaleni konyaka abanye abafundi bebanga lesibini sele bekwazi ukufunda amagama alula. Bavavanye kula magama alula ujonge ukuba mangaphi abawafunda ngokuchanekileyo ngomzuzu.

Learner Name: ________________________ Date: _________

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| idada | abafana | udaka | iwele | ulele |
| ukuba | watsho | kakhulu | ke | kodwa |
| kwaye | le | umama | yakhe | emva |
| kunye | lo | ngoku | nje | ukuze |
| ubisi | wakhe | xa | abantu | apha |

## Ibanga lesi-3

**Oonobumba:** Abafundi bebanga lesithathu bafanele ukuba babe bayabazi oonobumba bonke Bavavanye koonobumba.

**Oonombini:** Abafundi kufanele ukuba sele bedibene noonombini(ng) bavavanye ukuze ujonge bangaphi ngomzuzu abawafunde ngokuchanekileyo.

**Amagama alula:** Ekuqaleni konyaka abanye abafundi bebanga lesithathu sele bekwazi ukufunda amagama alula. Bavavanye kulamagama alula ujonge ukuba bangaphi ngomzuzu abawafunde ngokuchanekileyo.

**Ukufunda ngotyibiliko nangengqiqo:** Ekuqaleni konyaka abafundi bebanga lesithathu bafanele ukuba bayakwazi ukufunda izivakalisi ezifutshane ngotyibiliko nangengqiqo baze bakwazi ukuphendula imibuzo kwitekisi leyo.Bavavanye abafundi kwizivakalisi ezifutshane.


Learner Name: ______________________ Date: ________

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| Sizisa | umnikelo. | Sizise | la | ma-apile. |
| Siyavuya | ukuzisa | lo | mnikelo. | |
| Sizisa | umnikelo. | Sizise | la | mapere. |
| Siyavuya | sibe | nako | ukunikela. | |
| Sizisa | umnikelo. | Sizise | ezi | popo. |

## Lweziwa njani uvavanyo olusisiseko?

### Inqanaba 1: Ucwangciso lovavanyo olusisiseko


- Funda imigaqo yovavanyo olusisiseko ze ukwazi ukwenza uvavanyo kwibanga ngalinye.
- Yenza uluhlu lwamagama amahlanu abafundi ozabavavanya ngosuku evekini.
- Qinisekisa ukuba nabanye abanemisebenzi abayenzayo.



Video #9: Baseline Assessment. (2:02min)

### Inqanaba 2: Umxholo wovavanyo olusisiseko

- Xelela bonke abafundi ngomsebenzi abazakuwenza
- Biza umfundi ozakumvavanya asondele etafileni yakho.
- Landela imigaqo yovavanyo olusisiseko.
- Bhala phantsi amanqaku omfundi ngamnye.



## Inqanaba 3:Sebenzisa amanqaku ukubeka abafundi kumaqela

- ngokwemigangatho yabo.
- Sebenzisa amanqaku ukohlula abafundi ngamaqela amahlanu.
- Nika iqela ngalinye igama okanye uyekele kubafundi bazithiyele
- Bhala amagama abafundi ngokwamaqela wabo.
- Qwalasela inkqubo yabafundi ngokuhamba konyaka ukuze ubatshintshe kumaqela xa kukho imfuneko.

Ekuqaleni konyaka bukela lemiboniso ka Zaza ngamnye ngamnye esenza uvavanyo olusisiseko kwibanga lesi 3.

Ucinga ukuba ababafundi bafanele ukuba kwiqela elinye lokufunda? Xhasa impendulo yakho.



Video #10: Baseline Video 1. (00:13min)



Video #11: Baseline Video 2. (00:13min)



Video #12: Baseline Video 3. (00:06min)

# Umbono Ubalaseleyo 6 : Intshayelelo yokuFunda ngokuKhokelwa liQela


## 1. Yintoni ukufunda ngamaqela?

Ukufunda ngamaqela utisthala usebenza namaqela amancinane abantwana abanezakhono ezifanayo zokufunda. Utitshala uyabakhokhela ebaxhasa abafundi ukuze basebenzise izicwangciso zokufunda ezahlukeneyo ngoxa befunda iincwadi kwinqanaba abanakho ukumelana nalo ubukhulu becala.
Oku sikubiza ukufunda kwinqanaba ellifaneleyo. Injongo yokufunda ngamaqela kukunika utitshala ithuba lokumamela umfundi ngamnye efunda nokuhlola oko ekusafuneka akufunde ngcono umfundi.

Utistshala wenza ukuba abantwana baziqhelanise nezicwangciso obafundise zona ngelixa efunda yedwa.

**Ukufunda ngamaqela kumalunga:**

- Nokufunda namaqela amancinane anezakhono ezikwinqanaba elinye
- Nokufunda kwinqanaba elifaneleyo
- Nkufunda ufumana inqanaba lenkxaso efaneleyo kutitshala





Video #13: Introduction to Group Guided Reading? (3:48min)

## 2. Izixhobo

Yintoni endiyidingayo ngokufunda ngamaqela?

- Ingqokelela ye-Vula Bula
- Incwadana ye-Funda Wande yokufunda ngamaqela
- Naziphi na ezinye izixhobo ezikwinqanaba labantwana (umz. Imibongo, iintengiso, amanqaku ephepha-ndaba, njl. njl.)
- Iincwadi zokufunda ezongeziweyo: naziphi na iincwadi zokufunda ezinamanqanaba ahlukeneyo okanye iincwadi ezincinane onganazo esikolweni sakho.




## 3. Indima yakatitshala

**Lungiselela bonke abanye abafundi eklasini imisebenzi**
Nika imiyalelo ecacileyo ngokwenza imisebenzi. Umzekelo, unganika abafundi ixesha lokuziqhelisanisa kwincwadana yokubhala ngesandla okanye benze imisebenzi kwiincwadi ezibhalwayo zemisebenzi zabo ze-DBE.

**Seka ucwangciso abafundi amabawulandele ngelixa befunda ngamaqela**

- Qhelanisa abantwana nocwangciso-xesha lokufunda ngamaqela
- Bekela iklasi imithetho yokufunda ngamaqela
- Bonisa indlela yokubamba nokukhathalela iincwadi

## 4. Izicwangciso zokufunda

Utitshala unika inqwalasela kwizicwangciso zokufunda ezithile



- **Izicwangciso zengqiqo** (umz. Ulwazi lwangaphambili, ukuthelekelela, uqikelelo, unxulumaniso, ukujonga nokuqonda)
- **Izicwangciso zokuhlasela amagama** (umz. Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo, ukwahlula kwamagama, ukudibanisa amagama, nokusebenzisa umfanekiso ukuze ucacise igama)

**Mamela:** Mamela umfundi ngamnye efunda

- Bonisa indlela yokuzilungisa
- Vumela ukulungisana kwabalingani
- Nceda apho kukho isidingo
- Bhala phantsi inkqubela yokufunda yabafundi ze unike ingxelo

## 5. Amanyathelo alandelwayo ngelixa befunda ngamaqela



- Khumbuza abafundi ngemithetho yokufunda ngamaqela
- Cacisa undoqo lwesifundo sokufunda ngamaqela
- Xoxa ngeqweqwe lwencwadi
- Funda umqolo ukuya kwemibini ubonisa utyibiliko
- Vumela uguqulo lombhalo ofihlakeleyo (decoding)
- Vumela umfundi omnye afunde ngoxa abanye befunda ngokuthulileyo
- Buza umfundi ngamnye imibuzo efuna impendulo engangqalanga
- Nqumamisa ukufunda (buza abafundi ngeenkcukacha zebali nokuba bafunde ngentsingiselo yebali, ngononophelo

**Izinto emazikhunjulwe ngelixa befunda ngamaqela**

- Utisthala uqala ngokubabonisa indlela yokufunda
- Kufunda umfundi ngamnye
- Abantwana baziqhelanisa nokufunda kakuhle
- Utitshala uhlola ukuba loluphi uncedo oludingwa ngumfundi ngamnye

# Checklist : Ibhokisi yakwa-Funda Wande

**Izixhobo zase-Funda Wande:**

1. Incwadana yezicwangciso zezifundo zakwa-Funda Wande: Ikota 3
2. Incwadana yokufunda ngamaqela yakwa-Funda Wande
3. Incwadana yokubhala ngesandla yakwa-Funda Wande
4. Incwadana yovavanyo olusisiseko yakwa-Funda Wande
5. Iposta yezigaba zebali yakwa-Funda Wande
6. Iposta zegumbi lokufundela zakwa-Funda Wande
   - Isigama Seveki
   - Izandi Zeveki
   - Isisekelo Sokubhala Seveki
   - Amagama Abonwa Rhoqo

**Iipowusta zesigama (DBE)**

- Esikolweni
- Usapho Lwam
- Izithuthi
- Imozulu
- Ukhuseleko Ekhaya
- Ukuya Kwagqirha
- Ezilwanyana Zasendle
- Efama
- Ukuthenga
- Umbhiyozo Wosuku Lokuzalwa
- Imidlalo
- Abantu Abasincedayo
- Imibhiyozo

**Izixhobo zakwa-Vula Bula:**

- Ifrieze yezandi yakwa-Vula Bula
- Amagama ezandi akwa-Vula Bula

**IIncwadi ezinkulu zakwa-Vula Bula**

**Incwadi enkulu: 3**
- Jika
- Umnikelo
- Utata usele nosana
- Sebeza

**Incwadi enkulu: 4**
- Lelikabani eli Vili?
- Ekhaya
- Uhambo
- Yophukile ifestile

**Incwadi enkulu: 5**
- Ncedani!
- Uphi uZinzi?
- Sidlala undize
- Sityiwe isonka

**Incwadi enkulu: 6**
- Izinyo
- Evenkileni yempahla
- Umnqathe omkhulukazi
- Ibali lobugqi

**IIncwadi zamabali esifundo sokufundelwa ngutitshala**

- Ibhulukhwe Ende
- iBhola elahlekileyo
- Intombazana encinane eyayingafuni
- Imbila Nofudo
- Umoya Nelanga
- UNguni Omhle
- UDadana Ombi
- ULindiwe iqhawe-kazi Lethu!
- Ibhokwana encini elahlekileyo
- Sonwabile

# Intshayelelo

Izicwangciso zezifundo zeFunda Wande zibonelela ngesikhokelo sosuku nosuku malunga nendlela yokufundisa ukufunda ngentsingiselo usebenzisa izixhobo ezikwibhokisi yeFunda Wande.

Ngosuku ngalunye, kukho isikhokelo esimaphepha-mabini esineenkcukacha malunga:

- nezixhobo ezifunekayo
- namalungiselelo afunekayo
- neenjongo zesifundo
- nesikhokelo senyathelo-nenyathelo malunga nendlela ekunokufundiswa ngayo
- nomsebenzi wovavanyo olusesikweni wekota

IFunda Wande idibanisa indlela yokufundisa uLwimi Lwasekhaya kunye neZakhono zoBomi. Sisebenzisa izihloko nemisebenzi yeZakhono zoBomi ukufundisa ukufunda nokubhala.

Ekupheleni kwekota, kukho icandelo leeNgcamango eziNkulu, elinenkcazelo yezinye "iiNgcamango eziNkulu" okanye Oondoqo ekufundiseni ukufunda.

Funda Wande
Reading for Meaning


# Term Plan : Grade 2 Term 1

| IsiXhosa HL - Grade 2 Term 1 | | | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | **Week 1** | **Week 2** | **Week 3** | **Week 4** | **Week 5** | **Week 6** | **Week 7** | **Week 8** | **Week 9** | **Week 10** |
| | 7-11 Jan | 14-18 Jan | 21-25 Jan | 28 Jan - 1 Feb | 4-8 Feb | 11-15 Feb | 18-22 Feb | 25 Feb - 1 Mar | 4-8 Mar | 11-15 Mar |
| **Listening & Speaking** | School Readiness and Orientation | **Poster:** At School **Book:** Umoya nelanga **Story:** Impuku, umqhagi nekati | **Poster:** Wild Animals **Book:** Imbila nofudo **Story:** Umrhwebi nesihange | **Poster:** My Family **Book:** Umoya nelanga **Story:** Umoya nelanga | **Poster:** Shopping **Story:** Ibhola elahlekileyo | **Poster:** Transport **Story:** Unguni omhle | **Poster:** Going to the doctor **Book:** Umoya nelanga **Story:** Izidenge zamasele | **Poster:** Safety at home **Book:** Imbila nofudo **Story:** Imbila nofudo | **Poster:** Sport **Story:** Intombazana eyayingafuni ukukhula | **Poster:** People that help **Story:** Ibhulukhwe ende |
| **Shared Reading** | | **V.B Big Book:** Story 10 - Umnikelo | **V.B Big Book:** Story 14 - Ekhaya | **V.B Big Book:** Story 11 - Utata usele nosana | **V.B Big Book:** Story 12 - Sebeza | **V.B Big Book:** Story 13 - Lelikabani elivili | **V.B Big Book:** Story 15 - Uhambo | **Poem:** Isilumkiso | **V.B Big Book:** Story 16 - Yophokile I fesitile | **V.B Big Book:** Story 17 - Ncedani |
| **Phonics** | | nd ng | hl kh | nq nw | qh gq | dl gc | mb ng | th hl | bh ph | nc th |
| **Handwriting** | School Readiness and Orientation | nd ng | hl kh | nq nw | qh gq | dl gc | mb ng | th hl | bh ph | nc th |
| **Writing** | | | | | | | | | | |
| **Group Guided Reading** | | **Baseline Assessment** | **Vula Bula Anthologies** See all groups | **Vula Bula Anthologies** See all groups | **Vula Bula Anthologies** See all groups | **Vula Bula Anthologies** See all groups | **Vula Bula Anthologies** See all groups | **Vula Bula Anthologies** See all groups | **Vula Bula Anthologies** See all groups | **Vula Bula Anthologies** See all groups |

# Timetable

| Time | Duration | MON | TUES | WED | THURS | FRI |
|---|---|---|---|---|---|---|
| 08:00-08:25 | 25 | Listening & Speaking; Read Aloud (Life Skills: Beginning 60 min) | | | | |
| 08:25-09:55 | 90 | MATHS BLOCK | | | | |
| 09:55-10:25 | | First Break | | | | |
| 10:25-11:15 | 20 | Shared (1) | Shared (2) | Shared (3) | Handwriting | Handwriting |
| | 15 | Phonics | Phonics | Phonics | Phonics | Phonics |
| | 15 | Handwriting | Writing | Writing | Writing | Writing |
| 11:15-12:00 | 45 | EFAL - Listening & speaking (60), Reading & phonics (60), Writing (60), Language use (30) | | | | |
| 12:00-12:30 | 30 | Second Break | | | | |
| 12:30-13:00 | 30 | GGR X 2 groups a day; Paired Reading; Independent Reading | | | | |
| 13:00-13:35 | 35 | Creative Arts (x2) / PE (x3) | | | | |
| | | HL & LS | EFAL | MATHS | ASSESSMENT | |

13:00-13:35




## UKWAMKELA

## Ukwamkela nokwazana nabafundi *(imizuzu engama-20)*


- **Izixhobo:** Oonotsheluza abanamagama abantwana, itshati engabhalwanga yeentsuku zokuzalwa zabafundi.
- **Amalungiselelo:** Lungisa igumbi lakho lokufunda libenomtsalane, uncamathisele igama lomfundi ngamnye kwindawo aza kuhlala kuyo. Bhala igama lakho ebhodini. Qinisekisa ukuba unendawo apho oobhaka baza kubekwa khona.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukwazana.

**IMISEBENZI**

**1. Yamkela bonke abantwana egumbini lokufunda uyalele umfundi ngamanye akhangele idesika enegama lakhe.**
- Bachazele ukuba umfundi ngamnye uza kuhlala kuloodesika kule kota.

**2. Umdlalo**
- Bizela abafundi phambili eklasini. Bala ukuqala kwi-10 ukwehla, babe bezama ukufumana iindawo zabo zokuhlala kwakhona.

**3. Ukwazisa**
- Babizele emethini uze uzazise ubabonisa igama lakho elisebhodini. Baxelele izinto ozijongileyo kulo nyaka.
- Ngethuba bezazisa buza lemibuzo:
  - Yeyiphi eyona nto unenjongo yokuba yenzeke kuwe kulo nyaka?
  - Unoobhuti okanye unoosisi abangaphi?
  - Ngubani umhlobo wakho omkhulu?
  - Yintoni eyona nto uthanda ukuyenza (okanye ukuyitya)? Yenza oku kubesisenzi esimnandi.



## Ukuziqhelanisa nokusegumbini lokufunda *(imizuzu engama-30)*

- **Izixhobo:** Ikona yokufunda, indawo yokugcina izinto ezisetyenziswayo egumbini lokufunda, imethi, indawo egcina iincwadi, ikona yeZibalo nezixhobo zayo, oonotsheluza abanamagama abafundi, itshati yemisebenzi kunye netshati yemozulu
- **Amalungiselelo:** Oonotshuluza abanamagama abafundi. Itshati yemozulu ezotywe kwikona esezantsi yebhodi,(lomzobo mawuhlale ukhona ebhodini), Izalathisi ezichaza izitishi nezixhobo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukwazi okusegumbini lokufunda nokuba kusetyenziselwa ntoni.

**IMISEBENZI**

**1. Ukhenketho lwegumbi lokufunda**
- Yalela abafundi beme phambili egumbini lokufunda.
- Jikeleza igumbi ubabonisa isitishi ngasinye uthetha nangendlela esisetyenziswa ngayo egumbini.

**2. Thetha ngoxanduva:**
- Babonise indlela igumbi elicoceke ngayo, qala ngokubabuza lemibuzo:
  - Linjani eli gumbi?
  - Nicinga ukuba ndenze ntoni ukuze eli gumbi libenje?
  - Nicinga ukuba liza kuhlala linje oko?
- Xelela abafundi ukuba umfundi ngamnye kuzakufuneka athathe inxaxheba ukugcina igumbi licocekile.
- Beka amagama abantwana kwitshati yemisebenzi uqinisekisa ukuba wonke umfundi unethuba lokusebenza.



## Ukwaba iincwadi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Ingqokelela yamabali e-Vula Bula, iincwadi zabafundi ze-DBE: Izibalo, IsiXhosa, isiNgesi (olwimi lokuqala olongezelelweyo/ FAL), Izakhono zobomi, iincwadi zokubhala zezifundo zonke.
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba iincwadi zizakwanela bonke abafundi.
- **Iinjongo zesifundo:** Abafundi babenezixhobo zonke ezilindelekileyo.

**IMISEBENZI**

- Sebenzisa abasebenzi bosuku nje ngokubhaliweyo kwitshati yemisebenzi, ubacele babe iincwadi.
- Yalela abafundi bacele abazali bafake iplastiki ukukhusela iincwadi zabo ze babuye nazo ngomso.

**UMSEBENZI WASEKHAYA:** Yalela umfundi ngamnye aze nomfanekiso wakhe ngomso.

# Iveki Yoku-1: Usuku Lwesi-2





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Itshati yemozulu, incwadi yesiXhosa ye-DBE yomsebenzi, iphepha lesi-2
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unencwadi ye-DBE yomsebenzi, lungisa imibuzo oza kuyibuza abafundi malunga nomfanekiso okwi phepha lesi-2 kwincwadi ye-DBE yomsebenzi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngomfanekiso okwincwadi ye-DBE yomsebenzi, kwiiphepha lesi-2, nokuphendula nemibuzo emalunga namava abo.

**IMISEBENZI**

**1. Incwadi yesiXhosa ye-DBE yomsebenzi, iphepha lesi-2**
- Thetha ngomfanekiso uze ubuze imibuzo:
- Nicinga ukuba loluphi olusuku? Kutheni nisitsho?
- Nicinga ukuba aba bantwana bakulomfanekiso baziva njani? Kutheni beziva njalo?
- Hee, inokuba kutheni lankwenkwe imi ngasemnyango inganxibanga mpahla yesikolo?(Cingela ngaphandle).





## Imithetho yegumbi lokufunda *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iphepha elikhulu lokubhalela.
- **Amalungiselelo:** Lungisa iphepha elikhulu lokubhala. Yila uluhlu lwemibuzo ukukhokela abafundi ekucebiseni imithetho eza kuqeqesha wonke umntu egumbini lokufunda.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuyileni imithetho yegumbi lokufunda.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuzikhumbuza:**
- Yamkelani abafundi abatsha abafike mva.
- Ncokolani ngamagqabantshintshi ngokufundiweyo kusuku lokuqala.

**Imithetho yegumbi lokufunda**
- Ncokola nabafundi malunga nokubaluleka kwendlela yokuziphatha egumbini.
- Xoxani ngemithetho yegumbi efanelekileyo
- Bhala imithetho enivumelana ngayo ebhodini. (Ungabandakanya nale ilandelayo). Cela abafundi babenogalelo.
  - Siligcina licocekile igumbi lethu
  - Siyamamelana xa omnye ethetha.
  - Xa umntu enento yokuthetha uphakamisa isandla.
  - Siyonwaba kwigumbi lethu lokufunda.
- Yibani nezigqibo malunga nokuzakwenzeka xa umntu ophule umthetho okanye imithetho.
- Ukuphuma kwesikolo, khuphela lemithetho kwiphepha elikhulu eliza kuncanyathiselwa eludongeni.




## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Incwadi yesiXhosa ye-DBE yomsebenzi, iphepha lesi-4 nepensile
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba bonke abafundi banazo iincwadi zabo ze-DBE zomsebenzi kunye neepensile.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzoba nokubhala ngezinto abazenzileyo ngexesha leholide

**IMISEBEZI**

**1. Incwadi yesiXhosa ye-DBE yomsebenzi, iphepha lesi-4**

- Funda imiyalelo kunye nabo, ubayalele ukuba balandele imiyalelo.
- Yalela abafundi ukuba nabo mababhale isivakalisi sibesinye malunga nokwenzekayo emfanekisweni
- Bazise ukuba lo msebenzi bawubhalayo baza kuwusebenzisa kwintetho-nkcazelo.
- Jikeleza uthethe nabantwana malunga nezinto abazizobileyo nabazibhalileyo.

# Iveki Yoku-1: Usuku Lwesi-3




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Itshati yemozulu, incwadi yesiXhosa ye-DBE yomsebenzi, iphepha lesi-4.
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba bonke abantwana banazo iincwadi ze-DBE zomsebenzi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha malunga neeholide zabo besebenzisa imizobo abayizobileyo.

**IMISEBENZI**

**1. Itshati yemozulu nomhla**
- Theta ngemozulu yanamhlanje – yintoni abayithandayo/ **abangayithandiyo ngemozulu yanamhlanje? Kutheni? (baphendule kakuhle kwiimpendulo zabo ubuze imibuzo elandelayo)**

**2. Incwadi yesiXhosa ye-DBE yomsebenzi iphepha lesi-4**
- Yalela abafundi ukuba bathethe ngababini malunga ngeholide zabo besebenzisa imizobo abayizobileyo.
- Banike imizuzu emibini bethetha ngemizobo yabo uze ubacele ukuba batshintshe izihlobo.
- Xa bonke abantwana belifumene ithuba lokuthetha noogxa babo malunga nemizobo yabo, biza abafundi abathile beze ngaphambili bazokuxelela iklasi yonke ngeyabo iholide




## Imithetho yegumbi lokufunda *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Ipowusta yemithetho yegumbi lokufunda.
- **Amalungiselelo:** Yenza ipowusta enemithetho yegumbi lokufunda.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuxoxa ngemiphumela yokwaphula imithetho yegumbi lokufunda.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuzikhumbuza: Thetha ngemithetho bekugqitywe ngayo izolo.**

**2. Ipowusta yemithetho yegumbi lokufunda**
- Funda imithetho yegumbi lokufunda kunye nabantwana.
- Bonisanani ngezimvo malunga namanyathelo afanelekileyo anokuthi athathwe xa kophulwe lemithetho yegumbi lokufunda.
- Tyikitya le powusta yemithetho ezantsi ukubonakalisa ukuzinikela, cela bonke abazimisele ukuyibamba lemithetho batyikitye nabo okanye babhale amagama abo ngezantsi bebonakalisa ukuzinikela.
- Yixhome ipowusta eludongeni ubakhumbuze ngayo rhoqo.



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabantwana zokubhala,iipensile nephepha likatitshala lepatheni.
- **Amalungiselelo:** Bhala ebhodini umhla, ibanga, igama lakho titshala, uze ushiye indawo yokubhala igama lomfundi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukubhala; utitshala ajonge isakhono sabo sokubhala.

**IMISEBENZI**

**1. Umsebenzi obhalwe ngesandla**
- Yalela abantwana ukuba bakhuphe iincwadi zabo zokubhala, ubacacisele into ekufuneka beyenzile
- Mabakhuphele okubhalileyo ebhodini, bafakelele inkcukaca eshiyelelweyo kwaye babhale izivakalisi ezizeleyo.

Umhla:

Kulo nyaka ndikwibanga lesiBini.Ndifundiswa ngutitshalakazi u…………………………..
Egumbini lethu lokufunda kukho amantombi ama……………kunye namakhwenkwe ali……….

- Jikeleza uqinisekise ukuba basebenzisa amaphawu okubhala afanelekileyo (oonobumba abakhulu, iziphumlisi nezingxa) kwaye babeka umnwe phakathi kwamagama xa bebhala.

**Qinisekisa:**
- Bonke abantwana bahleli nkqo,kwaye iinyawo zabo zihleli phantsi.
- Ukubamba ipensile: Bonke abantwana bayibambe kakuhle ipensile.
- Apho kuqalwa khona: Bonke abantwana baqala ekhohlo ukuya ekunene xa bebhala





## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Iphepha elikhulu lokubhala, iikoki.
- **Amalungiselelo:** Zoba uluhlu loqiniseko kwiphepha elikhulu lokubhala
- **Injongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekubhaleni uluhlu loqiniseko malunga nokulungela ukuya esikolweni besebenzisa amava abo.

**IMISEBENZI**

**1. Bhala uluhlu loqiniseko**

- Buza abantwana ukuba bakhe babonaba bani na ebhala isicwangciso esinje, eza kusisebenzisa entweni?
- Babuze abantwana ukuba yeyiphi imisebenzi efuna ukuba benze uluhlu loqiniseko.
- Baxelele abantwana ukuba ngunyaka omtsha lo kwaye wena uza kubhala uluhlu loqiniseko lwezinto zesikolo abazakuzidinga.
- Bonisanani ngezimvo malunga nezinto ezifuneka zibekolu luhlu kwaye uzibhale kwiphepha elikhulu.
- Ezi zilandelayo zingayinxalenye noluhlu lwakho:
  - Ubhaka wesikolo
  - Izihlangu zesikolo
  - Ithini yokufaka isidlo sasesikolweni, njalo njalo
- Cela abafundi bakhuphe iincwadi zabo zokubhala, babhale umhla kunye noluhlu loqiniseko enigqiba kulenza.

# Iveki Yesi-2: Usuku Loku-1




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta: Esikolweni. Oonotsheluza besigama: **utitshala, incwadi, ikhompiyutha, isuthikheyisi, ipenisile**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesihloko noonotsheluza besigama akwipowusta ngesiXhosa.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngepowusta engqamanisa neziganeko zobomi babo. Ukufunda isigama esitsha

**IMISEBENZI**

**Umxholo wepowusta: Esikolweni**

- Ncamathisela ipowusta ebhodini nincokole ngesihloko nemifanekiso.
- Xoxani ngesigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga isakhiwo segama ngalinye. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-Vula Bula: **Umnikelo,** Oonotsheluza besigama**: qokelela, kramza, iyarhwexa, umnikelo, ukuhlaziya, umkhuluwa**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali ngaphambili uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxhaxheba ekusebenziseni isihloko ekuqikeleleni umxholo webali, umfundi engqamanisa nolwakhe ulwazi lwangaphambili ephendula nemibuzo yengqiqo.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**

- **Iqweqwe**: Thetha ngomfanekiso oseqweqweni nesihloko, ubuza lemibuzo:
  - Ucinga ukuba kwenzeka ntoni kulo mfanekiso? Kutheni usitsho nje?
  - Liza kubangantoni eli bali? (QIKELELA)
- **Imifanekiso**: Gqala kwimifanekiso (ngaphandle kokufunda) ubuze lemibuzo:
  - (Iphepha lama-20) Bayalele bafunde umbhalo obhalwe eludongeni nasemotweni ze nincokole ngawo.
  - Ingaba izokwenza ntoni lemoto apha? (cingela ngaphandle)
- **Isigama:** Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluza nezinto okanye nemifanekiso.
  - Thetha ngentsingiselo yegama. Jonga isakhiwo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**2. Ukufunda:** Funda ibali ngembonakalo enomdla, nangokuthe rhu.

**3. Emva kokufunda**

- Buza imibuzo yengqiqo:
  - Ucinga belinika umdla eli bali? Ngoba?
  - Wakhe waphiwa into exabisekileyo ngumntu? Yayiyintoni kwaye yakwenza uzive njani loo nto?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wesandi u-/**ng/;** Oonotsheluza abasuka kuluhlu lwamagama lwezandi: **ingalo, ingacu, ingoma, ingono**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: **"Ingathi nam ndingayithanda imengo ".** Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**ng/.**

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi:**

- Ncamathisela isivakalisi ebhodini ucele abafundi basifunde notitshala.
- Cela abafundi bachonge esona sandi siphinda-phindiweyo ngaphezulu kunezinye kwesisivakalisi.
- Biza umfundi abemnye umcele akrwele umgca phantsi kwesandi u-/**ng**/ (qiniseka ukuba umfundi angabandakanyi isikhamiso).
- Bachazele ukuba esi sisandi eniza kugqalisela kuso namhlanje – indlela esibizwa ngayo, esifundwa ngayo nesibhalwa ngayo.

**2. Umzobo wesandi u-/ng/:**


- Ncamathisela unotsheluza ka-/**ng**/ ebhodini: ncokolani ngomfanekiso.
- Yalela abafundi babize isandi u-/**ng**/. Mabajonge umlomo wakho; mabasibize kwakhona bejongene emilonyeni ngelixa besithi /**ng**/ ukubona ukuba imilebe yabo yenza ntoni.
- Babuze ukuba ngabaphi oonobumba abenza u-/**ng**/.

- Mababize abanobumba nganye nganye ngethuba bebabhala emoyeni baze babohlule bathi: **/n/** + **/g/** (ukwahlula).
- Ngoku mabababize xesha nye - **/ng/**.
- Abafundi mabaphindaphinde ukusidinanisa isandi besibhala emoyeni, esandleni nasezidesikeni besebenzisa iminwe.

**3. Amagama ezandi:**

- Cela abafundi bakunike amagama abawaziyo anesandi u -**/ng/**.
- Cela abafundi bafunde amagama akoonotsheluza.
- Thethani ngentsingiselo yegama. Jongani isakhiwo segama ngalinye. Lisebenziseni kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.






## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala zabafundi.
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini usebenzisa imikrozo emibini ukuziqhelanisa ukubhala u-**/ng/.**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala isandi u-**/ng/.**

**IMISEBENZI**

- Nikela abafundi umva uze ubacele bakujonge.
- Bhala iphatheni ebhodini usenza isicengcelezo esiyalela indlela yokuyenza.
- Yalela abafundi baziqhelanise nokubhala iphatheni emoyeni besenza esi sicengcelezo.
- Mabaziqhelise ukubhala le phatheni ezidesikeni zabo besebenzisa iminwe besenza isicengcelezo.
- Bayalele babhale kwiincwadi zabo zokubhala ngesandla. Jikeleza ujonga imisebenzi yabo.
- Ziqhelaniseni nokubhala u-/**ng**/ kwangalendlela ingentla.
- Bhala isivakalisi: "Ingathi nam ndingayithanda imengo" uyalele abafundi basibhale kwiincwadi zabo zokubhala esisivakalisi.

**Qinisekisa:** Kuyimfuneko ukuba bonke abafundi bahlale nkqo inyawo zabo zithi nca phantsi.

- ◦ **Ukubamba ipensile** – bonke abafundi bayibambe ngendlela efanelekileyo ipensile.
- ◦ **Apho kuqalwa khona** – bonke abafundi mabaqale ekhohlo ukubhala besiya ekunene.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Yesi-2: Usuku Lwesi-2





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta ye-DBE: **Esikolweni**. Oonotsheluza besigama.
- **Amalungiselelo:**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukwenza incoko ngemifanekiso ekwipowusta.

**IMISEBENZI**

**Umxholo wepowusta: Ucoceko**

- Ncamathisela ipowusta ebhodini nikhumbuzane ngencoko yayizolo.
- Isigama:  xhoma amagama ashiyekileyo kwizithuba ezikwipowusta.
- Thetha ngentsingiselo yegama. Jonga isakhiwo segama ngegama ngalinye. Lisebenziseni kwisivakalisi.
- Thethani ngezinto ezahlukileyo ezenzeka kweligumbi nezizathu ezibangela utitshala ahlale neqelana labafundi.
- Yalela abafundi benze ezizinto bazibonayo kwipowusta.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-Vula Bula: **Umnikelo**, oonotsheluza besigama: **qokelela, kramza, iyarhwexa, umnikelo, ukuhlaziya, umkhuluwa**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali ulazi uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokusebenzisa iziphawuli zeziphumlisi ezifana nezingxi neziphumlisi kwisivakalisi.

**IMISEBENZI**

1. **Phambi kokufunda**

- **Ukukhumbuza**: Thethani ngokufundwe izolo.
- **Isigama:**  Thetha ngamagama ebefundiswe izolo baze abafundi benze izivakalisi ngawo.
  - Abafundi kufuneka benze izivakalisi baze basebenzise amagama abawafundiswe izolo kwisininzi.
  - Thetha ngentsingiselo yegama. Jonga isimo segama ngasinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**Fundisa ngokuthe gca:** Fundisa uphawu lwesiphumlisi (,) nophawu lwesingxi (.). Chaza uze ubonise indlela ezisetyenziswa ngayo kwizivakalisi.
Umzekelo: "Sinikele ngama apile, amapere kunye namabhanana."
"Sizise iipesika, ngumnikelo wethu."

- Yalela abafundi beze neyabo imizekelo.

**2. Ukufunda:** Funda kunye nabafundi ngokutyibilika ugxininise kwiindawo ezinesiphumlisi nezingxi.

**3. Emva kokufunda:** Vala isfundo ngokubuza imibuzo yokuvavanya ibali

- Ungayenza wena le nto yenziwe ngulomntwana nosapho lwakhe kwelikhaya? Ngoba?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wesandi u-/**ng/** we-Vula Bula: oonotsheluza abasuka kuluhlu lwamagama.
- **Amalungiselelo:** Sika oonotsheluza besigama.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga isandi u-/**ng/.**

**IMISEBENZI**

**1. Ukuzikhumbuza:**

- Jonga ukuba abafundi bayawazi amagama ezandi akwitshati yezandi

**2. Umsebenzi wababini:**

- Yalela abafundi basebenze ngababini baze baze nawabo amagama ka /**ng**/ amahlanu ukongeza kula sele efundiwe.
- Mabahlele onke lamagama ka /**ng**/ ngokwesicwangciso esingezantsi.

**Umsebenzi:**

| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala zabafundi
- **Amalungiselelo:** Bhala imigca ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala isandi u-/**ng/.**

**IMISEBENZI**

**1. Ukukhumbuza: Buza abafundi ukuba bayakhumbula oko kufuneka bakwenze xa bebhala u/ng/**

- Bhalani u-/**ng**/ emoyeni uze ucele abafundi bakulinganise.

**2. Ukuziqhelanisa:**

- Yalela abafundi baziqhelanise nokubhala u-/**ng**/ kwiincwadi zabo zokubhala.
- Bancedise ngokubakhokela ngelixa bebhala u-/**ng**/ ezincwadini.

**Qinisekisa:**

- Kuyimfuneko ukuba bonke abafundi bahlale nkqo kwaye inyawo zabo zithi nca phantsi.
- Ukubamba ipensile – bonke abafundi bayibambe ngendlela efanelekileyo ipensile.
- Apho kuqalwa khona – bonke abafundi mabaqale ekhohlo besiya ekunene.




## Ukubhala ngababini *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokubhala neepensile.
- **Amalungiselelo:** Zoba umfanekiso nesivakalisi ngawo kwitshati yesakhelo sokubhala.
- **Iinjongo zesifundo:** Bazoba umfanekiso ze babhale isivakalisi ngawo.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba baza kuzoba ngoko bafunde ngako
- Yalela isibini sicinge ngesiqhamo esize nomongikazi
- Banike ithuba lokucinga
- Bayalele basizobe. Jikeleza ubabuza ngomzobo wabo.
- Xa begqibile ngomzobo bajongise isihloko. Wufunde ngelizwi eliphezulu nangembonakalo enomdla.
- Babonise apho mabasibhale khona, phantsi komfanekiso wabo.
- Bakhumbuze bashiye izithuba phakathi kwamagama
- Jikeleza uze ucele umfundi ogqibileyo makakufundele oko akubhalileyo





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Yesi-2: Usuku Lwesi-3





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yamabali: **Uqwarha Rhalayo**, Oonotsheluza besigama: **edakumbisayo, zigqolile, uqhwithelo, ngesiquphe, emenyezelayo**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise nebali uze ulungise imibuzo
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela ibali belonwabele, bephendula imibuzo, bevakalisa nezabo izimvo malunga nebali elo.

IMISEBENZI

1. **Ukufundela abafundi:** Lungiselela ukufundela abafundi ngokuvakalayo.
2. **Phambi kokufunda:**
   **Imifanekiso:** Ncokolani ngeqweqwe nesihloko sebali:
   - Ucinga ukuba lizakuba ngantoni eli bali? (QIKELELA)
   - Wazi ntoni ngeligama "ukurhala"?

   **Isigama**: Yazisa abafundi ngamagama amatsha akoonotsheluza
   - Thetha ngentsingiselo yegama. Jonga isimo segama ngasinye. Lisebenzise kwisivakalisi
   - Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yesigama uze ubasebenzise iveki yonke.
3. **Ukufunda**
   - Funda isiqingatha sokuqala sebali. Funda ngembonakalo enomdla, nangokuthe rhu. Bonisa abafundi imifanekiso.
4. **Emva kokufunda**
   - Buza imibuzo yengqiqo efana nale:
     - Eli bali liqhubeke phi?





## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-Vula Bula: **Umnikelo**
- **Amalungiselelo:** Thatha onke amagama amatsha uwancamathisele eludongeni legumbi lokufundela
- **Iinjongo zesifundo:** Bakwazi ukufunda bapele amagama ngokufanelekileyo.

IMISEBENZI

1. **Phabi kokufunda**
   **Isigama:**
   - Yalela abafundi bakhangele amagama amatsha ebefundisiwe ngoMvulo naNgolwesibini.
2. **Ukufunda**
   - Umfundi xa elifumene igama makazame ukulifunda aze alincamathisele kwitshati yamagama amatsha
   - Nceda abafundi balophule igama ukuba bayasokola ukulifunda ze balifunde kwakhona ngokutyibilika
3. **Emva kokufunda:**
   - **Ukushwankathela:** Xelela abafundi ukuba baza kushwankathela ibali.
   - Abafundi kufuneka bayile uluhlu lweziqhamo ekunikelwe ngazo.
   - Ekunene kuza kudweliswa iziqhamo, ekhohlo kudweliswe ukulandelelana kwazo ukufika kwiikhaya leenkendama.
   - Abafundi mabatshatise isiqhamo nenani elichaza ukuba sifike nini ukuba ngumnikelo kwelikhaya

| Isiqhamo | Sifike nini |
|---|---|
| Amapere | 1 |
| Ipesika | 2 |
| Ipayinapile | 3 |




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wesandi u-**/nd/** we- Vula Bula, oonotsheluza abasuka kuluhlu lwamagama: **indalo, indawo, indoda, isando, iindudumo, undize**
- **Amalungiselelo:** Bhala umcwe wephepha onesivakalisi: **"Indoda ende enendevu ezinkulu iphethe induku emnyama"**, Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**nd**/.

IMISEBEZNI


1. **Umcwe wephepha onesivakalisi:**
   - Ncamathisela isivakalisi ebhodini ucele abafundi basifunde.
   - Babuze sesiphi esona sandi siphinda-phindiweyo ngaphezulu kunezinye kwesisivakalisi.
   - Biza umfundi abemnye akrwele umgca phantsi kwesandi u-/**nd**/ (qaphela angabandakanyi nesikhamiso)
   - Bachazele ukuba esi sisandi enizakufunda ngaso namhlanje – indlela esibizwa ngayo, esifundwa ngayo nesibhalwa ngayo.
2. **Umzobo wesandi: sandi u-/nd/:**
   - Ncamathisela unotsheluza ka /**nd**/ ebhodini: ncokolani ngomfanekiso.
   - Yalela abafundi babize isandi u-/**nd**/. Mabajonge umlomo wakho; mabasibize kwakhona

benjongene emilonyeni ngelixa besithi **/nd/** ukubona ukuba imilebe yabo yenza ntoni.
- Babuze ukuba ngabaphi oonobumba abenza u-/**nd**/
- Mababize abanobumba nganye nganye ngethuba bebabhala emoyeni: /**n**/+/**d/** baze (ukwahlula)
- Ngoku bayale ukuba bazibize zombini izandi: /**nd**/ (ukudibanisa)
- Abafundi kufuneka baphindaphinde ukusidinanisa isandi xa besibhala emoyeni, esandleni nasezidesikeni besebenzisa iminwe.

**3. Amagama esandi:**
- Cela abafundi bakunike amagama abawaziyo anesandi **u**-/**nd**/.
- Veza oonotsheluza ucele abafundi bafunde amagama.
- Thethani ngentsingiselo yegama ngalinye. Jongani isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi ubasebenzise iveki yonke

***(Lamagama abhalwe kwincwadi yezandi ngexesha lokufunda ngamaqela ekhokelwa ngutitshala)***






## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala zabafundi
- **Amalungiselelo:** Bhala ukrozo loonobumba abachokoziweyo kwiincwadi zabafundi zokubhala.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelisa ukubamba ikreyoni nepensile. Ukuphuhlisa indlela yokubhala: Ekhohlo uyokutsho ekunene; phezulu uyokutsho ezantsi. Ukukhuphela ngokucinezela. Ukomeleza izihlunu ezicolekileyo nokuphuhlisa izakhono ezicolekileyo nezicacileyo zentshukumo kunye nokulungelelana kwamehlo nezandla.

**IMISEBENZI**
- Ukufundisa ngokuthe gca
- Nikela abafundi umva uze ubacele bakujonge.
- Bhala iphatheni ebhodini ngelixa ucengceleza imiyalo.
- Cela abafundi bakulinganise. Bangasebenzisa iminwe yabo ukubhala emoyeni, emiqolweni yabo, ezandleni zabo okanye ezidesikeni.
- Ukuziqhelisa:
- Bafundise ingonyana eza kubanceda bakhumbule ukwenza unobumba u-/**nd**/.
- Bacele baphinda-phinde ingonyana ngeminwe yabo ukubhala unobumba u-/**nd**/.
- Yalela abafundi baziqhelanise ukubhala u-/**nd**/ kwiincwadi zabo zokubhala, beqala ngonobumba u-/**nd/** wamachokoza.
- Bancedise ngokubakhokela ngelixa bebhala u-/**nd**/ ezincwadini.


**Qinisekisa:** Kuyimfuneko ukuba bonke abafundi bahlale nkqo inyawo zabo zithi nca phantsi.
  - **Ukubamba ipensile** – bonke abafundi bayibambe ngendlela efanelekileyo ipensile.
  - **Apho kuqalwa khona** – bonke abafundi mabaqale ekhohlo besiya ekunene.



## Ukubhala ngababini *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokubhala neepensile.
- **Amalungiselelo:** Lungisa isakhelo uze ubhale isihloko kwitshati yokubhala.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuzobeni umfanekiso nesihloko ngawo.

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba bazobe umfanekiso wesona siqhamo basithandayo ebalini.
- Xa beqqibe ukuzoba, bhekisa kwisihloko. Sifunde ngelizwi eliphakamileyo, ngembonakalo enomdla.
- Khokela abafundi ekubhaleni izihloko zabo phantsi kwemifanekiso yabo.
- Bakhumbuze bashiye izithuba phakathi kwamagama.
- Hamba-hamba, uze ucele umfundi ogqibileyo makakufunde oko akubhalileyo.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Yesi-2: Usuku Loku-4




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yamabali: **Uqwarha rhalayo**.
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise nebali uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela ibali belonwabele bephendula imibuzo bevakalisa nezabo izimvo malunga nebali elo.


**IMISEBENZI**

**1. Ukufunda notitshala**
- Lungiselela ukufunda nabafundi.

**2. Phambi kokufunda**
- **Ukuzikhumbuza:** Thetha ngesiqingatha sokuqala sebali esifundwe kwisifundo sangaphambili.
- Ucinga ukuba kuza kuthini ngoku? (QIKELELA)
- **Isigama:** Thetha ngamagama amatsha abawafunde izolo, usebenzisa oonotsheluza.

**3. Ukufunda**
- Gqibezela ibali. Lifunde ngembonakalo enomdla, nangokuthe rhu. Bonisa abafundi imifanekiso.
- Shwankathela ibali ngokusebenzisa izigaba zebali:
  - Isakhiwo sebali (apho ibali lenzeka khona)
  - Abalinganiswa
  - Ungquzulwano
  - Isisombululo
  - Umxholo

**4. Emva kokufunda**
- Buza imibuzo yengqiqo efana nale:
  - Ibali lenzeke phi?
  - Ngubani (okanye yintoni) umlinganiswa ophambili?
  - Ibiluntoni ungquzulwano?
  - Besikhona isisombululo?
  - Uthini umxholo webali okanye ingcinga exhasa eli bali?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wesandi u-**/nd/**, oonotsheluza abasuka kuluhlu lwamagama ezandi.
- **Amalungiselelo:** Sika oonotsheluza besigama.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga isandi u-/**nd**/.

**IMISEBENZI**

**1. Ukuzikhumbuza:**
- Bhekisa kwitshati yezandi uze ujonge ukuba abafundi basawaqonda na amagama afundiswe izolo.

**2. Umsebenzi wababini:**
- Yalela abafundi basebenze ngababini baze baze nawabo amagama ka /**nd**/ amahlanu ukongeza kula sele efundiwe.
- Mabahlele onke lamagama ka/**nd**/ ngokwesicwangciso esingezantsi.

**Umsebenzi:**

| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |




## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokubhala neepensile.
- **Amalungiselelo:** Lungisa isakhelo uze ubhale isihloko kwitshati yokubhala.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuzobeni umfanekiso nokubhala isihloko.

**IMISEBENZI**


- Xelela abafundi ukuba bakhuphe umfanekiso wesona siqhamo basithandayo (esi basizobe izolo).
- Qiniseka ukuba abafundi bayizobile imifanekiso yabo kwaye bazibhalile izihloko zabo.
- Cela abafundi bazibhalele izihloko zabo.
- Khokela abafundi ekubhaleni izihloko zabo phantsi kwemifanekiso yabo.
- Bakhumbuze bashiye izithuba phakathi kwamagama.
- Yipha umfundi ngamnye ithuba lokufunda oko akubhalileyo, afunde isihloko ngembonakalo enomdla.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1<br>Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3<br>Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5<br>Iqela loku-1 | Iqela lesi-2<br>Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4<br>Iqela lesi-5 |




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yamabali: **Uqwarha rhalayo**.
- **Amalungiselelo:** Yenza uluhlu olunabalinganiswa bebali.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukwenza umdlalo ngebali.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Funda isishwankathelo sebali kunye nabafundi.
- Chazela abafundi ukuba bazakwenza umdlalo ngeli bali.

**2. Ukufunda**
- Xhoma uluhlu olunabalinganiswa bebali ebhodini uze ukhethe abafundi abazakudlala umlinganiswa ngamnye.
- Ncedisa abafundi ekuziqhelaniseni nemiqolo yabo. Bancede ekwenzeni izigqibo malunga nomdlalo wabo.
- Cela abafundi abangekhosemdlalweni bancede abo basemdlalweni ngamalungiselelo. Balungise iziphoso zabo okanye bafakele iinkcukaca ezilityelweyo.

**3. Emva kokufunda**
- Sebenzisa ixesha leZakhono Zobom ukubonisa lomdlalo
- Emva komdlalo buza abafundi eyona ndawo bayonwabeleyo kulomdlalo: ukuwudlala okanye ukuwubukela.







## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wesandi u-/**ng/** no-/**nd/** ye-Vula Bula; oonotsheluza bamagama awafundiswe kule veki
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa wonke umfundi unoonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anezandi u-/**nd/** no-/**ng/.**


**IMISEBENZI**

**1. Ukuzikhumbuza**

- Ncamathisela amakhadi ka /**nd**/ no-/**ng/** ebhodini.
- Kwelinye icala lebhodi, ncamathisela onke amagama ebefundisiwe kule veki.
- Yalela umfundi ngamnye athathe igama libe linye alifunde ze alibeke phantsi kwekhadi likanobumba elifanelekileyo.

**2. Upelo:**
- Chonga amagama ka /**nd**/ abemathathu uwabizele abafundi bawabhale ezincwadini zabo.
- Chonga amagama ka /**ng**/ abemathathu uwabizele abafundi bawabhale ezincwadini zabo.


# Iveki Yesi-2: Usuku Lwesi-5




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




**isigama seveki**

emenyezelayo
ikhompiyutha
incwadi
ipeni
ipenisile
irabha
irula
isuthikheyisi
iyarhwexa
kramza
ngesiquphe
qokelela
ukuhlaziya
umkhuluwa edakumbisayo
umnikelo
uqhwithelo
utitshala
zigqolile





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta ye-DBE poster: **Ndicocekile**; oonotsheluza besigama:**ibrashi, ibrashi yamazinyo, intlama yamazinyo, ikama, Isepha, itawuli, ibhafu, ishawari, iphepha langasese**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesihloko noonotsheluza bamagama akwipowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngepowusta. Ukunxulumanisa namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

1. **Ipowusta yesihloko:** *Ndicocekile*
   - Ncamathisela ipowusta ebhodini uze uthethe ngesihloko. Ncamathisela isihloko ecaleni kwesihloko sesiNgesi kwipowusta.
   - Xoxa ngesigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi.
   - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-Vula Bula: **Ekhaya**; oonotsheluza besigama:**nqakula, entlango, uhlambamanzi, ummandle, ukugqama, inkukhama, iphuthi, igolomi**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali kuqala uze ulungiselele imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukusebenzisa isihloko ukuqikelela ukuba lingantoni ibali. Ukunxulumanisa ngamava akho. Ukuphendula imibuzo yengqiqo.

**IMISEBENZI**

1. **Phambi kokufunda**
   - **Iqweqwe**: Thetha ngesihloko kunye nomfanekiso, buza imibuzo enje ngale:
     - Kutheni ezi zilwanyana zihlala kwiindawo ezahlukileyo (amakhaya)?
     - Lizakuba ngantoni eli bali? (uqikelelo)
   - **Bonisa ngomfanekiso:** Tyhila ujonge ebalini (ungalifundi) jonga emifanekisweni uze ubuze imibuzo.
     - (iphepha le-14) Yenza ntoni imvubu? Uyazi njani loo nto?
     - (iphepha le-19) Yintoni eyohlukileyo kulo mfanekiso kunomnye umfanekiso? (iphepha le-16 nele-14)
   - Cinga ngamakhaya ethu, yintoni ocinga ukuba yahlukile ngawo?
   - **Isigama:** Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluza kunye nezinto okanye imifanekiso.
   - Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
   - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.
2. **Ukufunda**
   - Funda ibali ngokucacileyo, ubonise ubuciko. Buza imibuzo yengqiqo emva kokufunda amaphepha amabini:
     - Zeziphi izilwanyana ezondla edameni kwaye izeziphi ezikhuselwa lidama?
     - (iphepha le-16) Ibizwa ngokuba yintoni le ndawo uyibona emfanekisweni?
3. **Emva kokufunda**
   - Buza imibuzo yengqiqo enje ngale:
     - Ucinga ukuba ziyakonwabela izilwanyana ukuhlala kula makhaya ahlukileyo?
     - Yintoni ekwenza ucinge njalo?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** umzobo woluhlu lonobumba wezandi we-Vula Bula u-/**kh/;** oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: **khaba, khala, khasa, ikhowa, ukhuba, ukhozi, ukhuko**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: **Isikhukukazi sikhusela amantshontsho aso kukhetshe.** Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**kh/.**

**IMISEBENZI**

1. **Umcwe wephepha onesivakalisi**
   - Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi uze ucele abafundi bafunde ngokuvakalayo.
   - Cela abafundi bachonge esona sandi siphinda-phindiweyo kwisivakalisi.
   - Cela umfundi abemnye eze ngaphambili aze akrwele umgca phantsi kwesandi u-/**kh**/. (Qinisekisa ukuba umfundi akasikhankanyi isikhamiso.)
   - Baxelele abafundi ukuba esi sisandi abaza kugxila kuso namhlanje – sibizwa njani, sifundwa njani kwanokuba sibhalwa njani.
2. **Umzobo wezandi u-/kh/**
   - Ncamathisela umzobo ebhodini uze uthethe ngomfanekiso.
   - Cela abafundi babize u-/**kh**/. Kufuneka bajonge emlonyeni wakho, libize kwakhona uze ujonge emilonyeni yabo ubone ukuba benza ntoni ngemilebe yabo.
   - Babuze ukuba ngoobani oonobumba abenza u-/**kh**/.
   - Bacele babize oonobumba ngokwahlukana kwabo ngeli xesha bebhala emoyeni –u-/**k**/ no-/**h**/. (ukwahlula)
   - Ngoku bacele babize oonobumba ngexesha elinye **–** u-/**kh**/. (ukudibanisa)

# Iveki Yesi-3: Usuku Lwesi-1

- Abafundi kufuneka babadibanise oonobumba ngeli xesha bebhala ngeminwe yabo emoyeni, kwizandla zabo okanye kwiidesika zabo.

**3. Amagama ezandi**
- Cela abafundi bacinge ngamagama anesandi u-/**kh**/.
- Cela abafundi bafunde amagama koonotsheluza.
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Jonga apho sikhoyo isandi egameni (ekuqaleni/**embindini**/ekugqibeleni). Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshathi yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.

***(La magama abhalwe kwiincwadi zokwenza umsebenzi wezandi ngexesha le- GGR.)***






## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** iphepha letshathi; iikoki
- **Amalungiselelo:** Lungiselela isakhelo uze ufake isihlokwana kwitshathi yokubhala.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuzobeni umfanekiso nokubhala isihlokwana.

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba ufuna ukuzoba ngendawo yokuhlala yokuqala encwadini.
- Shwankathela obe ikokokuqala, okwesibini nokwesithathu encwadini.
- Nakuba nonke nivumelene ukuba yayilidama ungabacela bakhumbule ukuba zeziphi na izilwanyana ebezisedameni.
- Zoba uze ufake ileyibhile kwezi.
- Phantsi komfanekiso bhala ukuba idama lizincede njani izilwanyana ekuphileni kulo. (isivakalisi sesi-2 ukuya kwesesi-4)
- Phinda ufunde izivakalisi ozibhalayo ukuze ubonise isakhono sokuhlola kubafundi bakho.






## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Incwadi yokwenza umsebenzi obhalwa ngesandla yabasebenzi
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini usebenzisa imigca emibini yokuziqhelisa ukubhala u-/**kh/.**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelisa ukubamba nokusebenzisa ikreyoni nepensile. Ukuphuhlisa icala abakhokela ngakulo xa bebhala: ekhohlo ukuya ekunene naphezulu ukuya ezantsi. Ukuzoba imigca ethe ngqo. Ukukhuphela ngokucinezela ngaphezulu. Ukomeleza izihlunu ezicekethekileyo, ukuphuhlisa izakhono ezicekethekileyo nemithambo kunye nolungelelwaniso lwamehlo. Ukufunda nokuziqhelisa ukubhala u-/**kh/.**

**IMISEBENZI**

**1. Ukufundisa ngokucacileyo**
- Banikele umva abafundi uze ubacele bajonge kuwe.
- Bhala iphatheni ebhodini ngexesha unika imiyalelo yokubhala ngokuvakalayo.
- Cela abafundi bacule ingoma baze babhale kunye nawe. Bangasebenzisa iminwe yabo baze babhale emoyeni, emqolo komnye umfundi, kwizandla zabo okanye kwiidesika zabo.

**2. Ziqhelise**
- Bafundise ingoma eyakuthi ibancede bakhumbule uhlobo akhiwa ngalo u-/**kh**/.
- Bhala umhla, isihloko kunye nephatheni ebhodini.
- Umgca wokuqala: Bhala ukrozo loo-/**kh**/
- Umgca wesibini: **kha, khe, khi, kho, khu**
- Umgca wesithathu: olunye ukrozo loo-/**kh**/
- Yivale ngephatheni.

**Qinisekisa:**
- Bonke abafundi kufuneka bahlale bathi qwa babeke iinyawo zabo phantsi.
- Ukubamba ipensile: Bonke abafundi babambe iipensile zabo ngokuchanekileyo.
- Apho kuqalwa khona: Bonke abafundi baqala ukubhala ukusuka ekhohlo ukuya ekunene




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Yesi-3: Usuku Lwesi-2




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta ye-DBE: **Ndicocekile**; oonotsheluza besigama
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesihloko noonotsheluza bamagama esiXhosa kwipowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngemifanekiso nokuthatha inxaxheba kumdlalo ongalungiselelwanga.


**IMISEBENZI**


**1. Itshathi nomhla wemozulu**

- Thetha ngemozulu yanamhlanje. Buza abafundi ukuba yintoni abayithandayo okanye abangayithandiyo ngemozulu. Kutheni? (Phendula ngokufanelekileyo; impendulo uze uyilandelele ngemibuzo.)

**2. Ipowusta yesihloko:** *Ndicocekile*

- Ncamathisela ipowusta ebhodini.
- Shwankathela othethe ngako namagama obe uwafundise ngezolo.
- Isigama: Beka onke amagama kwizikhewu ezikhoyo kwipowusta.
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.
- Khetha abafundi babembalwa uze unike umfundi ngamnye unotsheluza.
- Kufuneka benze umdlalo ukuze abanye abafundi bathekelele ukuba leliphi igama abanalo kunotsheluza.



## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-Vula Bula: **Ekhaya***:* oonotsheluza besigama; **nqakula, entlango, uhlambamanzi, ummandla, ukugqama, inkukhama, iphuthi, igolomi**
- **Amalungiselelo:** Funda lonke ibali kuqala uze ulungiselele imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuqwalasela kwakhona ezi mpawu ziphumlisi: uphawu lwesikhuzo **(!)** kunye nophawu lombuzo **(?).**

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**

- **Shwankathela**: Thetha ngoko bekufundiswe ngezolo.
- **Isigama:** Sebenzisa amagama obe uwafundise ngezolo.
  - Abafundi kufuneka benze izivakalisi uze ufundise isininzi samagama afundiswe ngezolo.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.
- **Ukufundisa ngokuthe gca:** Fundisa ngeempawu zesiphumlisi sophawu lwesikhuzo **(!)** kunye nophawu lombuzo **(?).**
- Xelela abafundi ukuba ngamanye amaxesha ukucinga ngento esiyaziyo kungawenza umbhalo uqondakale nangakumbi.
- Cacisa ukuba kuyanceda ukucinga ngento oyaziyo ngesihloko phambi kokuba ufunde kuba ungaqikelela ngokuchanekileyo ngoko kunokuthi kwenzeke.
- Jonga edameni. Kuthiwa kumbhalo idama likhusela izilwanyana.
- Ucinga ukuba ikhuselwa kwintoni imvubu? (Linda bade abafundi bazame ukuphendula lo mbuzo.)
- Ngoku ukuba ubuyazi ukuba imvubu ithanda ukugcina isikhumba sayo sipholile kwaye sinobumanzi ubuza kuyazi ukuba amanzi edameni akhusela imvubu elangeni.
- Ukuba ubungayazi ubuzakuthi izikhusela kwezinye izilwanyana.

**2. Ukufunda:**

- Funda ibali ngokucacileyo, ugxininisa apho kukho uphawu lwesikhuzo nolombuzo.
- Buza imibuzo yengqiqo:
  - Ingazikhusela kanjani imbabala ekusukelweni yingonyama?

**3. Emva kokufunda**

- Gqibezela ukufunda ngokubuza imibuzo yokuvavanya enje:
  - Ukhe wakwenye yeendawo ekuthethwa ngazo ezisebalini?
  - Zeziphi kwezi zilwanyana obukhe wazibona ngaphambili?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wezandi we-Vula-Bula u-/**kh/;** oonotsheluza bezandi asuka kuluhlu lwamagama
- **Amalungiselelo:** Sika oonotsheluza besigama.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga isandi u-/**kh/.**

**IMISEBENZI**

**1. Shwankathela**

- Jonga kwitshathi yezandi uze ubone ukuba abafundi bayawaqonda na amagama obe uwafundise ngezolo.

**2. Ukusebenza ngababini:**

- Cela abafundi basebenze ngababini. Kufuneka bacinge ngamagama abemahlanu ukongeza kumagama anesandi u-/**kh**/ abe efundiswe ngezolo
- Bacele bahlele la magama ngokwesicwangciso esingezantsi. Wabeke amagama ngokwendawo akuyo u-/**kh**/, ekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni kwegama.

| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** iincwadi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla zabafundi
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini usebenzisa imigca emibini ukuziqhelisa ukubhala u-/**kh/.**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelisa ukubamba nokusebenzisa ikhrayoni nepensile. Ukuphuhlisa icala abakhokela ngakulo xa bebhala: ekhohlo ukuya ekunene naphezulu ukuya emazantsi. Ukuzoba umgca othe ngqo. Ukukhuphela ngokucinezela ngaphezulu. Ukomeleza izihlunu ezicekethekileyo, ukuphuhlisa izakhono ezicekethekileyo nemithambo kunye nolungelelwaniso lwamehlo. Ukufunda ukuziqhelisa nokubhala u-/**kh/.**

**IMISEBENZI**

**1. Shwankathela**

- Buza abafundi ukuba basakhumbula na ukuba kwenziwa njani xa kubhalwa u-/**kh**/.
- Bhala emoyeni uze ucele abafundi babhale nawe.
- Ziqhelise
- Cela abafundi baziqhelise ukubhala isandi u-/**kh**/ kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla.
- Khokela uze walathise abafundi ngeli xesha bebhala ezincwadini zabo.
- Bhala umhla, isihloko kunye nephatheni ebhodini.
- Bhala la magama alandelayo ebhodini uze uyalele abafundi bawakhuphele kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi obhalwe ngezandla.
- **ukhokhobile**
- ukhuko/
- amakhasi
- ukhedamile
- ukhukhumele
- Vala ngephatheni

**Qinisekisa:**

- Bonke abafundi bahleli qwa babeke iinyawo zabo phantsi.
- Ukubamba ipensile: Bonke abafundi babambe iipensile zabo ngokufanekileyo.
- Apho kuqalwa khona: Bonke abafundi baqala ukubhala ukusuka ekhohlo ukuya ekunene.




## Ukubhala ngababini *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:**iphepha; iipensile
- **Amalungiselelo:** Lungiselela isakhelo uze ufake isihlokwana kwitshathi yokubhala.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuzobeni umfanekiso nokubhala isihlokwana ngababini.

**IMISEBENZI**


- Cela abafundi bazobe umfanekiso ngendawo yokuhlala yesibini encwadini.
- Kufuneka bashwankathele namaqabane abo kweyokuqala, kweyesibini nakweyesithathu indawo yokuhlala encwadini.
- Bakuba bonke bevumelene koku, kufuneka bakhumbule ukuba zeziphi na izilwanyana ebezisedameni.
- Zoba uze ufake ileyibhile kwezi.
- Phantsi komfanekiso kufuneka babhale ukuba le ndawo yokuhlala iluncedo njani kwizilwanyana eziphila kuyo. (isivakalisi sesi-2 ukuya kwesesi- 4)
- Khumbuza abafundi ukuba bafunde kwakhona baze benze izilungiso kwizivakalisi abazibhalayo ukuze baziqhelise isakhono sokuhlola.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-Vula Bula: **i-Ekhaya**: Umbongo: Umhobe (*Ekhaya*)
- **Amalungiselelo:** Funda umbongo wonke uze ufumane isingqisho sawo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela nokucengceleza umbongo ngentliziyo.

**IMISEBENZI**

**1. Itshathi nomhla wemozulu**
- Thetha ngemozulu yanamhlanje.


**2. Ukufunda notitshala**
- Lungiselela abafundi bakulungele ukufunda notitshala.

**3. Phambi kokufunda**
- **Isigama:** Fundisa igama ngalinye elitsha ngokusebenzisa oonotsheluza amagama.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**4. Ukufunda**
- Fundela abafundi lo mbongo ngokuvakalayo (Incwadi enkulu ye-Vula Bula: i-*Ekhaya*).

Iimvubu neengwenya zihlala edameni
Iinkukhama namagala ahlala entlango
Amahlosi neenkawu zihlala ehlathini
Kodwa mna, ndikhetha ukuhlala kwasendlini

**5. Emva kokufunda**
- Khumbulani lo mbongo nabafundi nize nilinganise ngokufanelekileyo lo mbongo.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-Vula Bula: **i-Ekhaya**
- **Amalungiselelo:** Susa amagama obe uwafundise kufundo lokuqala nolwesibini kwitshathi yesigama uze uwaxhome eludongeni ajikelelze igumbi lokufundela.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokupela igama ngokuchanekileyo.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- **Isigama:** Cela abafundi bafumane amagama abawafunde ngoMvulo nangoLwesibini eludongeni.

**2. Ukufunda**
- Akuba umfundi elifumene igama, kufuneka alincamathisele kwitshathi yesigama.
- Nceda abafundi ekubizeni nokufunda amagama ngobuciko xa kuyimfuneko.

**3. Emva kokufunda**
- **Ukushwankathela**: Xelela abafundi ukuba baza kushwankathela oko bebesoloko befunda ngako.
- Abafundi kufuneka bawenze lo msebenzi ngokobunye.
- Zoba isicwangciso ebhodini ngokubhala intloko ethi: Amakhaya apho kukho izilwanyana ezihlala ngokwahlukeneyo.

| Isilwanyana | Ikhaya |
|---|---|
| Ufudo lolwandle | Ibhokhwe |
| Ibhokhwe | Ebuhlanti |
| Uxam | Ematyeni |




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wezandi we-Vula Bula u-/**hl**/; oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: **hlaba,hlala, hleka, ihlobo, hlinza, hlengahlengisa**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: **uHlengiwe ehleli nje uhla enyuka.** Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**hl**/.


**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini uze ucele abafundi basifunde ngokuvakalayo.
- Cela abafundi bachonge esona sandi siphinda-phindiweyo kwisivakalisi.
- Cela umfundi abemnye eze ngaphambili aze akrwele umgca phantsi konobumba onesandi u-/**hl**/. (Qinisekisa ukuba umfundi akasifaki isikhamiso.)
- Xelela abafundi ukuba esi sisandi abaza kugxila kuso namhlanje – sibizwa njani, ukusifunda nokusibhala.

**2. Umzobo wezandi u-/hl/**
- Ncamathisela umzobo ebhodini uze uthethe ngomfanekiso.
- Cela abafundi babize u-/**hl**/. Kufuneka bajonge emlonyeni wakho, mbize kwakhona uze ujonge emlonyeni womfundi ngamnye ubone ukuba benza ntoni ngemilebe yabo
- Babuze ukuba ngowuphi unobumba owenza u-/**hl**/.
- Bacele babize oonobumba ngokwahlukana kwabo ngeli xesha babhala emoyeni –u-/**h**/ no-/**l**/. (ukwahlula)
- Ngoku bacele babize oonobumba ngexesha elinye–u-/**hl**/. (ukudibanisa)
- Abafundi kufuneka bakuphinde ukudibanisa ngeli xesha bebhala ngeminwe yabo emoyeni, kwizandla zabo okanye kwiidesika zabo.

**3. Amagama ezandi**
- Cela abafundi bacinge ngamagama anesandi u-/hl/.
- Cela abafundi bafunde amagama koonotsheluza.
- Thetha ngentsingiselo. Jonga imo yegama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshathi yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.





## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni kanobumba u-/**hl**/ ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelisa ukubamba nokusebenzisa ikhrayoni nepensile. Ukuphuhlisa icala abakhokela ngakulo xa bebhala: ekhohlo ukuya ekunene naphezulu ukuya ezantsi. Ukuzoba imigca ethe ngqo. Ukukhuphela ngokucinezela ngaphezulu. Ukomeleza izihlunu ezicekethekileyo, ukuphuhlisa izakhono ezicekethekileyo nemithambo kunye nolungelelwano lwamehlo. Ukufunda nokuziqhelisa ukubhala u-/**hl/.**

**IMISEBENZI**

**1. Ukufundisa ngokuthe gca**
- Banikele umva abafundi uze ubacele bajonge kuwe.
- Bhala iphatheni ebhodini ngeli xesha ubayalela ngokubhala ngokuvakalayo.
- Cela abafundi bacule ingoma baze babhale kunye nawe. Bangasebenzisa iminwe yabo baze babhale emoyeni, emqolo komnye umfundi, kwizandla zabo okanye kwiidesika zabo.

**2. Ziqhelise**
- Bafundise ngengoma ezakuthi ibancede ekukhumbuleni ukuba benziwa kanjani oonobumba abenza u-/**hl**/.
- Bacele bayiphinde ingoma ngeli xesha basebenzisa iminwe yabo ukubhala onobumba u-/**hl**/ emoyeni, edisikeni, okanye emiqolo yabanye.
- Cela abafundi babhale oonobumba u-/**hl**/ kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi obhalwa ngesandla, baqale ngo-/**hl/** ochokoziweyo.
- Jikeleza, unceda abo badinga uncedo.
- Bhala umhla, isihloko kunye nephatheni ebhodini.
- Umgca wokuqala: Bhala ukrozo loo-/**hl**/.
- Umgca wesibini: Bhala u-**hla, hle, hli, hlo, hlu.**
- Umgca wesithathu: Bhala olunye ukrozo loo-/**hl**/.
- Vala ngephatheni.


**Qinisekisa:**
- Bonke abafundi kufuneka bahlale bathi qwa bebeke iinyawo zabo phantsi.
- Ukubamba ipensile: Bonke abafundi babambe iipensile zabo ngokufanekileyo.
- Apho kuqalwa khona: Bonke abafundi baqala ukubhala ukusuka ekhohlo ukuya ekunene.



## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokwenza umsebenzi wombhalo wesandla; iipensile.
- **Amalungiselelo:** Lungiselela isakhelo uze ubhale isihlokwana kwitshathi yokubhala.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzoba umfanekiso nokubhala isihlokwana sawo.

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba kuzakufuneka bazobe ngendawo yokuhlala yesithathu kwiincwadi zabo.
- Kufuneka bacinge ngokuba yeyiphi indawo yokuhlala yokuqala, eyesibini kunye neyesithathu kwiincwadi zabo.
- Kufuneka ngoku bakhumbule ukuba zeziphi na izilwanyana kula ndawo yokuhlala.
- Zoba uze ufake iileyibhile kwezi.
- Phantsi komfanekiso kufuneka babhale ukuba le ndawo yokuhlala izinceda njani na izilwanyana ezihlala kuyo. (izivakalisi sesi-2 ukuya kwesesi-4).
- Bakhumbuze ukuba bazifunde kwakhona baze benze izilungiso kwizivakalisi abazibhalayo ukuze baziqhelise isakhono sokuhlela.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Yesi-3: Usuku Loku-4




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yebali: **Ilokhwe ebomvu;** oonotsheluza besigama: **rhaladiya, iheke, isiqhoboshi, imtyibilizi, imithuthwasi, ilakhane**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelise ukufunda ibali uze ulungiselele imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela ibali eliyolisayo uze uphendule imibuzo emalunga nebali.

**IMISEBENZI**

**1. Itshathi nomhla wemozulu**
- Thetha ngemozulu yanamhlanje.

**2. Funda notitshala**
- Lungiselela abafundi balungele ukufunda notitshala.

**3. Phambi kokufunda**
- **Isigama**: Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluza.
- Cela abafundi bafunde amagama koonotsheluza.
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshathi yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.

**4. Ukufunda**
- Funda isiqingatha sokuqala sebali. Funda ngokucacileyo, bonisa ubuciko.
- Bonisa abafundi imifanekiso uze ubuze imibuzo ngaphandle kokuphazamisa.

**5. Emva kokufunda**
- Buza imibuzo yengqiqo.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wezandi ze-Vula Bula zonobumba u-/**hl**/; oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama
- **Amalungiselelo:** Sika oonotsheluza besigama.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga isandi sonobumba u-/**hl**/.

**IMISEBENZI**

**1. Shwankathela**
- Jonga kwitshathi yezandi ubuze ukuba abafundi bayawaqonda na amagama afundiswe ngezolo.

**2. Ukusebenza ngababini:**
- Cela abafundi basebenze ngababini. Kufuneka bacinge ngamagama abemahlanu ukongeza kumagama anesandi u-/**hl**/ abefundiswe ngezolo.
- Bacele bahlele la magama ngokwesicwangciso esingezantsi. Wabeke amagama ngokwendawo akuyo u-/**hl**/, ekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni kwegama.

| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |

# Iveki Yesi-3: Usuku Loku-4



## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Iincwadi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla zabafundi; iipensile.
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba incwadi yokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla yomfundi ngamnye sele ikulungele oko.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukubhala amagama abe efundiswe kule veki.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba baza kubhala amanye amagama abebewafunde kule veki.
- Biza la magama alandelayo ngokwegama ngalinye:
  **Khala, khulula, khuza, hlala, hleka**
- Biza igama ngalinye kabini. Lisebenzise kwisivakalisi uze ulibize kwakhona.
- Jonga isimo segama uze ulibize ngobuciko ukuba kuyimfuneko oko.
- Jikeleza ujonge izinto ezibhalwa ngabafundi.
- Ncedisa abafundi abasokolayo.

**Qinisekisa:**

- Bonke abafundi kufuneka bahlale bathi qwa babeke iinyawo zabo phantsi.
- Ukubamba ipensile: Bonke abafundi babambe iipensile zabo ngokuchanekileyo.
- Apho kuqalwa khona: Bonke abafundi baqala ukubhala ukusuka ekhohlo ukuya ekunene.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Yesi-3: Usuku Loku-5




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** incwadi yebali: **Ilokhwe ebomvu;** oonotsheluza besigama.
- **Amalungiselelo:** Ziqhelise ukufunda ibali uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela ibali eliyolisayo nokuphendula imibuzo malunga nebali.

**IMISEBENZI**

**1. Itshathi nomhla wemozulu**
- Thetha ngemozulu yanamhlanje

**2. Ukufunda notisthala**
- Lungiselela abafundi balungele ukufunda notitshala.

**3. Phambi kokufunda**
- **Shwankathela:** Thetha ngesiqingatha sokuqala sebali esifundwe ngezolo.
- Ucinga ukuba yintoni elandelayo ezakwenzeka? (uqikelelo)
- **Isigama:** Thetha ngamagama amatsha abawafunde ngezolo, usebenzisa oonotsheluza.

**4. Ukufunda**
- Funda ibali lonke. Funda ngokucacileyo, bonisa ubuciko. Bonisa abafundi imifanekiso.
- Shwankathela ibali usebenzisa izigaba zebali:
  - Isakhiwo sebali (indawo apho ibali lenzeka khona)
  - Abalinganiswa
  - Ungquzulwano
  - Isisombululo
  - Umxholo

**5. Emva kokufunda**
- Buza imibuzo yengqiqo enje ngale:
  - Lenzeka phi ibali?
  - Ngoobani (okanye zintoni) abadlali abaphambili?
  - Yintoni ingxaki?
  - Yintoni isisombululo?
  - Uthini umxholo okanye ingcamango ngebali**?**







## Izandi *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Umzobo wezandi ze-Vula Bula zoonobumba u-/**hl**/ no-/**kh**/; oonotsheluza bamagama afundiswe kule veki
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unesethi yoonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokubanakho ukufunda amagama anezandi u-/**hl**/ no-/**kh**/.

**IMISEBENZI**

**1. Ushwankathelo**
- Ncamathisela amakhadi onobumba u-/**hl**/ no-/**kh**/ ebhodini.
- Kwelinye icala lebhodi, ncamathisela onke amagama afundiswe kule veki.
- Cela abafundi bajonge emagameni baze ngabanye bakhethe igama. Umfundi kufuneka alifunde aze alibeke phantsi kwekhadi lonobumba ochanekileyo.

**2. Ukupela**
- Khetha amagama ano-/**hl**/ abemathathu uze uwakhwaze ukuze abhalwe ngabafundi kwiincwadi zabo.
- Khetha amagama ano -/**kh**/ abemathathu uze uwakhwaze ukuze abhalwe ngabafundi kwiincwadi zabo.


# Iveki Yesi-3: Usuku Loku-5




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.


| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




**isigama seveki**

entlango
ibhafu
ibrashi
ibrashi yamazinyo
igolomi
iheke
ikama
ilakhane
imithuthwasi
imtyibilizi
inkukhama
intlama yamazinyo
iphepha langasese
iphuthi
Isepha
ishawari
isiqhoboshi
itawuli
nqakula
rhaladiya
uhlambamanzi
ukugqama
ummandla





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta ye-DBE: **Usapho lwam**; oonotsheluza besigama: **umama, utata, ubhuti, usisi, umncedisi, umhlobo, umzala, umakhulu, utatomkhulu, udabawo, utatomncinci, umalume, umakazi**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesihloko kunye noonotsheluza bamagama esiXhosa kwipowusta.
- **Iinjongo zesicwangciso:** Ukuthetha ngepowusta. Ukunxulumanisa namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Itshati nomhla wemozulu**
- Thetha ngemozulu yanamhlanje. Buza yintoni abayithandayo nabangayithandiyo abafundi malunga nemozulu, kwaye kutheni? (Phendula ngokufanelekileyo kwimpendulo uze ulandele imibuzo.)

**2. Imihla yokuzalwa**
- Cela umfundi ngamnye ozalwayo ngale veki aze kuma phambi kwabo bonke abafundi. Cela abanye abafundi bacule uze ubuze ngemidlalo abayithandayo.

**3. Umxholo wepowusta:** *Usapho lwam*
- Ncamathisela ipowusta ebhodini uze uthethe ngesihloko. Ncamathisela isihloko ecaleni kwesihloko sesiNgesi kwipowusta.
- Xoxa ngesigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Igama ngalinye lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

Utata usele nosana





## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-Vula Bula: *Utata usele nosana*; oonotsheluza besigama; **entlanganisweni, ukusala, eqinisekile, ukukonwabisa, egumbini,luyakhwina**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali lonke kuqala uze ulungiselele imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni kunye nokuqikelela, ukunxulumanisa namava abo nokuphendula imibuzo yengqiqo.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- **Iqweqwe**: Thetha ngesihloko kunye nomfanekiso, buza imibuzo, enje ngale:
  - Kwenzeka ntoni emfanekisweni?
  - Liza kuba ngantoni ibali? (uqikelelo)
- **Bonisa ngomfanekiso**: Tyhila kwibali (ungalifundi) jonga emfanekisweni uze ubuze imibuzo.
- (iphepha lama-24) Ucinga ukuba kwenzeka ntoni apha?
- (iphepha lama-27) Jonga kwimbonakalo yomntwana. Ucinga ukuba uziva njani? (cinga ngokuvakalayo).
- **Isigama:** Thetha ngamagama amatsha usebenzisa oonotsheluza nezinto okanye imifanekiso.
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**2. Ukufunda**
- Funda ibali ngokucacileyo ubonakalisa ubuciko. Buza imibuzo yengqiqo enje ngale:
  - (iphepha lama-26) Uye wathini utata emntwaneni olilayo?
  - (iphepha lama-28) Ukuba ubungutata, ubuza kwenza ntoni?
  - Ingaba kuthethi umntwana elila kakhulu? Kutheni elilela umama wakhe?

**3. Emva kokufunda**
- Buza imibuzo yengqiqo enje ngale:
  - Ucinga ukuba utata uziva njani emva kokugcina umntwana?
  - Ucinga ukuba utata uyakuphinda anqwenele ukugcina umntwana kwakhona? Kutheni?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wezandi wonoobumba we-Vula Bula u-/**nq**/; oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: **inqaba, inqala, inqawa, inqina, nqakula, nqanda, inqatha**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: **uNqanqa unqumla amanqina enkuku.** Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**nq**/.

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini uze ucele abafundi bawufunde ngokuvakalayo.
- Cela abafundi bachonge esona sandi siphinda-phindiweyo kwisivakalisi.
- Cela umfundi abemnye eze ngaphambili aze akrwele umgca kwisandi u-/**nq**/. (Qinisekisa ukuba umfundi akamfaki unobumba).
- Xelela abafundi ukuba esi sisandi abaza kugxila kuso namhlanje – sibizwa njani, sifundwa njani kwaye sibhalwa njani.

**2. Umzobo wesandi u-/nq/**
- Ncamathisela umzobo ebhodini uze uthethe ngomfanekiso.

- Cela abafundi babize u-/**nq**/. Kufuneka bajonge emlonyeni wakho, yitsho kwakhona uze ujonge emilonyeni yabo ukuba benza ntoni ngemilebe yabo.
- Babuze ukuba ngabaphi oonobumba abenza u-/**nq**/.
- Babuze ukuba ngabaphi oonobumba abenza u-/**hl**/.
- Bacele babize oonobumba (omnye ngexesha) ngeli xesha babhala emoyeni –u-/**n**/ no-/**q**/. (ukwahlula).
- Ngoku bacele babize oonobumba ngokubadibanisa kwabo**–**u-/**nq**/. (ukudibanisa)
- Abafundi kufuneka baphinde badibanise izandi ngeli xesha bebhala ngeminwe yabo emoyeni, kwizandla zabo okanye kwiidesika zabo.

**3. Amagama ezandi**
- Cela abafundi bacinge amagama anesandi u-/**nq**/.
- Cela abafundi bafunde amagama koonotsheluza.
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Jonga apho sikhoyo isandi egameni (ekuqaleni /**embindini**/ekugqibeleni). Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.

***(La magama abhalwe kwiincwadi zokwenza umsebenzi wezandi ngexesha le- GGR.)***




## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** iincwadi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla zabafundi; iipensile.
- **Amalungiselelo:** Lungisa isakhelo kwitshati yokubhala.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekubhaleni iindaba zempela-veki.

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba baza kubhala iindaba zempela-veki.
- Cela abafundi babhale ngokwenzeke ngempela-veki yabo.
- Bayalele ukuba ubuncinane kufuneka babenezivakalisi ezibini ngento abayenzileyo ngoMgqibelo nezivakalisi ezibini ngento abayenze ngeCawe.
- Jikeleza ubancedisa ngokwakhiwa kwezivakalisi, iziphumlisi kunye nezithuba phakathi kwamagama.






## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Iincwadi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla zabafundi.
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini usebenzisa imigca emibini ukuziqhelanisa ukubhala u-/**nq/.**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa ukubamba nokusebenzisa ikhrayoni nepensile. Ukuphuhlisa icala abakhokela ngakulo xa bebhala: ekhohlo ukuya ekunene naphezulu ukuya ezantsi. Ukuzoba imigca ethe ngqo. Ukukhuphela ngokucinezela ngaphezulu. Ukomeleza izihlunu ezicekethekileyo, ukuphuhlisa izakhono ezicekethekileyo nemithambo nolungelelwaniso lwamehlo. Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala oonobumba u-/**nq/.**

**IMISEBENZI**

**1. Ukufundisa ngokuthe gca**
- Banikele umva abafundi uze ubacele bajonge kuwe.
- Bhala iphatheni ebhodini ngeli xesha unika imiyalelo yokubhala ngokuvakalayo.
- Cela abafundi bacule ingoma baze babhale kunye. Bangasebenzisa iminwe yabo baze babhale emoyeni, emqolo komnye, ezandleni zabo okanye kwiidesika zabo.

**2. Ukuziqhelanisa**
- Bafundise ingoma eyakuthi ibancede bakhumbule ukwenziwa koonobumba u-/**nq**/.
- Bhala umhla, isihloko kunye nephatheni ebhodini.
- Umgca wokuqala: Bhala ukrozo loo-/**nq**/.
- Umgca wesibini: Bhala u- **nqa, nqe, nqi, nqo, nqu.**
- Umgca wesithathu: Bhala olunye ukrozo loo-/**nq**/.
- Yivale ngephatheni.

**Qinisekisa:**
- Bonke abafundi kufuneka bahlale bathi qwa babeke iinyawo zabo phantsi.
- Ukubamba ipensile: Bonke abafundi babambe iipensile zabo ngokufanelekileyo.
- Apho kuqalwa khona: Bonke abafundi baqala ukubhala ukusuka ekhohlo ukuya ekunene.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |



## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta ye-DBE: **Usapho lwam**; oonotsheluza besigama: **umama, utata, ubhuti, usisi, umncedisi, umhlobo, umzala, umakhulu, utatomkhulu, udabawo, utatomncinci, umalume, umakazi**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesihloko noonotsheluza besiXhosa bamagama akwipowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngepowusta. Ukunxulumanisa namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Itshati nomhla wemozulu**
- Thetha ngemozulu yanamhlanje.

**2. Umxholo wepowusta:** *Usapho lwam*
- Ncamathisela ipowusta ebhodini.
- Shwankathela oko uthe wathetha ngako kunye namagama owafundise ngezolo.
- Isigama: beka onke amagama kwizikhewu ezikhoyo kwipowusta.
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ingaba bonke abantu abakulo mfanekiso bayinxenye yolu sapho? Kutheni?
- Zeziphi iindlela ezahlukileyo ezibonisa ukuba abantu bazizalamane/**bahlobene?**
- Zeziphi ezinye izalamane ezingekhoyo kwisigama esinikiweyo?
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

Utata usele nosana





## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-Vula Bula: **Utata usele noSana**; oonotsheluza besigama: **entlanganisweni, ukusala, eqinisekile, ukukonwabisa, egumbini, luyakhwina**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali lonke kuqala uze ulungiselele imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda ngokubonakalayo njengesicwangciso sengqiqo.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- **Shwankathela**: Thetha ngezinto obe ufunde ngazo ngezolo.
- **Isigama:** Sebenzisa amagama obe uwafundise ngezolo.
- Abafundi mabenze izivakalisi baze bafundiswe ngesinizi samagama abe efundiswe ngezolo.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.
- **Ukufundisa ngokuthe gca:** Cacisela abafundi ukuba uza kubafundisa ngobuchule obubonakalayo njengesicwangciso sengqiqo.
- Xelela abafundi ukuba ukuze babaqonde ngcono abadlali kuluncedo ukuba bazifake ezihlangwini zabo ukuze baziqonde izizathu zokwenza izigqibo abathe bafikelela kuzo.
- Oku kunceda ofundayo aphuhlise nzulu ekuqondeni ibali kunye nomyalezo umbhali azama ukuwudlulisa.
- Ngoku kweli bali, cinga ukuba ubungutata kwibali. Uchulumancile kukushiywa nomntwana ukuba umgcine. Aze aqalise ukulila ngaphandle kwesizathu. Uyadanisa ufune ukumenza agcobe kodwa uyaqhubeka alile. Uyamculela kodwa ulila nangaphezulu. Ungaziva njani? Yintoni onokuyenza kwakhona? Ungaphinda ufune ukumgcina kwakhona?

**2. Ukufunda**
- Mema abafundi bafunde ibali kunye nawe ngokucacileyo.

**3. Emva kokufunda**
- Gqibezela ukufunda ngokuthi ubuze imibuzo evavanyayo enje ngale:
  - Ingaba utata kaLulama akulunganga ukuba akafunanga ukugcina umntwana kwakhona?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wezandi ze-Vula Bula zoonobumba u-/**nq/;** oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama
- **Amalungiselelo:** Sika oonotsheluza besigama.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga isandi soonobumba u-/**nq/.**

**IMISEBENZI**

**1. Shwankathela**
- Jonga kwitshati yezandi uze ujonge ukuqonda kwabafundi amagama obe uwafundise ngezolo.

**2. Ukusebenza ngababini:**
- Cela abafundi basebenze ngababini. Kufuneka bacinge ngamagama abemahlanu ukongeza kumagama anesandi u-/**nq**/ abefundiswe ngezolo.

# Iveki Yesi-4: Usuku Lwesi-2


- Bacele bahlele la magama ngokwesicwangciso esingezantsi. Wabeke amagama ngokwendawo akuyo u-/**nq**/, ekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni kwegama.

| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla; iipensile.
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini usebenzisa imigca emibini ukuziqhelanisa ukubhala oonobumba u-/**nq/.**
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa ukubamba nokusebenzisa ikhrayoni kunye nepensile. Ukuphuhlisa icala abakhokela ngakulo xa bebhala: ekhohlo ukuya ekunene naphezulu ukuya ezantsi. Ukuzoba imigca ethe ngqo. Ukukhuphela ngokucinezela ngaphezulu. Ukomeleza izihlunu ezicekethekileyo, ukuphuhlisa izakhono ezicekethekileyo nemithambo kunye nolungelelaniswano lwamehlo. Ukufunda nokuziqhelanisa nokubhala oonobumba u-/**nq/.**




**IMISEBENZI**

**1. Shwankathela**
- Buza ukuba abafundi basakhumbula na ukuba ubhalwa njani unobumba u-/**nq**/.
- Bhala emoyeni uze ucele abafundi babhale kunye nawe.

**2. Ziqhelanise**
- Xelela abafundi ukuba baza kuziqhelanisa ukubhala izandi zoonobumba u-/**nq**/ kwincwadi zabo zokwenza umsebenzi obhalwayo.
- Khokela uze walathise abafundi ngeli xesha bebhala ezincwadini zabo
- Bhala umhla, isihloko kunye nephatheni ebhodini.
- Bhala la magama alandelayo ebhodini uze uyalele abafundi bawakhuphele kwiincwadi zabo.
- unqabile
- inqanawa
- iyanqanqatheka
- isinqa
- ukunqumla
- Yivale ngepatheni


**Qinisekisa:**
- Bonke abafundi kufuneka bahlale bathi qwa babeke iinyawo zabo phantsi.
- Ukubamba ipensile: Bonke abafundi babambe iipensile zabo ngokuchanekileyo.
- Apho kuqalwa khona: Bonke abafundi baqala ukubhala ukusuka ekhohlo ukuya ekunene.



## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iphepha letshati; iikhoki.
- **Amalungiselelo:** Lungisa isakhelo uze ubhale isihlokwana kwitshati yokubhala.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekubonisaneni ngezimvo kwabafundi**.**

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba bazakube bebhala amabali abo.
- Xoxa ngephatheni yebali kunye nabafundi.
- Utata uthembisa ngokwenza into acinga ukuba izakuba lula.
- Wenza izinto ezine ezahlukeneyo ukusombulula ingxaki, kodwa akubangakho isebenzayo kwade ekugqibeleni yazisombululekela ngokwayo.
- Bonisana nabafundi ngezimvo zengxaki ezahlukileyo onokuthi ubhale ngazo usebenzisa olu lwakhiwo.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Yesi-4: Usuku Lwesi-3




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** incwadi yebali ye-Vula Bula: **Umoya neLanga**: oonotsheluza besigama**: ingxoxo, iingcinga, ukuziqamangelayayixibiliza, isifuthufuthu**
- **Amalungelo:** Ziqhelanise ukufunda ibali uze ulungiselele imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela ibali elonwabisayo nokuphendula imibuzo.

**IMISEBENZI**

**1. Ukufunda notitshala**
- Benze abafundi bakulungele ukufunda notitshala.

**2. Phambi kokufunda**
- Thetha ngesihloko neqweqwe uze ubuze imibuzo:
- Ucinga ukuba lizakuba ngantoni eli bali? (uqikelelo)
- Ucinga ukuba kwenzeka ntoni?(eqweqweni)
- **Isigama:** Fundisa amagama amatsha usebenisa oonotsheluza.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**3. Ukufunda**
- Funda isiqingatha sokuqala sebali. Funda ngokucacileyo, ubonisa ubuciko. Bonisa abafundi imifanekiso uze ubuze imibuzo ngaphandle kokuphazisa.

**4. Emva kokufunda**
- Buza imibuzo yengqiqo enje ngale:
  - Ngoobani abalinganiswa esifunde ngabo?
  - Ucinga yintoni elandelayo ezakwenzeka?

Utata usele nosana



## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-Bula: **Utata usele nosana**.
- **Amalungiselelo:** Susa amagama obe uwafundise kwisifundo sokuqala nesesibini kwitshati yesigama uze uwaxhome eludongeni ajikeleze igumbi lokufunda.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokupela amagama ngokuchanekileyo.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- **Isigama:** Cela abafundi bafumane amagama abawafunde ngoMvulo nangoLwesibini eludongeni.

**2. Ukufunda**
- Akuba umfundi elifumene igama, kufuneka alifunde aze alincamathisele kwitshati yesigama.
- Nceda abafundi ekubizeni nasekufundeni amagama ngobuciko xa kuyimfuneko.

**3. Emva kokufunda**
- **Ukushwankathela**: Xelela abafundi ukuba baza kulinganisa ibali kwakhona ngokwamaqela amathathu.
- Shwankathela izinto azenzileyo utata ezama ukuthulisa uLulama.
- Cela abafundi baziqhelanise nokulinganisa ibali.
- Khetha amaqela abembalwa aza kudlala.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wezandi we-Vula Bula u-/**nw/;** oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: **yonwaba, iminwe, nwabuluka, ukonwaya, ukunwenwa, dinwa, ukonwaya**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: **uNwabisa uchebe iinwele zakhe.** Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**nw/.**

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini uze ucele abafundi basifunde ngokuvakalayo.
- Cela abafundi bachonge esona sandi siphinda- phindiweyo kwisivakalisi.
- Cela umfundi abemnye eze ngaphambili aze akrwele umgca phantsi kwesandi u-/**nw**/. (Qinisekisa ukuba umfundi akasifaki isikhamiso.)
- Xelela abafundi ukuba esi sisandi abaza kugxila kuso namhlanje – sibizwa njani, sifundwa njani kwaye sibhalwa njani.

**2. Umzobo wezandi u-/nw/**
- Ncamathisela umzobo ebhodini uze uthethe ngomfanekiso.
- Cela abafundi babize u-/**nw**/. Kufuneka bajonge emlonyeni wakho, mbize kwakhona uze ujonge emlonyeni womfundi ngamnye ubone ukuba benzani ngemilebe yabo.
- Babuze ukuba ngowuphi unobumba owenza u-/**nw**/.
- Bacele babize oonobumba (abemnye ngexesha) ngeli xesha babhala emoyeni –u-/**n**/ no-/**w**/. (ukwahlula)
- Ngoku bacele babize oonobumba ngokudibanisa kwabo**–**u-/**hl**/. (ukudibanisa)
- Abafundi kufuneka bakuphinde ukudbanisa ngelixesha bebhala ngeminwe yabo

emoyeni, kwizandla zabo okanye kwiidesika zabo.

**3. Amagama ezandi**
- Cela abafundi bacinge ngamagama anesandi u-/**nw**/.
- Cela abafundi bafunde amagama akonootsheleza.
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Jonga apho sikhoyo isandi egameni (ekuqaleni /**embindini** /ekugqibeleni). Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.

***(La magama abhalwe kwiincwadi zokwenza umsebenzi wezandi ngexesha le- GGR.)***



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhaliweyo; iipensile.
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni yoonobumba u-/**nw/** ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa ukubamba nokusebenzisa ikhrayoni kunye nepensile. Ukuphuhlisa icala abakhokela ngakulo xa bebhala: ekhohlo ukuya ekunene naphezulu ukuya ezantsi. Ukuzoba imigca ethe ngqo. Ukukhuphela ngokucinezela ngaphezulu. Ukomeleza izihlunu ezicekethekileyo, ukuphuhlisa izakhono ezicekethekileyo nemithambo kunye nolungelelaniswano lwamehlo. Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala oonobumba u-/**nw/.**

**IMISEBENZI**

**1. Ukufundisa ngokuthe gca**
- Banikele umva abafundi uze ubacele bajonge kuwe.
- Bhala iphatheni ebhodini ngexesha unika imiyalelo yokubhala ngokuvakalayo.
- Cela abafundi bacule ingoma baze babhale kunye nawe. Bangasebenzisa iminwe yabo baze babhale emoyeni, emqolo komnye umfundi, kwizandla zabo okanye kwiidesika zabo.

**2. Ziqhelanise**
- Bafundise ngengoma ezakuthi ibancede ekukhumbuleni ukuba benziwa njani oonobumba u-/**nw**/.
- Bacele bayiphinde ingoma ngeli xesha basebenzisa iminwe yabo ukubhala onobumba u-/**nw**/ emoyeni, edisikeni, okanye emiqolo yabanye.
- Cela abafundi babhale oonobumba u-/**nw**/ kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi obhalwa ngesandla, baqale ngo-/**nw/** ochokoziweyo
- Jikeleza, unceda abo badinga uncedo.
- Bhala umhla, isihloko kunye nephatheni ebhodini.
- Umgca wokuqala: Bhala ukrozo loo-/**nw**/.
- Umgca wesibini: Bhala u-**nwa, nwe, nwi, nwo, nwu.**
- Umgca wesithathu: Bhala olunye ukrozo loo-/**nw**/.
- Yivale ngephatheni.


**Qinisekisa:**
- Bonke abafundi kufuneka bahlale bathi qwa bebeke iinyawo zabo phantsi.
- Ukubamba ipensile: Bonke abafundi babambe iipensile zabo ngokufanelekileyo.
- Apho kuqalwa khona: Bonke abafundi baqala ukubhala ukusuka ekhohlo ukuya ekunene.



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** iphepha letshati; iikhoki.
- **Amalungiselelo:** Ncamathisela iphepha letshati yokwabelana ngezimvo ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekubhaleni ibali lasegumbini lokufundela.

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba kufuneka babe nogalelo ekubhaleni ibali besebenzisa izimvo zokwabelana.
- Yenza isivakalisi usebenzisa uluvo ekuvunyelwene ngalo ngexesha lokwabelana ngezimvo.
- Khumbula ukubhala okuthethwe ngabafundi uze emva koko uzifunde kunye nabo nisenza izilungiso zeziphoso kunye nokubeka izivakalisi ngokulandelelana. Bonakalisa ngokupheleleyo inkqubo yokuhlela.
- Qinisekisa ukuba ulandela uhlobo olufanayo nolo lolwakhiwo lwebali *Utata usele nosana*.
- Emva kokuba siphumile isikolo bhala kwakhona ibali ngokucocekileyo uze ulincamathisele eludongeni.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Yesi-4: Usuku Lwesi-4




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** incwadi yebali: **Umoya neLanga**: isigama: **ingxoxo, iingcinga, ukuziqamangela yayixibiliza, isifuthufuthu**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelise ukufunda ibali uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuphulaphula ibali elonwabisayo nokuphendula imibuzo ngebali.

**IMISEBENZI**

**1. Ukufunda notitshala**
- Lungiselela abafundi balungele ukufunda notitshala.

**2. Phambi kokufunda**
- **Isigama**: Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluza.
- Cela abafundi bafunde amagama koonotsheluza.
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.

**3. Ukufunda:**
- Funda isiqingatha sesibini sebali ngokucacileyo, bonisa ubuchule.
- Bonisa abafundi imifanekiso.
- Shwankathela ibali usebenzisa izigaba zebali:
  - Isakhiwo sebali (indawo apho ibali lenzeka khona)
  - Abalinganiswa
  - Ungquzulwano
  - Isisombululo
  - Umxholo

**4. Emva kokufunda**
- Buza imibuzo yengqinqo enje ngale:
  - Lenzeka phi ibali?
  - Ngoobani (okanye zintoni) abadlali abaphambili?
  - Yintoni ingxaki?
  - Yintoni isisombululo?
  - Uthini umxholo okanye ingcamango ngebali**?**








## Izandi *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** uphinye-phinye owakhiweyo.
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye umnika uphinye-phinye.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga izandi zoonobumba u-/**nq**/ no-/**nw/.**

**IMISEBENZI**

**1. Shwankathela**
- Jonga kwitshati yezandi uze ukhangele ukuba abafundi bayawaqonda na amagama afundiswe ngezolo.

**2. Dibanisa amalungu amagama nezandi zoonobumba u-/nq/ no-/nw/ ukwenza igama.**
- Khokela abafundi ekwenzeni lo msebenzi.
- Jikeleza uqinisekisa ukuba abafundi bawenza umsebenzi wabo ngokuchanekileyo.




- Dibanisa amalungu amagama nezandi zoonobumba u-/nw/ no-/nq/ ukwenza igama.

# Iveki Yesi-4: Usuku Lwesi-4



## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** iincwadi zokwenza umsebenzi wesandla zabafundi; iipensile.
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unayo incwadi yokubhalela. Ncamathisela ibali legumbi lokufundela ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Bhala uze uzobe imifanekiso yebali legumbi lokufunda.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba baza kubhala ibali legumbi lokufundela kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi wesandla.
- Yalela abafundi baqale ngesihloko baze bakhuphele ibali legumbi lokufundela kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi wesandla.
- Ngeli xesha bakhuphelayo, kufuneka bafunde kwakhona isivakalisi ngasinye ukuze ubone ukuba basikhuphela ngokuchanekileyo.
- Emva koko kufuneka bazobe umfanekiso webali.

**Qinisekisa:**

- Bonke abafundi kufuneka bahlale bathi qwa babeke iinyawo zabo phantsi.
- Ukubamba ipensile: Bonke abafundi babambe iipensile zabo ngokuchanekileyo.
- Apho kuqalwa khona: Bonke abafundi baqala ukubhala ukusuka ekhohlo ukuya ekunene.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** iingoma zokulalisa usana zibezibini (x2)
- **Amalungiselelo:** Lungisa iingoma zokulalisa usana zibe mbini ozakuzifundisa uze uzicule nabafundi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda ngeengoma zokulalisa usana.

**IMISEBENZI**

- Buza abafundi ukuba zeziphi na iingoma zokulalisa usana abazaziyo.
- Culani ezinye kunye.
- Bafundise entsha.







## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wezandi we-Vula Bula u-/**nq**/ no- /**nw**/; oonotsheluza bamagama abe efundiswe kule veki
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye uneseti yoonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokubanako ukufunda amagama anezandi u-/**nq**/ no-/**nw**/.


**IMISEBENZI**

**1. Shwankathela**

- Ncamathisela amakhadi ano-/**nq**/ no-/**nw**/ ebhodini.
- Kwelinye icala lebhodi, ncamathisela onke amagama owafundise kule veki.
- Cela abafundi bajonge emagameni aze umfundi ngamnye eze ngaphambili akhethe igama. Umfundi kufuneka alifunde aze alibeke kwikhadi lonobumba ochanekileyo.

**2. Ukupela**


- Khetha amagama abemathathu ano-/**nq**/ aze awabize ukuze abafundi bawabhale kwiincwadi zabo.
- Khetha amagama abemathathu ano-/**nw**/ aze awabize ukuze abafundi bawabhale kwiincwadi zabo.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1<br>Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3<br>Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5<br>Iqela loku-1 | Iqela lesi-2<br>Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4<br>Iqela lesi-5 |




**isigama seveki**

egumbini
entlanganisweni
eqinisekile
iingcinga
ingxoxo
isifuthufuthu
luyakhwina
ubhuti
udadobawo
ukukonwabisa
ukusala
ukuziqamangela yayixibiliza
umakazi
umakhulu
umalume
umama
umhlobo
umncedisi
umzala
usisi
utata
utatomkhulu
utatomncinci

# Iveki Yesi-5: Usuku Loku-1




## Ukumamela nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yebali: **Ibhola elahlekileyo**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise nokufunda ibali uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela ibali elinika umdla.

**IMISEBENZI**


**1. Phambi kokufunda**
- Lungisa abantwana balungele ukufundelwa ngutitshala.
- Thetha ngesihloko kunye neqweqwe uze ubuze imibuzo:
  - Ucinga ukuba liyakubangantoni eli bali? (uqikelelo)
  - Ucinga ukuba libali lokwenyani eli? Kutheni usitsho nje?

**2. Ukufunda**
- Funda isiqingatha sokuqala sebali ngokubonakalisa uvakalelo. Bonisa eminye yemifanekiso.

**3. Emva kokufunda**
- Buza imibuzo yovavanyo lokuqonda, efana nale:
  - Ucinga ukuba kwenzeke ntoni kwibhola yenkomo?
  - Ibifana neziphi izinto?
  - Ingaba uyayibona na ukuba ifihlakele phi ibhola yokwenyani kumfanekiso?





## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-Vula Bula: **Sebeza**; oonotsheluza besigama: **Baqhele, qhubeka, yokugqibela, gqithisela, dideka, zola, ihlebo, bangqumbene**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali kwangaphambi kwexesha uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekufundeni notitshala. Ukuqikelela ukuba lingantoni ibali. Ukunxulumanisa kumava abo nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- **Iqweqwe**: Thetha ngesihloko kwakunye nomfanekiso, buza imibuzo:
  - Yenzani intombi? Kutheni usitsho nje?
  - Cinga! Liyakuba ngantoni eli bali? (uqikelelo)
- **Ukubuka imifanekiso:** Thyila-tyhila amaphepha elibali (ungalifundi). Jonga kwimifanekiso uze ubuze imibuzo:
  - (iphepha lama- 35) Kwenzeka ntoni kulo mfanekiso?
  - (iphepha lama-38) Baphi abantwana? Benza ntoni?
  - (iphepha lama-38) Ucinga ukuba baziva njani abantwana?
- **Isigama:** Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluza kwakunye nezinto okanye imifanekiso.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga isakhiwo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**2. Ukufunda**
- Funda ibali ngokubonakalisa uvakalelo, bonakalisa ukufunda okuthe rhu.
- Buza imibuzo yovavanyo lokuqonda emva kokufunda amaphepha amabini:
  - (amaphepha ama-35) Ucinga ukuba abafundi bamamele utitshalakazi? Ngoba kutheni?
  - (amaphepha ama- 38) Yintoni le izotywa yinkwenkwe?

**3. Emva kokufunda**
- Gqibizela ngokubuza:
  - Ingaba utitshala wakho wakhe wacatshukiswa nguwe ngokungamameli kwigumbi lokufundela?
  - Kwenzeka ntoni?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wesandi we-Vula Bula ka-/**qh/;** oonotsheluza abasuka kuluhlu lwamagama: **qhuba, qhuma, iqhina, qhayisa, qhekeka, qhubeka, ukuqhela, qhaqha, qhaqhazela**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: **UQhinebe uqhayisa ngamaqhinga.** Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga kunye nokufunda amagama anesandi u-/**qh/.**

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini. Uze ucele abafundi ukuba bafunde ngokuvakalayo.
- Cela abafundi ukuba bachonge esona sandi siphinda-phindiweyo kwisivakalisi.

# Iveki Yesi-5: Usuku Loku-1

- Cela umfundi abamnye ukuba aphakame aze kukrwelela isandi u-/**qh**/ (Qinisekisa ukuba umfundi akadibanisi nesikhamiso.)
- Xelale abafundi ukuba sisandi eniyakugxila kuso namhlanje – ukuba sibizwa njani, ukusifunda kunye nokusibhala.

**2. Umzobo wesandi u-/qh/**
- Ncamathisela umzobo ebhodini uze ubuze ngomfanekiso. Yintoni le?
- Phinda impendulo – **iziqhamo** – gxinisisa isandi u-/**qh**/.
- Xelela abafundi ukuba babize u-/**qh**/. Kufuneka bajonge emlonyeni wakho, batsho kwakhona baze bajonge nasemilonyeni yomnye-nomnye ukuze babone ukuba imilebe yabo yenzani.
- Babuze ukuba wenziwa ngabaphi oonobumba u-/**qh**/.
- Benze ukuba batsho oonobumba ngokwahlukeneyo njengoko bebabhala emoyeni – /**q**/ + /**h**/. (ukwahlula)
- Benze ke ngoku ukuba batsho aba nobumba kunye **–** /**qh**/. (ukudibanisa)
- Abafundi kufuneka baphinda-phinde ukudibanisa aba nobumba bebhala ngeminwe yabo emoyeni, kwizandla zabo okanye ezidesikeni.

**3. Amagama ezandi**
- Cela abafundi ukuba bacebise amagama anesandi u-/**qh**/.
- Cela abafundi ukuba bafunde amagama akoonotsheluza.
- Thetha ngentsingiselo yegama ngalinye. Thetha ngendlela akhiwe ngayo amagama. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi, okanye wenze umdlalo obonakalisa lona.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.
- Bhekisela abafundi kuluhlu lwamagama oluncanyathiselwe ezincwadini zabo. Funda amagama kunye nabo kwakhona.




## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** incwadi yabafundi yokubhalela; ipensile
- **Amalungiselelo:** Lungiselela ukubhala ngeendaba zempela-veki.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekubhaleni iindaba zempela-veki.

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba bayakube bebhala iindaba zempela-veki yabo.
- Cela abafundi ukuba babhale ngezibalaseleyo kwimpela-veki yabo
- Bayalele ukuba babhale izivakalisi zibembini ngabakwenzileyo ngoMgqibelo nezivakalisi zibembini ngabakwenzileyo ngeCawe.
- Jikeleza ubancedise ngokwakhiwa kwesivakalisi, uphawu kwakunye nezikhewu phakathi kwamagama.







## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokubhalela ngesandla.
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini.
- **Iinjongo sesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala u-/**qh/**

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhala ngesandla.
- Bhala umhla, umxholo kunye nephatheni ebhodini.
- Kumgca wokuqala: bhala ukrozo luka/**qh/.**
- Kumgca wesibini: bhala **qhaqha, uqhelile, iqhitala, uqhoqhoqho, iqhude.**
- Kumgca wesithathu: bhala olunye ukrozo luka /**qh/.**
- Gqibezela ngephatheni.
- Khumbula ukujonga indlela abahleli ngayo abafundi, indlela ababamba ngayo ipensile zabo kwakunye necala abakhokelela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Yesi-5: Usuku Lwesi-2




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*


- **Izixhobo:** incwadi yebali: **Ibhola elahlekileyo**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise nokufunda ibali uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela ibali elinika umdla nokuphendula imibuzo ngebali.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Lungisa abantwana balungele ukufunda notitshala.
- Ukuzikhumbuza: Thetha ngesiqingatha sokuqala sebali esifundwe izolo. Buza imibuzo efana nale:
  - Ucinga ukuba yintoni ezakwenzeka? (uqikelelo)
  - Yalela abafundi ukuba baphakamise isandla xa beyibona ukuba iphi ibhola.

**2. Ukufunda**
- Funda ibali ngokubonakalisa uvakalelo, bonakalisa ukufunda ngokucacileyo.
- Bonisa abafundi imifanekiso.
  - Shwankathela ibali usebenzisa izigaba zebali:
  - Isakhiwo sebali (indawo apho ibali lenzeka khona)
  - Abalinganiswa
  - Ungquzulwano
  - Isisombululo.

**3. Emva kokufunda**
- Buza imibuzo yovavanyo lokuqonda efana nale:
  - Belisenzekaphi ibali?
  - Ngoobani (okanye yintoni) abalinganiswa abaphambili?
  - Ibiyintoni ingxaki?
  - Besiyintoni isisombululo?




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-Vula Bula: **Sebeza**; oonotsheluza besigama:: Baqhele, qhubeka, yokugqibela, gqithisela, dideka, zola, ihlebo, bangqumbene
- **Amalungiselelo:** Funda ibali kwangaphambi kwexesha uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuhlaziya iimpawu zokubhala: isiphumlisi (,); isingxi (.); uphawu lokukhwaza (!) kunye nophawu lombuzo (?). Ukufunda nokusebenzisa izakhono zokuqikelela isiqukumbelo.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- **Ukuzikhumbuza**: Thetha ngobekufundiwe izolo.
- **Isigama:** Hlaziya amagama amatsha ubuwafundise okokuqala izolo.
- Abafundi mabenze izivakalisi uze ufundise isinintsi samagama ubuwafundise izolo.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.
- **Ukufundisa ngokuthe gca: Cacisela abafundi ukuba uza kubafundisa ngokuqikelela isiqukumbelo**.
- Umbhali akabhali yonke into ngamagama. Ngamanye amaxesha umyalezo onokusinceda sifumane intsingiselo yebali ngokukhawuleza ukwimifanekiso.
- Kweli bali, phambi kokuba kuthethwe nantoni na ngesizathu sabantwana abasebezayo, imifanekiso isinike umkhondo.
  - Jonga umfanekiso wokuqala. Yintoni esinika umkhondo apha?
  - Jonga umfanekiso wesibini. Ingaba uyawubona na umkhondo?
  - Yeyiphi eminye imikhondo oyiqapheleyo?

**2. Ukufunda**
- Cela abafundi ukuba bafunde kunye nawe ngokuthe gca kwakunye nangemvakalelo.

**3. Emva kokufunda**
- Gqibezela ukufunda ngokuthi ubuze imibuzo efana:
  - Ucinga ukuba bebesithini abafundi ngexesha labo lokusebeza? Ngoba kutheni?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wesandi we-Vula Bula u-/**qh/:** oonotsheluza abasuka kuluhlu lwamagama: **qhuba, qhuma, iqhina, qhayisa, qhekeka, qhubeka, ukuqhela, qhaqha, qhaqhazela**
- **Amalungiselelo:** Ncamathisela amagama ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga kunye nokuvakalisa amagama anesandi u-/**qh/.** Dibanisa amagama ngokohlobo lokuba u-/**qh/** usekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni.


**IMISEBENZI**

- Yenza ukuba abafundi basebenze ngababini ukuba benze amaqela amagama ezandi ngokohlobo lokuba isandi u-/**qh**/ sivela ndawoni kwigama – ekuqaleni, embindini, ekugqibeleni.
- Abafundi mabacinge ngegama libelinye leqela ngalinye.

# Iveki Yesi-5: Usuku Lwesi-2

| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |






## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokubhalela ngesandla
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini
- **Iinjongo zesisifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa nokubhala isandi u-/**nq**/

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhalela ngesandla.
- Bhala umhla, umxholo kunye nephatheni ebhodini.
- Bhala la magama alandelayo ebhodini uyalele abafundi ukuba bawabhale ezincwadini zabo zokwenza umsebenzi.
  **Imiqhagi iqhele ukukhonya ekuseni**
  **Iqhiya kaQhamani ineqhosa**
- Gqibezela ngephatheni.
- Khokela abafundi ngelixa bebhala kwiincwadi zabo zokubhala.
- Khumbula ukujonga indlela abahleli ngayo abafundi, indlela ababamba ngayo ipensile yabo kwakunye necala abakhokelela ngakulo xa bebhala.






## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** itshati yokubhalela; ikhoki
- **Amalungiselelo:** Qweba ibali losapho oluthile.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuzobeni uluhlu lwezinto ezizakuya kuthengwa zosapho oluthile. Sebenzisa ulwazi lwangaphambili.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba bayakube bencedisa wena ukuzoba uluhlu lwezinto eziyakuthengwa zosapho oluthile ozakuliqweba.
- Xelela abafundi ukuba kolu sapho kukho abantwana ababini - oneminyaka emi-2 kunye noneminyaka eli-10.
- Kukho umama, umakhulu kwakunye notamkhulu.
- Umama ubacele ukuba bancedise ukubhala uluhlu lwezinto ezizakuthengwa ezizidingo zeveki.
- Cinga ngezinto ezili-10 eziyakwenza ukuba wonke umntu avuye kwelikhaya.
- Yekela abafundi ukuba baxoxe ngoku kodwa fikelela kwisigqibo ngokuthi uvumele abafundi ukuba bavotele ukhetho lwabo.
- Emva kokuba abafundi bevotile, bhala uluhlu kwakhona, ulunike isihloko esifanelekileyo.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Yesi-5: Usuku Lwesi-3





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20) – Umsebenzi wokuhlola osemthethweni (FAT)*

- **Izixhobo:** incwadi yebali: **Ibhola elahlekileyo**
- **Amalungiselelo:** Lungisa i-rubrikhi yovavanyo yokuphulaphula nokuthetha
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuhlola ukuphulaphula nokuthetha.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba ngomso baza kulinganisa ibali.
- Bohlule babengamaqela.
- Banike ixesha lokuziqhelanisa.
- Umntwana ngamnye makabenendawo apho azakuthetha kuyo.

**Qhubeka iveki yonke de bonke abafundi bafumane ithuba lokulinganisa.**




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-Vula Bula: **Sebeza**
- **Amalungiselelo:** Thatha la magama ubuwazise kwisifundo sokuqala nesesibini uwakhuphe kwitshati yesigama uze uwaxhome ajikeleze udonga lwegumbi lokufundela.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga amagama, ukuwafunda nokuwasebenzisa kwisivakalisi.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- **Isigama:** Cela abafundi ukuba bakhangele amagama ubuwafundise ngoMvulo nangolwesibini edongeni.

**2. Ukufunda**
- Xa umfundi ethe walifumana igama, kufuneka azame ukulifunda aze alincamathisele kwitshati yesigama.
- Nceda abafundi babize amagama kwaye bawafunde ngokucacileyo xa kukhona isidingo soko.

**3. Emva kokufunda**
- **Ushwankathelo**: xelela abafundi ukuba bayakushwankathela oku bebefunda ngako.
  - Sipho sini abafundi abathe basinika utitshala wabo?
  - Chonga izinto ezisebhasithini.

| izinto ezisebhasikethini | Ewe / Hayi |
|---|---|
| Iibhutsi zomntwana | |
| ipensile | |
| Idami | |

- Yenza lo msebenzi kunye nabafundi. Bavumele bakuxelele ukuba ezi zinto bezikhona na kwibhasikithi okanye bezingekho ngokuthi 'ewe' okanye 'hayi'.
- Buza imibuzo yovavanyo lokuqonda:
  - Ucinga ukuba utitshala uye waziva njani xa efumana isipho sakhe? Kutheni usitsho njalo nje?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wesandi se-Vula Bula u-/**gq**/; oonotsheluza abasuka kuluhlu lwamagama ezandi: **igqabi, igqirha, ugqirha, ukugqagqabisela, igqolile, igqayiwe, isigqibo**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: **Igqudu ligqunywe ngamagqabi.** Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokutsho amagama anesandi u-/**gq**/

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini. Funda ngokuvakalayo. Ugxininise kwisandi sikanobumba u-/**gq**/
- Xelela abafundi ukuba baza kukufunda ngonobumba u-/**gq**/ - ukuba wakhiwe njani, ubizwa njani, kwakunye namagama anesisandi.
- Funda isivakalisi esikulomcu wephepha kwakhona. Cela abafundi ukuba bamamele bakhangele unobumba u-/**gq**/ kwesisivakalisi.

**2. IKHADI LESANDI U-/GQ/**
- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini: uze ubuze uthi yintoni le?
- Phinda impendulo – **igqudu –** uze ugxininise isandi sika /**gq**/.


# Iveki Yesi-5: Usuku Lwesi-3

- Xelela abafundi ukuba bathi /**gq**/. Kufuneka bajonge emlonyeni wakho, batsho kwakhona baze bajonge emilonyeni yabanye ukuze babone ukuba imilebe yabo yenzani.

**3. AMAGAMA EZANDI**

- Cela abafundi ukuba bacebise amagama anesandi u -gq/**.**
- Qalisa ukufundisa amagama anonobumba u-/**gq**/ usebenzisa oonotsheluza kwakunye nemifanekiso okanye izinto.
- Thetha ngentsingiselo yegama ngalinye. Thetha ngendlela akhiwe ngayo. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi, okanye wenze umdlalo obonakalisa lona.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.
- Bhekisa abafundi kuluhlu lwamagama ancanyathiselwe ezincwadini zabo. Funda amagama kunye nabo kwakhona.





## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokubhalela ngesandla.
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini**.**
- **Iinjongo zesisifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa nokubhala isandi u-/**gq/.**

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhalela ngesandla.
- Bhala umhla, umxholo kunye nephatheni ebhodini.
- Kumgca wokuqala: bhala ukrozo luka /**gq**/.
- Kumgca wesibini: bhala **gqa, gqe, gqi, gqo, gqu.**
- Kumgca wesithathu: bhala olunye ukrozo luka /**gq**/.
- Gqibezela ngephatheni.
- Khumbula ukujonga indlela abahleli ngayo abafundi, indlela ababamba ngayo ipensile yabo kwakunye necala abakhokelela ngakulo xa bebhala.




## Ukubhala ngababini *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokubhalela ngesandla; ipensile.
- **Amalungiselelo:** Qweba ibali losapho oluthile.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuzobeni uluhlu lwezinto ezizakuya kuthengwa zosapho oluthile. Sebenzisa ulwazi esebenalo abafundi.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba bazakube bencedisa wena ukuzoba uluhlu lwezinto eziyakuthengwa zosapho oluthile ozakuliqweba.
- Xelela abafundi ukuba kolusapho kukho abantwana abathathu - abaneminyaka eli-14, eli-12 kunye ne-8, umama notata
- Umama ubacele ukuba bancedise ukubhala uluhlu lwezinto eziza kuthengwa ezizidingo zeveki.
- Kufuneka bacinge ngezinto ezili-10 ezizakwenza ukuba wonke umntu avuye kwelikhaya.
- Yekela abafundi abasebenza ngababini ukuba baxoxe ngoku kodwa kufuneka bafikelele kwisigqibo.
- Jikeleza ubuza abafundi abasebenza ngababini ukuba kutheni bevumelene ekukhetheni ezi zinto bazikhethileyo.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Yesi-5: Usuku Lwesi-4




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20) – Umsebenzi wokuhlola osemthethweni (FAT)*

- **Izixhobo:** incwadi yebali: **Ibhola elahlekileyo.**
- **Amalungiselelo:** Lungisa i-rubrikhi yovavanyo yokuphulaphula nokuthetha .
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuhlola ukuphulaphula nokuthetha.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba ngomso baza kulinganisa ibali.
- Bohlule babengamaqela.
- Banike ixesha lokuziqhelanisa.
- Umntwana ngamnye bakabenendawo apho azakuthetha kuyo.

**Qhubeka iveki yonke de bonke abafundi bafumane ithuba lokulinganisa.**




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wesandi se-Vula Bula u-/**gq/;** oonotsheluza abasuka kuluhlu lwamagama ezandi: **igqabi, igqirha, ugqirha, ukugqagqabisela, igqolile, igqayiwe, isigqibo**
- **Amalungiselelo:** Ncamathisela oonotsheluza ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokutsho amagama anesandi u-/**gq/.** Dibanisa amagama ngokokuthi u-/**gq/** usekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni kwegama.

**IMISEBENZI**

- Yenza ukuba abafundi basebenze ngababini ukuba benze amaqela amagama ezandi ngokohlobo lokuba isandi u/**qh**/ sivela ndawoni kwigama – ekuqaleni, embindini, ekugqibeleni.
- Abafundi mabacinge ngegama libelinye leqela ngalinye.

| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |




## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokubhalela ngesandla; ipensile.
- **Amalungiselelo:** Qweba ibali ngeentsapho zabafundi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukubhala uluhlu lwezinto zosapho lwabo ezizakuthengwa.

**IMISEBENZI**


- Xelela abafundi ukuba bayakube bebhala uluhlu lwezinto ezizakuthengwa zentsapho zabo.
- Xelela abafundi ukuba kufuneka babhale ukuba ngubani ohlala kumakhaya abo njengokuba oko kuyakubanempembelelo kwezinye zezinto ekufuneka zithengiwe.
- Umama wabo ubacele ukuba bancedise ukubhala uluhlu lwezinto ezizakuthengwa ezizidingo zeveki.
- Kufuneka bacinge ngezinto ezili-10 eziyakwenza ukuba wonke umntu avuye kwelikhaya.
- Jikeleza ubuza abafundi kangangoko ukuba kutheni bekhethe ezi zinto bazikhethileyo.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1<br>Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3<br>Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5<br>Iqela loku-1 | Iqela lesi-2<br>Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4<br>Iqela lesi-5 |



## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20) – Umsebenzi wokuhlola osemthethweni (FAT)*


- **Izixhobo:** incwadi yebali: **Ibhola elahlekileyo**
- **Amalungiselelo:** Lungisa i-rubrikhi yovavanyo yokuphulaphula nokuthetha
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuhlola ukuphulaphula nokuthetha.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba ngomso baza kulinganisa ibali.
- Bohlule babengamaqela.
- Banike ixesha lokuziqhelanisa.
- Umntwana ngamnye bakabenendawo apho azakuthetha kuyo.

**Qhubeka iveki yonke de bonke abafundi bafumane ithuba lokulinganisa.**





## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Oonotsheluza bamagama ezandi afundisiweyo kule veki.
- **Amalungiselelo:** Ncamathisela amakhadi oonobumba ka **/nq/** kunye no **/nw/** ebhodini. Ncamathisela bonke oonotsheluza bezandi abafundisiweyo kule veki.
- **Iinjongo zesisifundo:** Ukuchonga nokuvakalisa isandi sika **/nq/** kunye no **/nw/.**

**IMISEBENZI**

- Ncamathisela Umzobo wesandi u-**/nq/** kunye no /nw/ kwakunye nabo bonke oonotsheluza bezandi abafundisiweyo kule veki.
- Cela abafundi ukuba beze ebhodini - omnye ngexesha - bakhethe unotsheluza.
- Umfundi makafunde unetsheluza aze akhethe ukuba ufaneleke abephantsi kweliphi ikhadi likanobumba ku – **/nq/** okanye **/nw/**.
- Umfundi kufuneka aze acacise ukuba kutheni encamathisela phantsi kwelokhadi likanobumba alikhethileyo.
- Cela abafundi ukuba banike ingxelo.
- Qhubeka kude kubekanti bonke oonotsheluza bafundiwe yaye bahleliwe.


# Iveki Yesi-5: Usuku Lwesi-5




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.


| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1<br>Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3<br>Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5<br>Iqela loku-1 | Iqela lesi-2<br>Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4<br>Iqela lesi-5 |




**isigama seveki**

bangqumbene
Baqhele
dideka
gqithisela
ihlebo
qhubeka
yokugqibela
zola

# Iveki Yesi-6: Usuku Loku-1




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta yesi-3 ye-DBE: **Ezothutho;** oonotsheluza besigama: **inqwelo-moya, inqwelo-ntaka, inqanawa, isikhitshane, ibhasi, ululiwe, itraki, inqwelo-mafutha, isithuthuthu, iikariyeedonki, itekisi, ibhayisekile, ibhaloni yomoya oshushu**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesihloko noonotsheluza bamagama akwipowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngepowusta nokunxulumanisa namava abo. Ukufunda amagama amatsha.

**IMISEBENZI**

- Ncamathelisa ipowusta ebhodini. Funda uze uthethe ngesihloko. Ncamathelisa isihloko sesiXhosa ecaleni kwesihloko sesiNgesi kwipowusta.
- Yahlula abafundi ngokwamaqela amathathu. Umfundi woku-1 ngumhlaba, umfundi wesi-2 ngumoya aze umfundi wesi-3 abe ngamanzi. Kufuneka babonise kwipowusta ukuba loluphi uhlobo lwezothutho abalusebenzisayo.
- Xoxa ngesigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathelisa oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.



## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-Vula Bula: **Lelikabani eli vili?**; oonotsheluza besigama: **dlula, ikhohlozela, inqwelo, ithutyana, igquma, ithothoza, umnyonyovu, isitsalazithuthi, iteletele**
- **Amalungiselelo:** Funda lonke ibali kuqala uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba kufundo notitshala ngokuqikelela, ukunxulumanisa namava abo nokuphendula imibuzo yengqiqo.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**


- Iqweqwe: Thetha ngesihloko nemifanekiso, buza imibuzo:
  - Lenzeka phi eli bali? Kutheni usitsho njalo
  - Cinga! Liza kuba ngantoni eli bali? (uqikelelo)
- **Ukubuka imifanekiso**: Tyhila kwibali (ungalifundi) jonga emifanekisweni ubuze le mibuzo.
  - (iphepha lesi-4) Ucinga ukuba ivili lelenqwelo yedonki? Kutheni?
  - (iphepha lesi-6) Ukuba ubuyile nkwenkwe, ubuza kumbuza umqhubi wesithuthuthu ngeli vili? Kutheni?
- **Isigama:** Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluza nezinto okanye imifanekiso.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga indlela elakhiwe ngayo igama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathelisa oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**2. Ukufunda**

- Funda ibali ngokucacileyo, ubonakalisa ubuchule.
- Buza imibuzo ephuhlisa ingqiqo emva kokufunda amaphepha amabini:
  - (iphepha lesi-5) Ucinga ukuba ivili lifike njani kule ndawo ilifumene kuyo inkwenkwe?
  - (iphepha le-9) Sazi njani ukuba uKabelo ulinde ixesha elide apho?

**3. Emva kokufunda**

- Gqibezela ngokubuza:
  - Ukhe wayifumana into engeyoyakho?
  - Wayibuyisela kumniniyo?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wesandi se-Vula Bula u-/**dl**/; oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: **idliso, isidlo, udladla, ukudloba, idlakadlaka, dlula, idlaka, idlavu, idlelo**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: **Amatakane adloba edlelweni.** Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga isandi u-/**dl**/ nokufunda amagama anesandi u-/**dl**/.

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi**

- Ncamathelisa umcwe wephepha onesivakalisi ebhodini. Fundela ngaphandle, ugxininisa kwisandi u- /**dl**/.
- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ngonobumba u-/**dl**/ – ujongeka njani, sinjani isandi sakhe kwanamagama anesisandi.
- Funda umcwe wephepha onesivakalisi kwakhona. Cela abafundi bamamele baze bakhangele amagama ano-/**dl**/ kwesi sivakalisi.

# Iveki Yesi-6: Usuku Loku-1

**2. Umzobo wezandi u-/dl/**
- Ncamathelisa ikhadi likanobumba ebhodini. Buza ngomfanekiso: Benzani abantwana?
- Phinda impendulo – **dlala**– ugxininisa kwisandi u-/**dl**/.
- Cela abafundi babize u-/**dl**/. Kufuneka bajonge emlonyeni wakho; yitsho kwakhona uze ujonge emlonyeni womfundi ngamnye ubone ukuba benza ntoni ngemilebe yabo.

**3. Amagama ezandi**
- Cela abafundi banike amagama anesandi u-/**dl**/.
- Fundisa amagama ano-/**dl**/ usebenzisa oonotsheluza nemifanekiso okanye izinto.
- Thetha ngentsingiselo yegama ngalinye. Jonga indlela elakhiwe ngayo. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi, okanye ulilinganise.
- Ncamathelisa oonotsheluza kwitshathi yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.
- Bonisa abafundi uluhlu lwamagama ancanyathiselwe kwiincwadi zabo. Funda amagama kunye nabo kwakhona.



## Ukubhala (*imizuzu eli-15*)

- **Izixhobo:** iincwadi zokwenza umsebenzi obhalwa ngesandla zabafundi; iipensile.
- **Amalungiselelo:** Lungiselela ukubhala iindaba zempela-veki.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekubhaleni iindaba zempela-veki.

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba baza kubhala iindaba zabo zempela-veki.
- Cela abafundi babhale obe kubalasele ngempela-veki yabo.
- Bayalele ukuba babhale ubuncinane izivakalisi zibe zibini ngezinto abazenze ngoMgqibelo kunye nezivakalisi zibe zibini ngezinto abazenze ngeCawa.
- Jikeleza uncedisa ngokwakhiwa kwesivakalisi, isiphumlisi kunye nezikhewu phakathi kwamagama.




dl dl dl dl
dl dl dl dl
dl dl dl dl

## Ukubhala ngesandla (*imizuzu eli-15*)

- **Izixhobo:** iincwadi zokwenza umsebenzi obhalwa ngesandla zabafundi.
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala isandi u-/**dl/.**


**IMISEBENZI**
- Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala ngesandla.
- Bhala umhla, isihloko kunye nephatheni ebhodini.
- Umgca wokuqala: Bhala ukrozo loo-/**dl**/.
- Umgca wesibini: Bhala **dlala, isidlele, idliso, isidlo, dlula.**
- Umgca wesithathu: Bhala olunye ukrozo loo-/**dl**/.
- Sivale ngephatheni.
- Jikeleza ubone ukuba baqhuba njani. Nceda apho kuyimfuneko.
- Khumbula ukukhangela uhlobo abahleli ngalo abafundi, ukubanjwa kwepensile necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela (*imizuzu engama-30*)

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta yesi-3 ye-DBE: **Ezothutho**; oonotsheluza besigama; **inqwelo-moya, inqwelo-ntaka, inqanawa, isikhitshane, ibhasi, ululiwe, itraki, inqwelo-mafutha, isithuthuthu, iikariyeedonki, itekisi, ibhayisekile, ibhaloniyomoyaoshushu**
- **Amalungiselelo:** Yenza oonotsheluza bamagama esiXhosa kwipowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuxoxa ngezothutho, ukuthetha ngemifanekiso ekwipowusta.

**IMISEBENZI**

- Ncamathelisa ipowusta ebhodini.
- Khumbuza abafundi ngento ebe kuthethwe ngayo kunye namagama owafundisileyo izolo.
- Khumbuza abafundi ngesigama esifundiswe izolo.
- Buza imibuzo ekhokelela ingxoxo, umzekelo:
  - Ngubani osebenzisa esiphi sezothutho ukuza esikolweni?
  - Ukuba ubusiya eKapa loluphi uhlobo lwezothutho oluza kufikisa apho ngokukhawuleza?
  - Sesiphi isithuthi ebesinokuba sesona sicothayo?




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-Vula Bula: **Lelikabani elivili?**; oonotsheluza besigama; **dlula, ikhohlozela, inqwelo, ithutyana, igquma, ithothoza, umnyonyovu, isitsalazithuthi, iteletele**
- **Amalungiselelo:** Funda lonke ibali kuqala uze ulungise imibuzo yakho. Nika imizekelo ukubonisa imvelaphi yolwazi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda ngokusebenza kweziphawuli nomsebenzi wazo ekubhaleni.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**


- Thetha ngento efundwe izolo.
- Qwalasela kwakhona amagama amatsha afundiswe izolo.
- Abafundi kufuneka benze izivakalisi uze ubafundise isininzi segama ngasinye elifundiswe izolo.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga indlela elakhiwe ngayo igama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathelisa oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.
- **Fundisa ngokuthe gca:** Fundisa ngomsebenzi weziphawuli.
- Xelela abafundi ukuba isiphawuli sisetyenziselwa ukuchaza isibizo. Ekubhaleni, oku kuluncedo ekuzobeni umfanekiso ngqondweni wento oyifundayo – ingasisandi, ivumba okanye uhlobo ejongeka ngayo into.
- Ukuba ndithi kuwe “idlavu elinukayo lawa ebusweni bakhe.”Yiyiphi impendulo oyifumanayo?

**2. Ukufunda**

- Cela abafundi bafunde ibali kunye nawe ngokucacileyo. Bayalele baphakamise izandla zabo xa besiva isiphawuli. (Bakhumbuze ngomsebenzi. Lungisa uluhlu lweziphawuli ezisebalini ukuze xa belibele ubenako ukuba nemizekelo yezi ziphawuli.)
- Buza imibuzo ephuhlisa ingqiqo enje ngale:
  - Ucinga ukuba kuzokwenzeka ntoni ukuba umqhubi wetrekta utshintshe ivili langaphambili ngevili likaKabelo?

**3. Emva kokufunda**

- Vala isifundo ngokubuza imibuzo.
  - Ungazikhumbula zonke iinqwelo uKabelo abuze kuzo ngevili?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wesandi se-Vula Bula u-/**dl**/, oonotsheluza abasuka kuluhlu lwamagama: **idliso, isidlo, udladla, ukudloba, idlakadlaka, dlula, idlaka, idlavu, idlelo**
- **Amalungiselelo:** Ncamathelisa oonotsheluza ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anezandi u-/**dl**/. Ukubeka amagama ngokwendawo esikuyo isandi ngokuba isandi sisekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni kwegama.


**IMISEBENZI**

- Yalela abafundi basebenze ngababini ukubeka amagama ezandi ngokwendawo esikuyo isandi u-/**dl**/ ngokuba sivela – ekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni.
- Abafundi kufuneka ubuncinane bacinge ngegama elinye kwiqela ngalinye.

| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
| --- | --- | --- |
| | | |

# Iveki Yesi-6: Usuku Lwesi-2






## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi obhalwa ngesandla.
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala isandi u-/**dl/.**

**IMISEBENZI**

**1. Ukukhumbula**
- Buza abafundi basakhumbula ukuba bathini xa bebhala isandi u-/**dl**/
- Bhala emoyeni uze ucele abafundi babhale kunye nawe.

**2. Ziqhelanise**
- Xelela abafundi ukuba baza kuziqhelanisa nokubhala isandi u-/**dl**/ kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi obhalwa ngesandla.
- Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala ngesandla.
- Bhala umhla, isihloko kunye nephatheni ebhodini.
- Bhala la magama alandelayo ebhodini uze uyalele abafundi bawakhuphele kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi obhalwa ngesandla.
  **Adlakadlaka amadlaka angasedlelweni.**
  **Abafundi bazakudlala umdlalo kwibala laseDlephu.**
- Sivale ngephatheni.
- Khokela uze walathise abafundi ngeli xesha bebhala kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi wesandla.
- Khumbula ukukhangela uhlobo abahleli ngalo abafundi, ukubamba ipensile necala abakhokela ngakulo xa bebhala).






## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** iphepha letshathi; iikhoki
- **Amalungiselelo:** Lungisa itshathi yokubhalela.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekubonisaneni ngokwahluka kweziphawuli ezichaza izithuthi.


**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba uza kukhetha iintlobo zibentlanu zothutho koonotsheluza.
- Kufuneka banike ubuncinane zibe zibini iziphawuli ukuchaza uthutho ngalunye.
- Bangajonga kwipowusta yezothutho okanye kusetyenziswe ulwazi lwangaphambili ukucebisa ngeziphawuli ezifanelekileyo.
- Vumela abafundi banike iziphawuli ezininzi kangangoko banakho. Emva koko bakhethe ezona zilungileyo.
- Kufuneka basebenzise ezi ziphawuli kwizivakalisi.
- Kufuneka bazifundisise kwakhona izivakalisi abazibhalileyo baze baqinisekise ukuba bayazihlela kwaye benza izilungiso zazo.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** incwadi yebali: **UNguni Omhle;** oonotsheluza besigama: **inkonyane, zogqatso, ubuvukuvuku, iingxondorha, sigudileyo. Ezindilisekileyo, ngokuqaqambileyo**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise nokufunda uze ulungise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela ibali elinomdla uze uphendule imibuzo ngebali.


**IMISEBENZI**

**1. Itshathi yemozulu nomhla**
- Thetha ngemozulu yanamhlanje.

**2. Phambi kokufunda**
- Lungiselela abafundi balungele ukufunda notitshala.
  - Thetha ngesihloko neqweqwe uze ubuze imibuzo:
  - Kwenzeka ntoni eqweqweni?
  - Ucinga ukuba eli bali liza kuba ngantoni? (uqikelelo)
  - Ucinga ukuba eli bali lelokwenyani? Kutheni usitsho njalo?

**3. Ukufunda**
- Funda isiqingatha sokuqala sebali. Funda ibali ngokucacileyo. Bonisa eminye imifanekiso uze ubuze imibuzo ngaphandle kokuphazamisa.
  - Beluziva njani usana elungu Nguni? Kutheni beluziva njalo?
  - Wawukhe waziva ngathi umbi kwaye awufuneki?
  - Waxelela bani ngohlobo owawuziva ngalo?
  - Wathini loo mntu?

**4. Emva kokufunda**
- Xelela abafundi ukuba uza kuphela apho namhlanje.




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-Vula Bula: **Lelikabani eli vili**
- **Amalungiselelo:** Susa amagama owafundisileyo kwisifundo sokuqala nesesibini kwitshathi yesigama uze uwaxhome eludongeni ajikeleze iklasi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga amagama, ukuwafunda nokuwasebenzisa kwizivakalisi.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- **Isigama:** Yalela abafundi bafumane amagama abawafunde ngoMvulo nangoLwesibini eludongeni.

**2. Ukufunda**
- Akuba umfundi elifumene igama, kufuneka alifunde aze alincamathelise kwitshathi yesigama.
- Nceda abafundi ukubiza nokufunda amagama ngokuthe rhu apho kuyimfuneko.

**3. Emva kokufunda**
- **Ukushwankathela**: Xelela abafundi ukuba baza kuswankathela into ebebeyifunda.
- Cela abafundi babeke imifanekiso eshicilelweyo yezithuthi uKabelo ayenzele ukuba ivele ebalini. (lungisa ukulandelelana)
- Buza imibuzo ephuhlisa ingqiqo:
  - Lenzeka phi eli bali? Kutheni usitsho njalo?
  - Ngubani ocinga ukuba ngoyena mlinganiswa uphambili ebalini kwaye kutheni?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzombo wesandi se-Vula Bula u-**'gc'**. oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: **gcina, gcoba, gcaba, gcuma, igcisa, ugcado, umgcini, imigca, isigculelo**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcwe wephepha onesivakalisi: **UGcobisa ungumgcini wezigcawu.** Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**gc/.**

**IMISEBENZI**

**1. Umcwe wephepha onesivakalisi**
- Ncamathelisa umcwe onesivakalisi ebhodini. Sifundele ngaphandle, ugxininisa kwisandi u-/**gc**/.
- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ngoonobumba u-/**gc**/ no-/**dl/**, ujongeka njani, sithini isandi sakhe, kwanamagama anesisandi.
- Funda umcwe wephepha onesivakalisi kwakhona. Cela abafundi bamamele baze bajonge kumagama ano-/**gc**/ kunye no-/**dl/** kwizivakalisi.

**2. Umzobo wesandi u-/gc/**
- Ncamathelisa ikhadi likanobumba ebhodini uze ubuze: Yintoni le?

- Yiphinde impendulo u-**isigcawu** uze ugxininise kwisandi u-/**gc**/.
- Cela abafundi babize u-/**gc**/. Kufuneka bajonge emlonyeni wakho; yitsho kwakhona uze ujonge emlonyeni womfundi ngamnye ubone ukuba benzani ngemilebe yabo.

**3. Amagama ezandi**

- Cela abafundi bacinge ngamagama anesandi u-/**gc**/.
- Fundisa amagama ano-/**gc**/ usebenzisa oonotsheluza nemifanekiso okanye izinto.
  - Thetha ngentsingiselo yegama ngalinye. Jonga indlela elakhiwe ngayo igama. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi, okanye ulilinganise.
  - Ncamathelisa oonotsheluza kwitshathi yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.
- Bonisa abafundi uluhlu lwamagama ancanyathiselwe kwiincwadi zabo.  Funda amagama kunye nabo kwakhona.



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15) –Umsebenzi wovavanyo osesikweni (FAT)*

- **Izixhobo:** iincwadi zokwenza umsebenzi obhalwa ngesandla zabafundi; iipensile.
- **Amalungiselelo:** Irubhrikhi yokuphawula umsebenzi wabafundi. (FAT)
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuvavanya ukubhala ngesandla.

**IMISEBENZI**

- Bhala izivakalisi ezilandelayo ebhodini uze uyalele abafundi bazikhuphele kwiincwadi zabo zokubhala ngesandla.
  1. Waphuma waya kuyikhangela.
  2. Ibhola yakhe ilahlekile.
  3. Wamlinda emthini.

Sukubancedisa. Thatha iincwadi zabo zokwenza umsebenzi uze ubanike amanqaku ngokomlinganiselo womsebenzi wabo kwirubhrikhi.




## Ukubhala ngababini *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** iincwadi zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla zabafundi; iipensile.
- **Amalungiselelo:** Khetha iintlobo zibentlanu zothutho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ngababini ekucebiseni iziphawuli ezahlukileyo ukuchaza izithuthi.

**IMIZUZU**


- Xelela abafundi ukuba uza kukhetha iintlobo ezintlanu zothutho koonotsheluza. (Ezi ntlobo kufuneka zahluke kunezo bezikhethwe nakanjani izolo.)
- Kufuneka bacinge ubuncinane ngeziphawuli zibe zibini ukuchaza uhlobo ngalunye.
- Bangajonga kwipowusta yezothutho okanye basebenzise ulwazi lwabo lwangaphambili ukunika iziphawuli ezifanelekileyo.
- Bavumele abafundi bazinike ngobuninzi kangangoko benako iziphawuli ezifanelekileyo, kuze kukhethwe ezona zifanelekileyo.
- Kufuneka ezi ziphawuli bazisebenzise kwizivakalisi.
- Kufuneka bazifundisise kwakhona izivakalisi abazibhalileyo baze baqinisekise ukuba bayazihlela kwaye benza izilungiso zazo.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1<br>Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3<br>Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5<br>Iqela loku-1 | Iqela lesi-2<br>Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4<br>Iqela lesi-5 |




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** incwadi yebali: **UNguni omhle.**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise ukufunda ibali uze ulungise imibuzo yakho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela ibali elinomdla nokubuza imibuzo ngebali.

**IMISEBENZI**

**1. Itshathi yemozulu nomhla**
- Thetha ngemozulu yanamhlanje.

**2. Phambi kokufunda**
- Lungiselela abafundi ukuze balungele ukufunda notitshala.
- **Khumbula:** Thetha ngendawo oyifundileyo.
  - Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni? (uqikelelo)

**3. Ukufunda**
- Funda lonke ibali ngokucacileyo. Bonisa eminye imifanekiso uze ubuze imibuzo ngaphandle kokuphazamisa.
- Lifunde uligqibe.

**4. Emva kokufunda**
- Buza imibuzo ephuhlisa ingqiqo:
  - Umama umNguni walunceda njani usana olungumNguni ukuze luzive lungcono?
  - Ukuba ubungumhlobo kamNguni, ubuza kwenza ntoni ezakumenza azive engcono?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wezandi we-Vula Bula u-/**gc**/, oonotsheluza abasuka kuluhlu lwamagama: **gcina, gcoba, gcaba, gcuma, igcisa, ugcado, umgcini, imigca, isigculelo**
- **Amalungiselelo:** Ncamethelisa oonotsheluza ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-/**gc**/. Ukubeka amagama ngokwendawo esikuyo isandi u-/**gc**/ ngokuba sisekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni kwegama.

**IMISEBENZI**

- Yalela abafundi basebenze ngababini ukubeka amagama ezandi ngokwendawo isandi u-/**gc**/ esikuyo egameni sivela – ekuqaleni, embindini, ekugqibeleni.
- Abafundi kufuneka banike igama ubuncinane libelinye kwiqela ngalinye.

| Ekuqaleni | Embindini | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |

# Iveki Yesi-6: Usuku Lwesi-4




## Ukufunda uwedwa *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** iincwadi zokwenza umsebenzi obhalwa ngesandla zabafundi; iipensile.
- **Amalungiselelo:** Khetha iintlobo zibentlanu zothutho.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukusebenzisa iziphawuli ezahlukileyo ukuchaza izithuthi.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba uza kukhetha iintlobo ezintlanu zothutho koonotsheluza. (Ezi ntlobo kufuneka zahluke kwezo bezikhethwe nakanjani izolo.)
- Kufuneka banike iziphawuli ubuncinane zibe zibini ukuchaza uhlobo ngalunye lothutho.
- Bangajonga kwipowusta yezothutho okanye basebenzise ulwazi lwangaphambili ukunika iziphawuli ezifanelekileyo.
- Kufuneka basebenzise ezi ziphawuli kwizivakalisi.
- Kufuneka bazifundisise kwakhona izivakalisi abazibhalileyo baze baqinisekise ukuba bayazihlela kwaye benza izilungiso zazo.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Yesi-6: Usuku Lwesi-5




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu eli-20)*

- **Izixhobo:** incwadi yebali: **UNguni omhle**
- **Amalungiselelo:** Khumbuza abafundi ngokuyila awabo amabali.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukubaliswa kwamabali ngabafundi.

**IMISEBENZI**

**1. Itshathi yemozulu nomhla**
- Thetha ngemozulu yanamhlanje

**2. Khumbula**
- Khumbula ngebali olifundileyo.
- Khumbula ngesigama esele sifundisiwe.

**3. Shwankathela**
- Shwankathela ibali ngokubhekisele kwizigaba zebali: abalinganiswa, isakhiwo sebali (indawo apho liqhubeka khona ibali), ungquzulwano kunye nesisombululo.



## Uvavanyo lwezandi *(imizuzu eli-15) – Umsebenzi wovavanyo osesikweni (FAT)*


- **Izixhobo:** izandi ezifundwe kule veki.
- **Amalungiselelo:** Lungiselela ukubiza la magama kubafundi uze ubanike amanqaku ngokomsebenzi wovavanyo osesikweni (FAT) lwezandi
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuvavanya izandi ezifundiweyo ukuza kutsho kule veki.

**IMISEBERNZI**

- Bizela abafundi la magama uze ubanike amanqaku ngokomsebenzi wovavanyo osesikweni (FAT) lwezandi.

1. igqirha,
2. igqudu,
3. qhuba,
4. qhaqha
5. inqaba
6. inqatha


# Iveki Yesi-6: Usuku Lwesi-5




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1<br>Iqela lesi-2 | Iqela lesi-3<br>Iqela lesi-4 | Iqela lesi-5<br>Iqela loku-1 | Iqela lesi-2<br>Iqela lesi-3 | Iqela lesi-4<br>Iqela lesi-5 |





**isigama seveki**

dlula
ibhaloni yomoya oshushu
ibhasi
igquma
ithothoza
inqwelo yeedonki
iingxondorha
ikhohlozela
inqanawa
inqwelo
inqwelo-mafutha
inqwelo-moya
inqwelo-ntaka
isikhitshane
isithuthuthu
isitsalazithuthi
itekisi
ibhayisekile
iteletele
inkonyane
ithutyana
itraki
ngokuqaqambileyo
sigudileyo
Ezindilisekileyo
ubuvukuvuku
uloliwe
umnyonyovu
zogqatso

# Iveki Yesi-7: Usuku Loku-1



## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta yesi-5 yase-**DBE:** ***Ukuya kwagqirha***; oonotsheluza besigama: **Ukuya kwagqirha, ugqirha, unesi, ipowusta, iyeza, iiglavu, itshati, ibhedi, iplasta, isixhobo sokuxilonga**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcu wephepha onesihloko noonotsheluza bamagama akwipowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngepowusta nokunxulumanisa namava abo. Ukufunda amagama amatsha.

**IMISEBENZI**

- Ncamathisela ipowusta ebhodini. Funda uze uthethe ngesihloko. Ncamathisela isihloko sesiXhosa ecaleni kwesihloko sesiNgesi kwipowusta
- Xoxa ngesigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga indlela elakhiwe ngayo igama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.
- Buza imibuzo ngepowusta, umzekelo:
  - Iphi le ndawo?
  - Wakhe wayindwendwela le ndawo? Kwakutheni uze uye apho?

Uhambo







## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu ye-Vula Bula: ***Uhambo***; oonotsheluza besigama: ***Ndixakekile, ikhefu, ingxowa, ukhenketho, iqakamba, ukundwendwela, umdyarho***
- **Amalungiselelo:** Funda lonke ibali kuqala uze ulungiselele imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba kufundo notitshala ngokuqikelela, unxulumanisa kumava abo uze uphendule imibuzo yengqiqo.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**

- **Iqweqwe:** Thetha ngesihloko nomfanekiso uze uphendule imibuzo:
  - Luhleli phi usana?
  - Jonga kwikhalenda. Uthini umhla?
  - Cinga! Liza kuba ngantoni eli bali? (uqikelelo)
- **Ukubuka imifanekiso:** Tyhila ibali (ungalifundi) jonga emfanekisweni uze ubuze imibuzo.
  - (iphepha lama-24) Jonga emfanekisweni. Kwenzeka ntoni apha?
  - (iphepha lama-26) Uyalibona itikiti likamama? Liphi?
- **Isigama:** Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluza nezinto okanye imifanekiso.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**2. Ukufunda**

- Funda isiqingatha sokuqala sebali. Funda ibali ngokutyibilika, ubonise ubuchule.
- Buza imibuzo yengqiqo emva kokufunda amaphepha amabini:
  - (iphepha lama-26) Kanene lenkwenkwe ipakishela ukuyaphi?

**3. Emva kokufunda**

- Gqibizela ngokubuza:
  - Ukhe wandwendwela? Luhlobo luni lwezothutho owalusebenzisayo?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Izandi zakwa-Vula Bula u-**/mb/**; oonotsheluza bezandi kunye noluhlu lwamagama: **imbali, umbona, imbokodo, imbambo, hamba, igumbi, imbabala, imbawula, imbokodo, imbovane, iimbambo**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcu wephepha onesivakalisi: **Imbovane ihamba phezu kwembokodo**. Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nesandi u-**/mb/** nokubanako ukufunda amagama anesandi u-**/mb/**.

**1. Umcu wephepha lesivakalisi**
- Ncamathisela umcu wephepha lesivakalisi ebhodini.  Sifunde ngokucacileyo, ugxininisa kwisandi u-**/mb/.**
- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ngonobumba u-**/mb/** – ujongeka njani, sithini isandi sakhe, kwanamagama anesi sandi.
- Funda umcu wephepha elinesivakalisi kwakhona. Cela abafundi bamamele baze bajonge amagama anesandi u-**/mb/** kwesi sivakalisi.

**2. Izandi u-/mb/**
- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini: Yintoni le?
- Phinda impendulo – **imbiza** – uze ugxininise kwisandi u-**/mb/**.
- Cela abafundi babize u-**/mb/**. Kufuneka bajonge emlonyeni wakho, yitsho kwakhona uze ujonge emilonyeni yabo ukuba benza ntoni ngemilebe yabo.


**3. Amagama ezandi:**
- Cela abafundi bacinge ngamagama anesandi u-**/mb/**.
- Fundisa ngamagama ano-**/mb/** usebenzisa oonotsheluza nemifanekiso okanye izinto.
- Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwitshathi yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.
- Bonisa abafundi uluhlu lwamagama oluncanyathiselwe kwiincwadi zabo. Funda amagama kunye nabo kwakhona.



## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo**: iincwadi zokwenza umsebenzi obhalwa ngesandla zabafundi; iipensile
- **Amalungiselelo**: Lungiselela iindaba zempela-veki.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekubhaleni iindaba zempela-veki.


**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba baza kubhala iindaba zabo zempela-veki.
- Cela abafundi babhale okubalaseleyo ngempela-veki yabo.
- Bayalele ukuba babhale ubuncinane izivakalisi zibe zibini ngento abeyenzileyo ngoMgqibelo kunye nezivakalisi ezibini ngento abayenze ngeCawa.
- Jikeleza uncedise ngokwakhiwa kwesivakalisi, isiphumlisi nesikhewu.




## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala zabafundi.
- **Amalungiselelo:** Bhala ipateni ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala isandi u-**/mb/**.

**IMISEBENZI**
- Cela abafundi bavule iincwadi zabo zokwenza umsebenzi obhalwa ngesandla.
- Bhala umhla, isihloko nepatheni ebhodini.
- Umgca wokuqala: Bhala ukrozo loo-**/mb/**.
- Umgca wesibini: Bhala imbabala, imbewu, imbila, imbambo, ucwambu.
- Umgca wesithathu: Bhala olunye ukrozo loo-**/mb/**.
- Gqibezela ngepatheni.
- Jikeleza ubone ukuba benza njani. Nceda apho kuyimfuneko.
- Khumbula ukujonga ukuba abafundi bahleli nkqo, indlela yokubamba ipensile, necala abakhokela ngakulo xa bebhala





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta yesi-5 yase-**DBE: *Ukuya kwagqirha***; oonotsheluza besigama
- **Amalungiselelo:** Yenza umcu wephepha onesihloko noonotsheluza bamagama esiXhosa
- kwipowusta.

**Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngemifanekiso ekwipowusta nokuthatha inxaxheba kumdlalo ongalungiselelwanga.

**IMISEBENZI**

- Ncamathisela ipowusta ebhodini. Funda uze uthethe ngesihloko. Ncamathisela isihloko sesiXhosa ecaleni kwesihloko sesiNgesi kwipowusta.
- Bakhumbuze ngesigama abasifundileyo izolo.
- Buza imibuzo eza kukhokelela kwingxoxo, umzekelo:
  - Kutheni abantu besiya kugqirha?
  - Kwenzeka ntoni xa befika phaya?
  - Ngabantu abanjani abasebenza phaya?
  - Kutheni abanye abantu besoyika oogqirha?






## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu yakwa-**Vula Bula: *Uhambo***; oonotsheluza besigama: **Ndixakekile,**
- **ikhefu, ingxowa, ukhenketho, iqakamba, ukundwendwela, umdyarho**
- **Amalungiselelo:** Funda lonke ibali kuqala uze ulungise imibuzo. Yiba nemizekelo ukubonisa izakhono zoqikelelo.

**Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokwazi ukusebenzisa izakhono zoqikelelo.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**

- **Khumbuza** isigama ebe sifundiswe ngezolo.
- **Imfundiso ethe gca:** Ukucwangcisela uhambo
  - Ukucingela ngaphandle: Yintoni ekufuneka umntu ayenze xa ezakuthatha uhambo, ngakumbi xa eza kulala?
  - Ningavela nje niphakame nifake nayiphi na impahla ebhegini nihambe?
  - Ingaba ikhona into ekufuneka bayenze phambi kokuba bapakishe?
  - Ebalini, yintoni epakishwe ngusomashishini? Ingaba upakishe izinto ezifanayo nezentombazana eya enkampini?

**2. Ukufunda**

- Funda ibali ngembonakalo enomdla. Bonisa izakhono zoqikelelo ngeli xesha ufundayo:
  - (iphepha lama-28) Azi ukuba luhlala phi usapho lwakhe?

**3. Emva kokufunda**

- Vala isifundo ngokubuza imibuzo.
  - Cela abafundi bacinge ngemibuzo ebamangalisayo.
  - Ucinga ukuba bekuza kwenzeka ntoni ukuba omnye wabo ebelahle itikiti lakhe okanye elishiye ekhaya?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Izandi ze-**Vula Bula** u-**/qh/**; oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: **qhuba, qhuma, iqhina, qhayisa, qhekeka, qhubeka, ukuqhela, qhaqha, qhaqhazela**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcu wephepha onesivakalisi: **Utsotsi wakuTsolo utsibele watsala itasi kaTselane etsolo.** Ncamathisela oonotsheluza ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-**/qh/**. Hlela amagama ngokwendawo ka-**/hl/** egameni: usekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni.

**IMISEBENZI**

- Abafundi kufuneka basebenze ngababini ukubeka amagama ezandi ngokwendawo enesandi u- /qh/ – ekuqaleni, embindini, ekugqibeleni.
- Abafundi kufuneka bacinge noba linye igama kwisicwangciso esingezantsi.

| Osekuqaleni | Osembindini | Osekugqibeleni |
|---|---|---|
| Qhuba | Ukuqhela | qhaqha |



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zemisebenzi; iipensile
- **Amalungiselelo:** Bhala ipateni ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokubhala isandi u-**/mb/**.


**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Buza abafundi ukuba basakhumbula na ukuba kuthiwani xa bebhala isandi u-**/mb/**.
- Sibhale emoyeni uze ucele abafundi babhale kunye nawe.

**2. Ziqhelanise**
- Xelela abafundi ukuba baza kuziqhelanisa nokubhala isandi u-/mb/ kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi obhalwa ngezandla.
- Cela abafundi batyhile iincwadi zabo zokubhala ngesandla.
- Bhala umhla, isihloko nepatheni ebhodini.
- Bhala lamagama alandelayo ebhodini uze uyalele abafundi bakhuphele kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla.

  **UMbeko uhlwayela imbewu yombona.**
  **UNangamso ubetheke edongeni wanengongoma**
- Gqibezela ngepatheni.
- Hamba-hamba ujonge ukuba baqhuba njani na. Nceda apho kudingeka khona
- Khumbula ukujonga ukuba abafundi bahleli nkqo, indlela yokubamba ipensile, necala abakhokela ngakulo xa bebhala.

**3. Emva kokufunda**
- Buza imibuzo ukuvavanya ukuqonda:
  - Yintoni eyenze uAyanda angafuni kukhula?
  - Kutheni waziyekela ukuba akhule nje kancinci?





## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo**: iphepha letshathi; iikhoki
- **Amalungiselelo**: Lungiselela ukuqamba ibali leklasi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuqambeni ibali leklasi.

**IMISEBENZI**

**1.** Xelela abafundi ukuba uza kwenza ingathi uzokuthatha uhambo.
- Bacele ukuba kufuneka balandele esi sakhelo sokubhala.
  - Uhamba nini?
  - Uza kwenza ntoni apho?
  - Uxakeke wenza yintoni?
  - Ziintoni ozipakishayo?
  - Unalo itikiti?
  - Uziva kanjani ngohambo?
- Emva kokubhala, abafundi kufuneka babhale kwakhona izivakalisi baze benze zonke izilungiso.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yebali: ***Sonke sizalelwe ukuze siphile ngokufanelekileyo***
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise ukufunda ibali uze ulungiselele imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela ibali elinomdla bezonwabisa.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Lungisa abantwana balungele ukufundelwa ngutitshala
- Thetha ngesihloko kunye neqweqwe uze ubuze imibuzo:
  - Ucinga ukuba liza kuba ngantoni elibali? (uqikelelo)
  - Ucinga ukuba eli libali lelokwenyani? Kutheni usitsho njalo?

**2. Ukufunda**
- Funda isiqingatha sokuqala sebali. Funda ibali ngembonakalo enomdla. Bonakalisa eminye imifanekiso uze ubuze imibuzo ngaphandle kokuphazamisa.
  - Ubusazi ukuba sonke sinelungelo lokuhlala ngokukhululekileyo nangokukhuselekileyo?
  - Uyawazi amalungelo akho?

**3. Emva kokufunda**
- Sivale isifundo ngokubuza imibuzo:
  - Ngubani owokuqala owakufundisa ngamalungelo oluntu?

Uhambo





## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu yakwa-Vula Bula: ***Uhambo***
- **Amalungiselelo:** Susa amagama obe uwafundise kufundo lokuqala nolwesibini kwitshathi yesigama uze uwaxhome edongeni ajikeleze iklasi.
- **Iinjongo zesifundo:** Shwankathela ibali.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- **Isigama:** Cela abafundi bafumane amagama abawafunde ngoMvulo nangoLwesibini edongeni.

**2. Ukufunda:**
- Akuba umfundi elifumene igama, kufuneka alifunde aze alincamathisele kwitshathi yesigama.
- Ncedisa abafundi ekubizeni nasekufundeni amagama ngobuchule apho kuyimfuneko.

**3. Emva kokufunda**
- **Ukushwankathela:** Xelela abafundi ukuba baza kushwankathela oko bakufundileyo.
  - Ngoobani abahambi ebalini?
  - Umhambi ngamnye uyaphi?
  - Ucinga ukuba bazakuba lapho ixesha elingakanani? Kutheni?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo**: Izandi zakwa-**Vula Bula** u-**/ng/**; oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: **ingalo, ingoma, udonga, ingongoma, ucango, ingacu, ingacu, ingono, ingubo, ingilosi, ingongoma**
- **Amalungiselelo**: Lungisa umcu wephepha: **Ingonyama nengulube zingene emqolombeni**. Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo**: Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-**/ng/**.

**IMISEBENZI**

**1. Umcu wephepha onesivakalisi**
- Ncamathisela umcu wephepha onesivakalisi ebhodini. Sifundele ngaphandle, ugxininisa kwisandi u-**/ng/**.
- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ngonobumba u-**/ng/** –ujongeka njani, sinjani isandi sakhe, kwanamagama anesi sandi.
- Funda umcu wephepha onesivakalisi kwakhona. Cela abafundi bamamele baze bajonge amagama ano-**/ng/** kwesi sivakalisi.

**2. Izandi ezino-/ng/**

- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze ubuze: Yintoni le?
- Phinda impendulo – **ilanga** – uze ugxininise isandi u-**/ng/**.
- Cela abafundi babize u-**/ng/**. Kufuneka bajonge emlonyeni wakho; yitsho kwakhona uze ujonge emlonyeni womfundi ngamnye ubone ukuba benza ntoni ngemilebe yabo.

**3. Amagama ezandi:**

- Cela abafundi bacinge ngamagama anesandi u-**/ng/**.
- Fundisa amagama ano-**/ng/** usebenzisa oonotsheluza nemifanekiso okanye izinto.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwitshathi yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.
- Bonisa abafundi uluhlu lwamagama oluncanyathiselwe kwiincwadi zabo. Funda amagama kunye nabo kwakhona.



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala zabafundi
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala isandi u-**/ng/**.

**IMISEBENZI**

- Cela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala ngesandla.
- Bhala umhla, isihloko nepatheni ebhodini.
- Umgca wokuqala: Bhala umgca wokuqala ono-**/ng/**.
- Umgca wesibini: Bhala **ingalo, ingundile, zingela, isizungu, ingoma.**
- Umgca wesithathu: Bhala omnye umgca ono-**/ng/**.
- Gqibelisa ngepatheni.
- Khumbula ukujonga ukuba abafundi bahleli nkqo, indlela yokubamba ipensile, necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## Ukubhala *(imizuzu eli-15)* UMSEBENZI WOVAVANYO OLUSESIKWENI (FAT)

- **Izixhobo:** iphepha; iipensile; iikhrayoni
- **Amalungiselelo:** Lungiselela iirubhrikhi zokubhala zovavanyo (FAT).
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzoba umfanekiso kunye nokubhala izivakalisi zalapho uya khona.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba baza kwenza ingathi bathatha uhambo.
- Bacele ukuba kufuneka balandele esisakhelo sokubhala.
  - Uyaphi?
  - Uza kwenza ntoni apho?
  - Uxakeke wenza yintoni?
  - Ziintoni ozipakishayo?
  - Unalo itikiti?
  - Uziva njani ngohambo?




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** incwadi yebali: ***Sonke sizalelwe ukuze siphile ngokukhululekileyo***
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise nokufunda ibali uze ulungiselele imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela ibali elinomdla ukuzonwabisa uze uphendule imibuzo ngebali.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Lungiselela abafundi bakulungele ukufundela ngaphandle.
- **Khumbula:** Thetha ngendawo oyifundileyo.
  - Ucinga ukuba yintoni ezakwenzeka? (uqikelelo)

**2. Ukufunda**
- Funda ibali ngembonakalo enomdla. Bonakalisa eminye imifanekiso uze ubuze imibuzo ngaphandle kokuphazamisa.
  - Funda uyokufikelela ekugqibeleni.

**3. Emva kokufunda**
- Shwanakathela ibali ngokubhekiselela kwibali: abalinganiswa, indawo, (indawo apho lenzeka khona ibali), ingxaki nesisombululo.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo**: Izandi ze-**Vula Bula** u-**/ng/**, oonotsheluza bezandi olusuka kuluhlu lwamagama: **ingalo, ingoma, udonga, ingongoma, ucango, ingacu, ingacu, ingono, ingubo, ingilosi, ingongoma**
- **Amalungiselelo**: Ncamathisela oonotsheluza ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo**: Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-**/ng/**. Beka amagama ngokwendawo esikuyo isandi u-**/ng/** kungaba kusekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni kwegama.

**IMISEBENZI**
- Yalela abafundi basebenze ngababini ukubeka amagama ezandi ngokwendawo esikuyo isandi u-/ng/ kungaba kusekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni kwegama.
- Abafundi kufuneka ubuncinane bacinge ngegama elinye kwiqela ngalinye.

| Osekuqaleni | Osembindini | Osekugqibeleni |
|---|---|---|
| ingalo | zingela | idonga |




## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** iphepha; iipensile; iikhrayoni
- **Amalungiselelo:** Ncamathisela isakhelo sokubhala kwitshathi yokubhala.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzoba umfanekiso nokubhala izivakalisi ngendawo oya kuyo.

**IMISEBENZI**

- Cela abafundi bazobe umfanekiso wohambo lwabo.
- Ngezantsi komfanekiso kufuneka babhale ngokucacileyo kwakhona izivakalisi zabo ezisuka kwezayizolo.
- Yenza indawo eludongeni enesihloko: Uhambo lwethu. Ncamathisela imibhalo yabo nemizobo eludongeni phantsi kwesihloko.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Yesi-7: Usuku Lwesi-5



Ndiyinqwelo-moya encinci
Khawundibukele ndibhabha
Khangela ukusuka kwam
Ndemka, ndemka, ndemka
ndimkile!

## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** umbongo: ***Ezothutho***; isigama: **inqwelo**
- **Amalungiselelo:** Funda umbongo uze uwulungelelanise neentlobo ezahlukileyo zothutho.
- **Iinjongo zesifundo:** Funda uze ucengceleze umbongo wezothutho.

**IMISEBENZI**

- Fundisa abafundi ngombongo wezothutho:

  **Ndiyinqwelo-moya encinci**
  **Khawundibukele ndibhabha**
  **Khangela ukusuka kwam**
  **Ndemka, ndemka, ndemka ndimkile!**
  (Ungalutshintshela uhlobo lwezothutho kolukaloliwe, ibhayisekile okanye iphenyane.)








## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo**: Izandi ze-**Vula Bula** ezino-**/mb/** no-**/ng/**; oonotsheluza bezandi zamagama afundiswe kule veki
- **Amalungiselelo**: Ncamathisela izandi ezino-**/mb/** no-**/ng/** ebhodini. Ncamathisela zonke izandi zoonotsheluza abafundisiweyo evekini.
- **Iinjongo zesifundo**: Ukuchonga izandi ezino-**/mb/** no-**/ng/**.

**IMISEBENZI**


- Ncamathisela unobumba u-**/mb/** no-**/ng/** kunye nabo bonke oonotsheluza bezandi ezifundiswe evekini.
- Biza umfundi ngamnye aze ebhodini aze akhethe unotsheluza.
- Bafunda unotsheluza baze bamncamathelise phantsi konobumba – u-**/mb/** okanye u-**/ng/**.
- Kufuneka kwakhona bacacise ukuba kutheni bembeke apho.
- Cela iklasi inike ingxelo.
- Qhubeka bade bonke oonotsheluza babe bafundiwe kwaye babekwe ngendlela eyiyo.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Isigama seveki

Fundisa amagama amahlanu ngemini (amane elwimi lwasekhaya nelinye lolwazi lokubala).

| | | |
|---|---|---|
| *ibhedi* | *ipowusta* | *ugqirha* |
| *iiglavu,* | *iqakamba* | *ukhenketho* |
| *ikhefu* | *isixhobo sokuxilonga* | *ukundwendwela* |
| *ingxowa* | *itshati* | *Ukuya kwagqirha* |
| *inqwelo* | *iyeza* | *umdyarho* |
| *iplasta,* | *Ndixakekile* | *unesi* |





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** ipowusta yase-4: ***Ukhuseleko Ekhaya***; oonotsheluza besigama; **iplagi, amanzi, umlilo, istovu, iayini, iglasi eyophukileyo, imela, iyeza, ityhefu, iparafini, amanzi ashushu**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcu wephepha onesihloko noonotsheluza bamagama akwipowusta bhalwe ngesiXhosa.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngombongo nokunxulumanisa namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

**1. Umbongo –Ukhuseleko Ekhaya**

- Ncamathisela ipowusta ebhodini. Funda uze uthethe ngesihloko. Ncamathisela isihloko sesiXhosa ecaleni kwesihloko sesiNgesi kwipowusta.
- Xoxa ngesigama. Thetha ngentsingiselo yegama. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.
- Cela abafundi bakhombe zonke iimeko ezinobungozi ezenzekayo kwipowusta.

Isilumkiso



Ngeny'imini
Kok! kok! kok!
Abaleka
Pha pha pha
Azifihla
Nca nca nca
Kwabakho elinye elibunxaxha.
Mntwanana, kutheni ungafezanga nje?
Inene mama ndilibele
Asikuko nokonqena.

Kwakamsinya
Kok! kok! kok!
Abaleka
Pha pha pha
Azifihla
Nca nca nca
Kwakhona lisanxaxha.
Gqi! Ukhetshe.
Rhiwu! Wemka nalo
Ukulibala kuyingozi ekusa ekufeni.

## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umbongo. ***Isilumkiso***; Oonotsheluza besigama: **elibunxaxha, ukufeza, ukhetshe**
- **Amalungiselelo:** Funda umbongo uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba kufundo notitshala ngokuqikelela, unxulumanisa namava abo uze uphendule imibuzo ephuhlisa ingqiqo.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**


- Thetha ngesihloko sombongo, uze ubuze imibuzo:
  - Yintoni isilumkiso?
  - Ziqhele ukubonakala phi izilumkiso?
  - Zeziphi iimeko apho abantu bafumana ukulunyukiswa?
- **Ukubukisa ngomfanekiso:** Jonga umfanekiso uze ubuze imibuzo:
  - Kwenzeka ntoni emfanekisweni?
  - Jonga kulo mfanekiso. Ucinga ukuba sesantoni isilumkiso?
- **Isigama:** Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluza nezinto okanye imifanekiso.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga indlela elakhiwe ngayo igama ngalinye.
  - Ncamathisela oonotshelusa kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**2. Ukufunda**

- Funda umbongo ngembonakalo enomdla, ubonakalisa indlela yokufunda ngokutyibilika kwakunye nesingqisho.
- Buza imibuzo ephuhlisa ingqiqo emva kokufunda imigca emi-4:
  - (emva komgca wesi-4) Sesiphi isilwanyana esithetha ngaso? Wazi njani?
  - (emva komgca wesi-8) Abalekele phi amantshontsho? Yintoni ebe ingalunganga?

**3. Emva kokufunda**

- Vala isifundo ngokubuza:
  - Sijolise kubani isilumkiso kulo mbongo?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba we-**Vula Bula** u-**/th/**: oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: **thina, thuma, thimla, uthuli, kuthi, umthi, thatha, thetha, uthuthu**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcu wephepha onesivakalisi: **"UThobani uyathanda ukuthimla"**. Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nesandi u-**/th/** kwanokubanako ukufunda amagama anesandi u-**/th/**.

**IMISEBENZI**

**1. Umcu wephepha onesivakalisi:**

- Ncamathisela umcu wephepha onesivakalisi ebhodini. Sifunde ngokuvakalayo, ugxininisa kwisandi u-**/th/**.

- Xelela abafundi ukuba bazakufunda ngonobumba u-**/th/** – sibizwa ngayo, esifundwa ngayo nesibhalwa ngayo.
- Funda umcu wephepha onesivakalisi kwakhona. Cela abafundi bamamele baze bakhangele amagama ano-**/th/** kwisivakalisi.

**2. Umzobo wakanobumba u-/th/:**

- Ncamathisela ikhadi likanobumba ebhodini uze ubuze umbuzo: Yintoni le?
- Phinda impendulo– **isithuthuthu** – uze ugxininise kwisandi u-**/th/**.
- Cela abafundi babize isandi u-**/th/**. Mabajonge umlomo wakho; mabasibize kwakhona bejongene emilonyeni ngelixa besithi **/th/** ukubona ukuba imilebe yabo yenza ntoni.

**3. Amagama ezandi:**

- Cela abafundi bacinge ngamagama anesandi u-**/th/**.
- Fundisa amagama ano-**/th/** usebenzisa oonotsheluza nemifanekiso okanye izinto.
  - Thetha ngentsingiselo yegama. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi, okanye ulilinganise.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwitshathi yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.
- Bonisa abafundi uluhlu lwamagama ancanyathiselwe kwincwadi zabo. Funda amagama kunye nabo.



## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo**: Iincwadi zabafundi zemisebenzi; iipensile.
- **Amalungiselelo**: Lungiselela ukubhala ngeendaba zempela-veki.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekubhaleni iindaba zempela-veki.

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba bazakubhala iindaba zabo zempela-veki.
- Cela abafundi babhale okubalaseleyo ngempela-veki.
- Bayalele babhale izivakalisi ezimbini ngezinto abazenzileyo ngoMgqibelo kunye nezivakalisi ezimbini ngezinto abazenzileyo ngeCawa.
- Hamba-hamba ujonge ukuba baqhuba njani na. Ubancedise ngokwakhiwa kwesivakalisi, isiphumlisi kunye nesikhewu.




## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala zabafundi.
- **Amalungiselelo:** Bhala ipateni ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala isandi u-/**th/**.

**IMISEBENZI**

- Cela abafundi bavule iincwadi zabo zokwenza umsebenzi
- Bhala umhla, isihloko nepateni ebhodini.
- Umgca wokuqala: Gcwalisa umgca ngombhalo woo-/**th/**
- Umgca wesibini: Bhala **ithambo, isithuthuthu, ithemba, uyathimla, isithokothoko.**
- Umgca wesithathu: Gcwalisa umgca ngombhalo woo-/**th/**.
- Sivale ngepateni.
- Hamba-hamba ujonge ukuba baqhuba njani na. Nceda apho kudingeka khona.
- Khumbula ukujonga ukuba abafundi bahleli nkqo, indlela yokubamba ipensile, necala abakhokela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

**UMSEBENZI WOVAVANYO OLUSESIKWENI (FAT)**

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |







## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** ipowusta yase-4: ***Ukukhuseleka Ekhaya***; oonotsheluza besigama
- **Amalungiselelo:** Yenza umcu wephepha onesihloko noonotsheluza bamagama esiXhosa akumbongo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngombongo uze unxulumanise namava abo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

- Ncamathisela ipowusta ebhodini. Funda uze uthethe ngesihloko. Ncamathisela isihloko sesiXhosa ecaleni kwesihloko sesiNgesi kwipowusta.
- Bakhumbuze ngesigama abasifundileyo izolo.
- Cela abafundi bafumane zonke iimeko ezenzekayo ezinobungozi kwipowusta.
- Bakhumbuze ngazo zonke izinto ezingalunganga ezinokwenzeka.
- Buza abafundi ukuba zakhe zenzeka kubo ezizinto kwaye zazithini iziphumo.
- Thetha ngezisombululo kwezi ngxaki.



Isilumkiso

Ngeny'imini
Kok! kok! kok!
Abaleka
Pha pha pha
Azifihla
Nca nca nca
Kwabakho elinye elibunxaxha.
Mntwanana, kutheni ungafezanga nje?
Inene mama ndilibele
Asikuko nokonqena.

Kwakamsinya
Kok! kok! kok!
Abaleka
Pha pha pha
Azifihla
Nca nca nca
Kwakhona lisanxaxha.
Gqi! Ukhetshe.
Rhiwu! Wemka nalo
Ukulibala kuyingozi ekusa ekufeni.

## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*


- **Izixhobo:** Umbongo: ***Isilumkiso***; Oonotsheluza besigama: **elibunxaxha, ukufeza, ukhetshe**
- **Amalungiselelo:** Funda umbongo kuqala uze ulungiselele imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda ngezifanadumo.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- **Khumbuza:** Isigama esifundiswe izolo.
- **Imfundiso ethe gca: izifanadumo**
  - Funda umgca wesibini uze ubuze abafundi: Lithetha ukuthini eligama lithi 'kok'?
  - Thetha ngamanye amagama anesandi esifanayo neligama.
  - Cela abafundi bakunike amanye amagama anezifanadumo kumbongo (pha, nca, gqi, rhiwu).

**2. Ukufunda**
- Funda umbongo ngembonakalo enomdla kunye nabafundi.

**3. Emva kokufunda**
- Gqibezela isifundo ngokubuza imibuzo:
  - Ucinga ukuba kwakutheni ukuze elantshontsho lilibale ngelixa umama wazo ezibiza?
  - Ingaba umgca wokugqibela kumbongo uyinyani? Ingaba nyani into yokuba ukulibala kukusa ekufeni?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo kanobumba u-**/th/** we-**Vula Bula;** oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: **thina, thuma, thimla, uthuli, kuthi, umthi, thatha, thetha, uthuthu**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcu wephepha onesivakalisi: **Utsotsi wakuTsolo utsibele watsala itasi kaTselane etsolo.** Ncamathisela oonotsheluza ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-**/th/**. Hlela amagama ngokwendawo ka-**/th/** egameni: usekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni.

**IMISEBENZI**

- Yalela abafundi basebenze ngababini baze bacebise ngawabo amagama ano-**/th/** amahlanu ukwangeza kula sele efundisiwe.
- Mabahlele onke lamagama ka-**/th/** ngokwesicwangciso esingezantsi.

| Osekuqaleni | Osembindini | Osekugqibeleni |
|---|---|---|
| **<u>th</u>ina** | **uya<u>th</u>imla** | **imi<u>th</u>a** |

(Nceda qaphela ukuba u-uyathimla no -imitha abakho kuluhlu kodwa abafundi kufuneka bacinge ngamagama abawaziyo ukugqibezela umsebenzi.)

# Iveki Yesi-8: Usuku Lwesi-2



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala zabafundi
- **Amalungiselelo:** Bhala ipateni ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa nesandi u-**/mb/**.

**IMISEBENZI**

**1. Khumbuza**
- Buza abafundi ukuba bayakhumbula na ukuba kuthiwani xa kubhalwa isandi u-**/mb/**.
- Bhala emoyeni uze ubuze abafundi babhale kunye nawe.

**2. Ukuziqhelisa**
- Xelela abafundi ukuba baza kuziqhelanisa nokubhala isandi u-**/mb/** kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla.
- Cela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala.
- Bhala umhla, isihloko kunye nepateni ebhodini.
- Bhala lamagama alandelayo ebhodini uze uyalele abafundi bawakhuphele kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi.


  **UThembisa uthambisa amathanga.**
  **Ndiyasithanda isithuthuthu sam, sindichithisa isithukuthezi**
- Vala ngepateni.
- Khokela abafundi ngexesha bebhala kwiincwadi zabo zokubala.
- Khumbula ukujonga ukuba abafundi bahleli nkqo, indlela yokubamba ipensile, necala abakhokela ngakulo xa bebhala.



## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo**: Itshati yokubhala; iikoki.
- **Amalungiselelo**: Lungisa itshathi yokubhala.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekubhaleni ibali kunye nabafundi.

**IMISEBENZI**
- Thetha nabafundi ngezizathu ezahlukeneyo ezinikwa ngabantu xa bengazenzi izinto abamele bazenze.
- Babuze ukuba zithini izizathu abazinikayo ngaphandle kokulibala. Umzekelo, ukuthi "andikuvanga." agxeke abanye, njl.
- Bacele ukuba bacinge ngesinye isizathu esahlukeneyo ebesinonikwa yilantshontsho.
- Zoba umfanekiso wentshontsho lithetha nomama walo.
- Bhala: Mntwanana, kutheni ungafezanga nje?
- Inene mama .........(isizathu). Asikuko nokunqena.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

**UMSEBENZI WOVAVANYO OLUSESIKWENI (FAT)**

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** umbongo: ***Imbila nofudo***; oonotsheluza besigama: **ilunda, ukundiyuca, mngeni,yayinyulwa, yagqotsa, imbasa**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelise ukufunda umbongo kuqala uze ulungiselele imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela umbongo onomdla bezonwabisa.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Lungiselela ukufundela abafundi ngokuvakalayo
- Ncokolani ngeqweqwe nesihloko sebali uze ubuze imibuzo:
  - Ucinga ukuba liza kuba ngantoni eli bali? (QIKELELA)
  - Zithini izimvo zakho ngokhozi?
- **Isigama:** Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluza nezinto okanye imifanekiso.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**2. Ukufunda**
- Funda umbongo ngembonakalo enomdla. Bonakalisa eminye imifanekiso uze ubuze imibuzo ngaphandle kokuphazamisa.

**3. Emva kokufunda**
- Gqibezela ngokubuza imibuzo ephuhlisa ingqiqo.
  - Ingaba umvundla ebenobulungiza xa ecela olu hlobo lomdyarho?
  - Ngowuphi umdyarho ocinga ukuba unganobulungisa?
  - Ungakhe ucinge ngegama libe linye elichaza isimilo somvundla?

Isilumkiso



Ngeny'imini
Kok! kok! kok!
Abaleka
Pha pha pha
Azifihla
Nca nca nca
Kwabakho elinye elibunxaxha.
Mntwanana, kutheni ungafezanga nje?
Inene mama ndilibele
Asikuko nokonqena.

Kwakamsinya
Kok! kok! kok!
Abaleka
Pha pha pha
Azifihla
Nca nca nca
Kwakhona lisanxaxha.
Gqi! Ukhetshe.
Rhiwu! Wemka nalo
Ukulibala kuyingozi ekusa ekufeni.

## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** umbongo: ***Isilumkiso***; oonotsheluza
- **Amalungiselelo:** Lungiselela ukuba abafundi bahlalutye abalinganiswa
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuhlalutya abalinganiswa besebenzisa ulwazi abaze nalo.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- **Khumbuza:** Izifanadumo nemizekelo:
  - Leliphi igama onokulisebenzisa elichaza isandi elenziwa lilitye xa lisiwa emanzini? (Dyumpu)
  - Leliphi igama onokulisebenzisa ngento ewayo?
- **Uhlalutyo lwabalinganiswa**
  - Cela abafundi basebenze ngababini.
  - Nika isibini ngasinye umlinganiswa (umama unkukhu, intshontsho okanye ukhozi).
  - Bacele bathethe ngeempawu zabalinganiswa abazifumene kumbongo kunye nolwazi abaze nalo ngalomlinganiswa.
  - Kufuneka baxoxe ngezimvo zabo. Umzekelo, ukuba bathi ukhozi lukhohlakele ngokutya intshontsho, kufuneka bexhase impendulo yabo.

**2. Ukufunda:** Cela bonke abafundi bafunde umbongo ngelixesha ubakhokela ngesalathisi.

**3. Emva kokufunda**
- Gqibezela isifundo ngokubuza imibuzo.
  - Ngubani ochazwa njengoyena mlinganiswa ukhathalayo kumbongo?
  - Ingaba oomama bethu benza ngohlolubo? Njani?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo**: Umzobo wezandi zakwa-Vula Bula u-**/hl/**; oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: **amehlo, hlaziya, hlohla, hlutha, isihlanu**
- **Amalungiselelo**: Yenza umcu wephepha onesivakalisi: **"Imehlo likaHlumisa libuhlungu"**, Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo**: Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-**/hl/**.

**IMISEBENZI**

**1. Umcu wesivakalisi**
- Ncamathisela umcu wephepha onesivakalisi ebhodini. Sifundele ngaphandle, ugxininisa isandi u-**/hl/**.
- Xelela abafundi ukuba baza kufunda ngonobumba u-**/hl/** – ujongeka njani, sithini isandi sakhe, kwanamagama anesi sandi.
- Funda umcu wephepha onesivakalisi kwakhona. Cela abafundi bamamele baze bakhangele amagama ano-**/hl/** kwesi sivakalisi.

**2. Umzobo wenzandi u-/hl/:**
- Ncamathisela umzobo wakanobumba eludongeni uze ubuze: Yintoni le?
- Phinda impendulo –**ihlosi** – uze ugxininise kwisandi u-**/hl/**.
- Cela abafundi babize isandi u-**/hl/**. Mabajonge umlomo wakho; mabasibize kwakhona bejongene emilonyeni ngelixa besithi /hl/ ukubona ukuba imilebe yabo yenza ntoni.

**3. Amagama ezandi:**
- Cela abafundi banike amagama anesandi u-**/hl/**.
- Fundisa ngamagama ano-hl/ usebenzise unotsheluza nemifanekiso okanye izinto
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga isimo segama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi, okanye ulilinganise.
  - Ncamathisela oonotsheluza kwitshathi yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.
- Bonisa abafundi uluhlu lwamagama ancanyathiselwe kwiincwadi zabo. Funda amagama kunye nabo kwakhona.



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zokubhala zabafundi
- **Amalungiselelo:** Bhala ipateni ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Funda uze uziqhelanise nokubhala isandi u-**/hl/**.


**IMISEBENZI**
- Cela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala ngesandla.
- Bhala umhla, isihloko kunye nepateni ebhodini.
- Umgca wokuqala: Bhala ukrozo loo-**/hl/**.
- Umgca wesibini: Bhala u-**uhlanga, ihleza, hlola, hlinza, uhluthi.**
- Umgca wesithathu: Bhala olunye ukrozo loo-**/hl/**.
- Gqibezela ngepateni.
- Khumbula ukujonga ukuba abafundi bahleli nkqo, indlela yokubamba ipensile, necala abakhokela ngakulo xa bebhala.



## Ukubhala ngababini *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** iphepha; iipensile
- **Amalungiselelo:** Lungiselela abafundi bazobe umfanekiso baze bafake isihlokwana.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekuzobeni umfanekiso nokubhala isihlokwana ngababini.

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba baza kusebenza ngababini ukuza isizathu esahlukileyo.
- Bacele babonisane ngezimvo zezizathu ezahlukileyo ngaphandle kwentshontsho elinye elisetyenzisiweyo kwanento ebe ibhalwe yiklasi izolo.
- Kufuneka bazobe umfanekiso wentshontsho lithetha nomama unkukhu baze babhale:
  - Mntwanana, kutheni ungafezanga nje?
  - Inene mama .........(isizathu). Asikukonokunqena.
- Khumbula ukujonga ukuba abafundi bahleli nkqo, indlela yokubamba ipensile, necala abakhokela ngakulo xa bebhala.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

**UMSEBENZI WOVAVANYO OLUSESIKWENI (FAT)**

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** umbongo: ***Imbila nofudo***; oonotsheluza besigama
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise nokufunda umbongo kuqala uze ulungiselele imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela umbongo onomdla bezonwabisa.

**IMISEBENZI**

- Lungiselela ukufundela abafundi ngokuvakalayo.
- Bakhumbuze ngesigama esele sifundisiwe.
- Thetha ngomyalezo oonikwe ngumbhali.
- Yalela abafundi ukuba kuzakufuneka baziqambele awabo amabali anomyalezo ofanayo.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo**: Umzobo wezandi zakwa-Vula Bula u-**/hl/**; oonotsheluza bezandi abasuka kuluhlu lwamagama: **uhlanga, ihleza, hlola, hlinza, uhluthi,amehlo, hlaziya, hlohla, hlutha, isihlanu**
- **Amalungiselelo**: Ncamathisela oonotsheluza ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo**: Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-**/hl/**. Hlela amagama ngokwendawo ka-**/hl/** egameni: usekuqaleni, embindini okanye ekugqibeleni.

**IMISEBENZI**

- Yalela abafundi basebenze ngababini baze bacebise ngawabo amagama ano-/hl/ amahlanu ukwangeza kula sele efundisiwe.
- Mabahlele onke lamagama ka-/hl/ ngokwesicwangciso esingezantsi.

| Osekuqaleni | Osembindini | Osekugqibeleni |
|---|---|---|
| **Hlohla** | **isihlanu** | **amehlo** |




## Ukubhala eyedwa *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** iphepha elinomfanekiso nombhalo
- **Amalungiselelo:** : Lungiselela ukuze abafundi babonise imizobo yabo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukubonisa ngemizobo.

**IMISEBENZI**

- Isibini ngasinye sabafundi kufuneka size neziqwenga zamaphepha baze bazincamathisele ebhodini.
- Omnye umfundi uzakuba ngumama unkukhu aze omnye abe lintshontsho.
- Kufuneka bafunde into abayibhalileyo.
- Baqhwabeleni izandla ngemizamo yabo.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** iphepha; ipensile; iikhoki
- **Amalungiselelo:** Lungiselela ukuze abafundi baqambe awabo amabali.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuqamba ibali elinomyalezo onje ngowomvundla nofudo.

**IMISEBENZI**

- Khumbuza abafundi ukuba kufuneka baqambe ibali elinomyalezo ofana nalowo webali ebelifundwe kusuku lwesi-3.
- Bayalele bakhethe umlingani.
- Banike ixesha lokubonisana ngezimvo zabo ngebali labo baze baziqhelanise nalo.
- Baxelele ukuba kwiveki ezayo isibini ngasinye sizakuba nexesha laso lokubalisa ibali labo.
- Hamba-hamba ujonge ukuba baqhuba njani na. Nceda apho kudingeka khona.








## Izandi *(imizuzu eli-15)* UHLOLO

- **Izixhobo**: Umzobo wezandi zakwa-Vula Bula u-**/th/** no- **/hl/**; oonotsheluza bezandi zamagama afundiswe kule veki
- **Amalungiselelo**: Ncamathisela umzobo wezandi ebhodini. Ncamathisela bonke oonotsheluza bezandi ezifundiswe kule veki.
- **Iinjongo zesifundo**: Ukuchonga izandi u-**/th/** no-**/hl/**.

**IMISEBENZI**

- Ncamathisela imizobo ka-**/th/** no-**/hl/** kunye nabo bonke oonotsheluza bezandi ezifundiswe evekini.
- Cela umfundi ngamnye eze ebhodini aze akhethe unotsheluza.
- Bafunda unotsheluza baze bamncamathisele phantsi komzobo ochanekileyo – **/th/** or **/hl/**.
- Kwakhona kufuneka bacacise ukuba kutheni bembeka phaya.
- Cela iklasi inike ingxelo.
- Qhubeka bade bonke oonotsheluza babe bafundiwe kwaye babekwe ngendlela eyiyo.


# Iveki Yesi-8: Usuku Lwesi-5




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Isigama seveki

Fundisa amagama amahlanu ngemini (amane elwimi lwasekhaya nelinye lolwazi lokubala).

*amanzi*
*amanzi ashushu*
*elibunxaxha*
*iayini*
*iglasi eyophukileyo*
*imbasa*
*imela*
*iparafini*
*iplagi*
*istovu*
*ityhefu*
*iyeza*
*mngeni*
*ukhetshe ilunda*
*ukufeza*
*ukundiyuca*
*umlilo*
*yagqotsa*
*yaynyulwa*



## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*


- **Izixhobo:** Ipowusta yeli-10 yase-**DBE: *Ezemidlalo***; oonotsheluza besigama; **imidlalo, bhola ekhatywayo, umbhoxo, ibhola yomnyazi, ihoki, iqakamba, itenetya, ukudada, iatlethiks, ijiminastiki**
- **Amalungiselelo:** Yenza isihloko sesiXhosa kunye nonootsheluze.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuhetha ngepowusta. Ukuyinxulumanisa kumava wabo. Ukufunda isigama esitsha

**IMISEBENZI**

**1. Umxholo wepowusta: Ezemidlalo**
- Ncamathelisa ipowusta ebhodini. Yifunde uze uthethe ngayo. Ncamathelisa isihloko sesiXhosa ecaleni kwesihloko sesiNgesi kwipowusta.
- Xoxa ngesigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga ekwakhiweni kwegama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathelisa amakhadi oonotsheluze kwipowusta uze uwasebenzise iveki yonke.
- Buza abafundi imibuzo ngomdlalo abawudlalayo.
  - Ngowuphi umdlalo okhoyo apha esikolweni kule midlalo?
  - Ngowuphi umdlalo abawuthandayo?
  - Badlala eyiphi indima kumdlalo wabo?

*Yophukile ifestile*





## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu u**Vula Bula: *Yophukile ifestile***; onotsheluze besigama: **ekrokra, engatyhilekanga, intenetya, yimboxo, iqakamba, yomnyazi**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali kwangaphambi kwexesha uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** kukuthatha inxaxheba ekufundeni notisthala ngokuqikelela, nokunxulumanisa amava wabo nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- **Iqweqwe:** Thetha ngesihloko kwakunye nomfanekiso. Buza imibuzo:
  - Ligumbi lantoni eli? Kutheni usitsho?
  - Ucinga ukuba liyakuba ngantoni eli bali? (uqikelelo)
- **Ukubuka imifanekiso:** Thyila-tyhila amaphepha welibali (ungalifundi). Jonga kwimifanekiso uze ubuze imibuzo:
  - (iphepha lama- 38) Jonga kule ntombi. Yithi, "inokuba benza ntoni" (cingela ngaphandle)
  - (iphepha lama-40) Yintoni engumahluko kulo mfanekiso xa uthelekiswa neminye imifanekiso?
  - Masicinge ngeyethu indlela yokuziphatha. Basifundisa ntoni abazali bethu NGOKUNGADLALELI kufitshane nezindlu?

**2. Ukufunda**
- **Isigama:** Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluze kwakunye nezinto okanye imifanekiso.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga ekwakhiweni kwegama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
  - Ncamathelisa amakhadi oonotsheluze kwipowusta uze uwasebenzise iveki yonke.
  - Funda ibali ngokubonakalisa uvakalelo, bonakalisa ukufunda ngotyibiliko.
  - Buza imibuzo yovavanyo lokuqonda emva kokufunda amaphepha amabini:
  - (iphepha lesi- 4) Ukuba indoda endala ibingakhange idlale ngebhola yegalufa, ngekwenzeke ntoni?

**3. Emva kokufunda**
- Gqibizela ngokubuza:
  - Ucinga ukuba umama uva njani ngesisimilo?
  - Yintoni ekwenza ucinge oko?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wezandi we**Vula Bula** ka-**/bh/**; oonotsheluze bodweliso lwamazwi-zandi: **bhaka, bhala, ibhafu, ibhasi, ibhedi, ibhodi, umbhaco, umbhoxo, isibhakabhaka**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcu wephepha onesivakalisi: "". Sika oonotsheluze.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga kunye nokuvakalisa amagama anesandi u-**/bh/**.

**1. Umcu wephepha onesivakalisi**
- Ncamathelisa umcu wephepha onesivakalisi ebhodini. Funda ngokuvakalayo, ugxininisa isandi u-**/bh/**.
- Xelela abafundi ukuba bayakukufunda ngonobumba u-**/bh/** - ukuba ubonakala njani, uvakala njani xa ebizwa, kwakunye namagama anesisandi.
- Funda isivakalisi esikumcu wephepha kwakhona. Cela abafundi bamamele baze bakhangele unobumba u-**/bh/** kwesisivakalisi.

**2. Ikhadi lezandi u-/bh/**
- Ncamathelisa ikhadi likanobumba ebhodini: uze ubuze uthi yintoni le?
- Phinda impendulo – **ibhola** – uze ugxininise isandi sika-**/bh/**.
- Xelela abafundi ukuba bathi-**/bh/**. Kufuneka bajonge emlonyeni wakho, batsho kwakhona baze bajonge emilonyeni yabanye ukuze babone ukuba imilebe yabo yenzani.

**3. Amagama ezandi:**
- Cela abafundi ukuba bacebise amagama anesandi u-**/bh/**.
- Qalisa ukufundisa amagama anonobumba u-**/bh/** usebenzisa oonotsheluze kwakunye nemifanekiso okanye izinto.
- Thetha ngentsingiselo yegama ngalinye. Thetha ngendlela akhiwe ngayo. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi, okanye wenze umdlalo obonakalisa lona.
- Ncamathelisa oonotsheluze kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.
- Bhekisela abafundi kuluhlu lwamagama ancanyatheliswe ezincwadini zabo. Funda amagama kunye nabo kwakhona.



## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo**: Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi; ipensile
- **Amalungiselelo**: Qinisekisa ukubaa wonke umfundi unayo incwadi yokubhalela.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukubhala ngeendaba zempelaveki.


**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba bayakube bebhala ngeendaba zempelaveki yabo.
- Cela abafundi ukuba babhale ngezinto ezibalaseleyo ezithe zenzeka ngempelaveki.
- Bayalele ukuba babhale izivakalisi zibembini ngabakwenzileyo ngoMgqibelo nezivakalisi zibembini ngabakwenzileyo ngeCawe.
- Jikeleza ubancedise ngokwakhiwa kwesivakalisi, iimpawu zokubhala kwakunye nolwahlulo lwamagama.



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi.
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala **/bh/**

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhalela ngesandla.
- Bhala umhla, umxholo kunye nephatheni ebhodini.
- Kumgca wokuqala: bhala umkrozo ka-**/bh/**.
- Kumgca wesibini: bhala ibhabhathane, ibhedi, ibhotile, ubhidiwe, uyabhuda.
- Kumgca wesithathu: bhala omnye umkrozo ka-**/bh/**.
- Gqibezela ngephatheni.
- Jikeleza khona ukuze ubone ukuba baqhuba njani. Nceda apho kudingeka khona uncedo.
- Khumbula ukujonga indlela abahleli ngayo abafundi, indlela ababamba ngayo ipensile yabo kwakunye necala abakhokelela ngakulo xa bebhala.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Yesi-9: Usuku Lwesi-2



## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta yeli-10 yase-**DBE:** ***Ezemidlalo***; oonotsheluza besigama; **imidlalo, bhola ekhatywayo,**
  **umbhoxo, ibhola yomnyazi, ihoki, iqakamba, itenetya, ukudada, iatlethiks, ijiminastiki**
- **Amalungiselelo:** Yenza oonotsheluze besiXhosa bamagama akwi powusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuhetha ngemifanekiso ekwipowusta. Ukuthatha inxaxheba kumdlalo ongalungiswanga.

**IMISEBENZI**

**1. Umxholo wepowusta: Ezemidlalo**
- Ncamathelisa ipowusta.
- Khumbuza oku ubuthethe ngako izolo kwakunye namagama ubuwazisile.
- Thetha ngenzuzo yokuba kwezemidlalo.
- Thetha ngamaqhawe wabo wezemidlalo.

*Yophukile ifestile*





## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu u**Vula Bula:** ***Yophukile ifestile***; umcu wephepha onesivakalisi: **Ibhola yophule ifestile.**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali kwangaphambi kwexesha uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda ngeempawu zokucaphula (okanye iimpawu zentetho) nokuba zibonakalisa ntoni.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Thetha ngoku ubukufundile izolo.
- **Isigama:** Cela abafundi ukuba bacinge ngamagama amatsha ebebewafunde izolo. Mabawasebenzise kwisivakalisi
  - Ncamathisela oonotsheluze kwipowusta uze uwasebenzise iveki yonke.
- **Ukufundisa ngokucacileyo: Iimpawu zokucaphula (okanye iimpawu zentetho)**
  - Buza abafundi ukuba ingaba kukhona na abakuqapheleyo ngezolo ngoku ububafundela ibali.
  - Bathe beva ukuba ubulitshintshe kanjani ilizwi lakho?
  - Babuze ukuba umntu ofundayo wazi njani xa kufuneka elitshintshile ilizwi lakhe.
  - Bafundise ngeempawu zokucaphula.

**2. Ukufunda**
- Cela abafundi ukuba bafunde ibali kunye nawe, ngokubonakalisa uvakalelo.
- Xa ufika kwiimpawu zokucaphula, bakhumbuze ukuba batshintshe amazwi wabo afane nawalo mntu uthethayo.

**3. Emva kokufunda**
- Gqibezela ukufunda ngokubuza imibuzo yovavanyo:
- Bekutheni uNkosikazi uPhosa aze abe uqinisekile ukuba ifestile yakhe iphulwe ngabantwana?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wezandi we**Vula Bula** u-**/bh/**: oonotsheluze kudweliso lwezandi : **bhaka, bhala, ibhafu, ibhasi, ibhedi, ibhodi, umbhaco, umbhoxo, isibhakabhaka**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcu wephepha onesivakalisi: **Utsotsi wakuTsolo utsibele watsala itasi kaTselane etsolo.** Ncamathisela oonotsheluza ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga kunye nokuvakalisa amagama anesandi u-**/bh/**. Dibanisa amagama ngokohlobo lokuba u-**/bh/** usekuqaleni, phakathi okanye ekugqibeleni.

**IMISEBENZI**
- Yenza ukuba abafundi basebenze ngababini ukuba benze amaqela amagama ezandi ngokohlobo lokuba isandi u/bh/ sivela ndawoni kwigama –
  ekuqaleni, phakathi, ekugqibeleni.
- Abafundi mabacinge ngegama libelinye leqela ngalinye

| Ekuqaleni | Phakathi | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| Bhaka | umbhaco | bhabha |

# Iveki Yesi-9: Usuku Lwesi-2



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi.
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala isandi u-**/bh/**

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhalela ngesandla.
- Bhala umhla, umxholo kunye nephatheni ebhodini.
- Bhala la magama alandelayo ebhodini uyalele abafundi ukuba bawabhale ezincwadini zabo zokwenza umsebenzi.
  **Ibhabhathane libhabhele esibhakabhakeni.**
  **Ubhuti ubhala ebhodini.**
- Gqibezela ngephatheni.
- Jikeleza khona ukuze ubone ukuba baqhuba njani. Nceda apho kudingeka uncedo khona.
- Khumbula ukujonga indlela abahleli ngayo abafundi, indlela ababamba ngayo ipensile yabo kwakunye necala abakhokelela ngakulo xa bebhala.




## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo**: itshati eliphepha; ikhoki
- **Amalungiselelo**: Lungisa itshati eliphepha.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekubhaleni udliwano-ndlebe olufitshane kwesisihloko: *Umdlalo endiwuthandayo.*

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba mabakuncedise ubhale udliwano-ndlebe oluphakathi kwakho nomhlobo wakho.
- Khumbula ukusebenzisa iimpawu zokucaphula ukubhala udliwano-ndlebe.
- Phinda ufunde izivakalisi ukuze ulungise iziphoso zolwimi okanye ezamaphawu okubhala.





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Yesi-9: Usuku Lwesi-3




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yebali: ***Intombazana encinane eyayingafuni ukukhula***; oonotsheluza besigama:
  **ingqekembe, izaphuli-mthetho, uxhwangusha, amendu, ikroti**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise nokufunda ibali uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela ibali elinika umdla lokuzonwabisa.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Lungisa abantwana balungele ukufundelwa ngutitshala
- Thetha ngesihloko kunye neqweqwe uze ubuze imibuzo:
  - Ucinga ukuba liyakubangantoni eli bali? (uqikelelo)
  - Xoxa ngesigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga ekwakhiweni kwegama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi
  - Ncamathelisa oonotsheluza kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**2. Ukufunda**
- Funda isiqingatha sokuqala sebali ngokubonakalisa uvakalelo. Veza eminye yemifanekiso uze ubuze imibuzo ngaphandle kokuphazamisa kakhulu.

**3. Emva kokufunda**
- Buza imibuzo ukuvavanya ukuqonda:
  - Yintoni eyenze uAyanda angafuni kukhula?
  - Kutheni waziyekela ukuba akhule nje kancinci?

***Yophukile ifestile***



## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu u**Vula Bula: *Yophukile ifestile***
- **Amalungiselelo:** Thatha la magama ubuwazise ekufundeni kokuqala nokokwesibini uwakhuphe kwitshati yesigama uze uwaxhome ajikeleze udonga lwegumbi lokufundela.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuziqhelanisa nesigama esitsha. Ukushwankathela ibali.


**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- **Isigama:** Cela abafundi ukuba bakhangele amagama ububafundise wona ngoMvulo nangolwesibini edongeni.
- Xa omnye umntu ethe walifumana igama, kuyakufuneka ukuba azame ukulifunda aze alincamathelise kwisthati yesigama.
- Bancede abafundi ukuba baziqondele ngokokwabo, baze bafunde ngokucacileyo xa sikhona isidingo.

**2. Ukufunda:** Cela bonke abafundi bafunde umbongo ngelixesha ubakhokela ngesalathisi.
- Cela abantwana bafunde uze uncede kuphela xa benzinyelwa.

**3. Emva kokufunda**
- Xelela abafundi ukuba bayakushwankathela oku bebefunda ngako.
- Zoba itafile ebhodini, efana nale ingezantsi.
- Yiba nengxoxo ngokuba ezibhola zilandelayo zikumila kunjani. Bhala inkcazelo kwibloko ezihambelanayo nokholamu u-B wetafile.
- Yenza lo msebenzi kunye nabafundi.

| Amagama eebhola A | Imilo yebhola B |
|---|---|
| page 35 iqakamba | |
| page 36 yomnyazi | |
| page 37 ibhola ekhatywayo | |
| page 36 intenetya | |




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo**: Umzobo wezandi we**Vula Bula** ka-**/ph/**; oonotsheluze abasuka kudweliso lwamagama ezandi: **pheka, phola, phezulu, phakama, uphawu, uphopho, uphuphu, yophukile, amaphiko**
- **Amalungiselelo**: Yenza umcu wephepha onesivakalisi: **UPhakama noPhumeza bayakuthanda ukuphunga.** Sika oonotsheluze.
- **Iinjongo zesifundo**: Ukuchonga nokutsho amagama anesandi u-**/ph/**

**IMISEBENZI**

**1. Umcu wephepha onesivakalisi**
- Ncamathelisa umcu wephepha onesivakalisi ebhodini. Fundela abafundi. Ugxininise kwisandi u-**/ph/**

# Iveki Yesi-9: Usuku Lwesi-3

- Xelela abafundi ukuba bayakukufunda ngonobumba u-**/ph/** - ukuba wakhiwe njani, ubizwa njani, kwakunye namagama anesisandi.
- Funda isivakalisi esikulomcu wephepha kwakhona. Cela abafundi ukuba bamamele bakhangele unobumba u /ph/ kwesisivakalisi.

**2. Ikhadi likanobumba u-/ph/**

- Ncamathelisa ikhadi likanobumba ebhodini: uze ubuze uthi yintoni le?
- Phinda impendulo – iphepha – uze ugxininise isandi sika-**/ph/**.
- Xelela abafundi ukuba bathi-**/ph/**. Kufuneka bajonge emlonyeni wakho, batsho kwakhona baze bajonge emilonyeni yabanye ukuze babone ukuba imilebe yabo yenzani.

**3. Amagama ezandi:**

- Cela abafundi ukuba bacebise amagama anesandi u-**/ph/**.
- Qalisa ukufundisa amagama anonobumba u-**/ph/** usebenzisa oonotsheluze kwakunye nemifanekiso okanye izinto.
- Thetha ngentsingiselo yegama ngalinye. Thetha ngendlela akhiwe ngayo. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi, okanye wenze umdlalo obonakalisa lona.
- Ncamathelisa oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.
- Bhekisela abafundi kuluhlu lwamagama ancanyathiselwe ezincwadini zabo. Funda amagama kunye nabo kwakhona.



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi.
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda futhi nokuziqhelanisa nokubhala isandi u-**/ph/**

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhalela ngesandla.
- Bhala umhla, umxholo kunye nephatheni ebhodini.
- Kumgca wokuqala: bhala umkrozo ka-**/ph/**.
- Kumgca wesibini: bhala **phakama, iphela, iphimpi, phosa, iphuphu.**
- Kumgca wesithathu: bhala omnye umkrozo ka-**/ph/**.
- Gqibezela ngephatheni.
- Jikeleza khona ukuze ubone ukuba baqhuba njani. Nceda apho kudingeka khona uncedo.
- Khumbula ukujonga indlela abahleli ngayo abafundi, indlela ababamba ngayo ipensile yabo kwakunye necala abakhokelela ngakulo xa bebhala.




## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi; ipensile
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba wonke umfundi unencwadi yokubhalela.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthatha inxaxheba ekubhaleni udliwano-ndlebe olufitshane kwesisihloko: ***Umdlalo endiwuthandayo.***

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba kufuneka bephendule le mibuzo ngohlobo lodliwano-ndlebe, besebenzisa iimpawu zocaphulo. Kufuneka bazobe umfanekiso wabo bedlala kumdlalo.
  - Ngowuphi umdlalo owuthandayo kwezemidlalo?
  - Zeziphi izixhobo ozisebenzisayo ukudlala lo mdlalo?
  - Kutheni uwonwabela nje?





## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Yesi-9: Usuku Lwesi-4




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*


- **Izixhobo:** Incwadi yebali: ***Intombazana encinane eyayingafuni ukukhula***; oonotsheluza besigama:
  **ingqekembe, izaphuli-mthetho, uxhwangusha, amendu, ikroti**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise nokufunda ibali uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela ibali elinika umdla lokuzonwabisa. Ukuphendula imibuzo ngebali.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Lungisa abantwana balungele ukufundelwa ngutitshala
- **Ukuzikhumbuza:** Thetha ngoku ubukufundile izolo.
- Ucinga ukuba kuyakwenzeka ntoni ngoku? (uqikelelo)
- **Isigama:** Thetha ngesigama esitsha.

**2. Ukufunda**
- Funda ibali lonke ngokubonakalisa uvakalelo. Veza eminye yemifanekiso.

**3. Emva kokufunda**
- Buza imibuzo efana nale:
- Ucinga ukuba libali lokwenyani eli?
- Zeziphi ezinye iindlela zokukhula ngaphandle kokukhula ngomzimba?
  - Shwankathela ibali ngokuthi ubhekisele kwizakhi zebali: abalinganisi, isakhiwo sebali (indawo apho ibali lenzeka khona), ingxaki kwakunye nesisombululo.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo**: Umzobo wezandi we**Vula Bula** u-**/ph/**: oonotsheluza bodweliso lwamazwi-zandi: **pheka, phola, phezulu, phakama, uphawu, uphopho, uphuphu, yophukile, amaphiko**
- **Amalungiselelo**: Ncamathelisa amagama ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo**: Ukuchonga kunye nokuvakalisa amagama anesandi u-**/ph/**. Dibanisa amagama ngokohlobo lokuba u-**/ph/** usekuqaleni, phakathi okanye ekugqibeleni.


**IMISEBENZI**
- Yenza ukuba abafundi basebenze ngababini ukuba benze amaqela amagama ezandi ngokohlobo lokuba isandi u/ph/ sivela ndawoni kwigama – ekuqaleni, phakathi, ekugqibeleni.

| Ekuqaleni | Phakathi | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |

## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** udweliso lwezandi
- **Amalungiselelo:** Bhala onke amagama ezandi ebhodini ushiya izikhewu phakathi kwawo. Qiniseka ukuba umfundi ngamnye unencwadi yakhe yonkwenza umsebenzi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuzoba umfanekiso ecaleni kodweliso ngalunye lwamagama u-**/ph/** kunye no-**/bh/** ezandi .


**IMISEBENZI**
- Khokelela abafundi ngokuthi ubacacele ukuba baqale bafunde onke amagama.
- Bacacisele ukuba kufuneka bazobe umfanekiso ecaleni kwegama ngalinye.
- Yenza igama lokuqala kunye nabafundi ebhodini. Lifunde uze uzobe umfanekiso.
- Jikeleza uze uthethe nabafundi ngemizobo yabo.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yebali: ***Intombazana encinane eyayingafuni ukukhula***; isigama soonotsheluza bonobumba: **ingqekembe, izaphuli-mthetho, uxhwangusha, amendu, ikroti**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise nokufunda ibali uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela ibali elinika umdla lokuzonwabisa.Ukuphendula imibuzo ngebali.

**IMISEBENZI**

- Thetha nabafundi ngesigama abasifundileyo.
- Shwankathela ibali ngokuthi ubhekisele kwizakhi zebali: abalinganisi, isakhiwo sebali (indawo apho ibali lenzeka khona), ingxaki kwakunye nesisombululo.








## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo**: Oonotsheluza bamagama ezandi afundisiweyo kuleveki.
- **Amalungiselelo**: Ncamathelisa amakhadi oonobumba ka-**/ph/** kunye no-**/bh/** ebhodini Ncamathelisa bonke oonotsheluza bezandi abafundisiweyo kuleveki.
- **Iinjongo zesifundo**: Ukuchonga nokuvakalisa isandi sika-**/ph/** kunye no-**/bh/**.

**IMISEBENZI**


- Ncamathelisa bonke oonotsheluza bezandi abafundisiweyo kuleveki.
- Cela abafundi ukuba beze ebhodini nganye ngexesha bakhethe unotsheluza.
- Umfundi makafunde unetsheluza aze akhethe ukuba ufaneleke abephantsi kweliphi ikhadi likanobumba.
- Umfundi kufuneka aze acacise ukuba kutheni encamathelisa phantsi kwelokhadi likanobumba alikhethileyo.
- Cela abafundi ukuba banike ingxelo.
- Qhubeka kude kubekanti bonke oonotsheluza bafundiwe yaye bahleliwe.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Isigama seveki

Fundisa amagama amahlanu ngemini (amane elwimi lwasekhaya nelinye lolwazi lokubala).

| | | |
|---|---|---|
| *amendu* | *ijiminastiki* | *itenetya* |
| *bhola ekhatywayo* | *ikroti* | *izaphuli-mthetho* |
| *ekrokra* | *Imidlalo* | *ukudada* |
| *engatyhilekanga* | *ingqekembe* | *umbhoxo* |
| *iatlethiks* | *intenetya* | *uxhwangusha* |
| *ibhola yomnyazi* | *iqakamba* | *yimboxo* |
| *ihoki* | *iqakamba* | *yomnyazi* |

# Iveki Ye-10: Usuku Loku-1






## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta ye-11 **DBE:** ***Abantu abancedayo*** oonotsheluza besigama: **unoposi, ipolisa, umcimi-mlilo, utitshala, umbhaki, ugqirha wezilwanyana, usozincwadi, umkhandi weemoto, unosilarha**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcu wephepha onesihloko kunye noonotsheluza besiXhosa bamagama akwipowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngeposta. Ukuyinxulumanisa kumava wabo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

- Ncamathelisa ipowusta ebhodini. Yifunde uze uthethe ngesihloko. Ncamathelisa isihloko sesiXhosa ecaleni kwesihloko sesiNgesi kwipowusta.
- Xoxa ngesigama. Thetha ngentsingiselo. Jonga ekwakhiweni kwegama ngalinye. Lisebenzise kwisivakalisi.
- Ncamathelisa amakhadi oonotsheluze kwipowusta uze uwasebenzise iveki yonke.
- Buza imibuzo ngeposta, umzekelo:
  - Ngubani lo mntu ukumfanekiso woku-1? Usinceda njani lo mntu?
  - Ngubani lo mntu ukumfanekiso wesi-2? Usinceda njani lo mntu?








## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu u**Vula Bula:** ***Ncedani***; oonotsheluza besigama: **enambitha, ukurhala, incede, uxingile, tyibilili**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali kwangaphambi kwexesha uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** kukuthatha inxaxheba ekufundeni notisthala ngokuqikelela, nokunxulumanisa amava wabo nokuphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**


- **Iqweqwe:** Thetha ngesihloko kwakunye nomfanekiso. Buza imibuzo:
- Jonga ubuso babantu abasemthini. Ucinga ukuba baziva njani?
- Ucinga ukuba liyakuba ngantoni eli bali? (uqikelelo)
- Ukubuka imifanekiso: Thyila-tyhila amaphepha welibali (ungalifundi). Jonga kwimifanekiso uze ubuze imibuzo:
  - (Iphepha lesi-7) ndiyazibuza ukuba ingaba umama uyakukwazi ukunyuka kulo mthi. (Cingela ngaphandle.) Nicinga ntoni?
- **Isigama:** Fundisa amagama amatsha usebenzisa oonotsheluze kwakunye nezinto okanye imifanekiso.
  - Thetha ngentsingiselo. Jonga indlela elakhiwe ngayo igama ngalinye.
  - Ncamathisela oonotshelusa kwipowusta uze ubasebenzise iveki yonke.

**2. Ukufunda**

- Funda ibali ngokubonakalisa uvakalelo, bonakalisa ukufunda ngokucacileyo.
- Buza imibuzo yovavanyo lokuqonda emva kokufunda amaphepha amabini:
- (iphepha lesi- 4) Ibone ntoni ikati emthini?

**3. Emva kokufunda**

- Gqibizela ngokubuza:
  - Wake wabambeka endaweni?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wezandi we**Vula Bula** ka-/**nc**/; oonotsheluza bodweliso lwezandi: **ncama, ncokola, ncanca, nceda, ncasa, ncuma**
- **Amalungiselelo:** Yenza umcu wephepha onesivakalisi: "**Ncedani bo! Sincedeni, sifuna ukwehla emthini**". Sika oonotsheluza.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga kunye nokuvakalisa amagama anesandi u-/**nc**/ nokukwazi ukufunda amagama anesandi u-/**nc**/.

**IMISEBENZI**

**1. Umcu wephepha onesivakalisi:**

- Ncamathelisa umcu wephepha onesivakalisi ebhodini. Funda ngokuvakalayo, ugxininisa isandi u-/**nc**/.

# Iveki Ye-10: Usuku Loku-1

- Xelela abafundi ukuba bayakukufunda ngonobumba u-**/nc/** - ukuba ubonakala njani, uvakala njani xa ebizwa, kwakunye namagama anesisandi.
- Funda isivakalisi esikumcu wephepha kwakhona. Cela abafundi bamamele baze bakhangele unobumba u-**/nc/** kwesisivakalisi.

**2. Ikhadi lezandi u-/nc/**
- Ncamathelisa ikhadi likanobumba ebhodini: uze ubuze uthi yintoni le?
- Phinda impendulo – inciniba – uze ugxininise isandi sika-**/nc/**.
- Xelela abafundi ukuba bathi-**/nc/**. Kufuneka bajonge emlonyeni wakho, batsho kwakhona baze bajonge emilonyeni yabanye ukuze babone ukuba imilebe yabo yenzani.

**3. Amagama ezandi:**
- Cela abafundi ukuba bacebise amagama anesandi u-**/nc/**.
- Qalisa ukufundisa amagama ano-**/nc/** usebenzisa oonotsheluza kwakunye nemifanekiso okanye izinto.
- Thetha ngentsingiselo yegama ngalinye. Thetha ngendlela akhiwe ngayo. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi, okanye wenze umdlalo obonakalisa lona.
- Ncamathelisa oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.
- Bhekisela abafundi kuluhlu lwamagama ancanyatheliswe ezincwadini zabo. Funda amagama kunye nabo kwakhona.



## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo**: Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi.
- **Amalungiselelo**: Bhala iphatheni ebhodini
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala u-**/nc/**


**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhalela ngesandla.
- Bhala umhla, umxholo kunye nephatheni ebhodini.
- Kumgca wokuqala: bhala umkrozo ka-**/nc/**.
- Kumgca wesibini: bhala ncanca, nceda, inciniba, ncoma, phuncula
- Kumgca wesithathu: bhala omnye umkrozo ka-**/nc/**.
- Gqibezela ngephatheni.
- Jikeleza khona ukuze ubone ukuba baqhuba njani. Nceda apho kudingeka khona uncedo.
- Khumbula ukujonga indlela abahleli ngayo abafundi, indlela ababamba ngayo ipensile yabo kwakunye necala abakhokelela ngakulo xa bebhala.



## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi; ipensile
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba wonke umfundi unayo incwadi yokubhalela.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukubhala ngeendaba zempelaveki.

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba bayakube bebhala ngeendaba zempelaveki yabo.
- Cela abafundi ukuba babhale ngezinto ezibalaseleyo ezithe zenzeka ngempelaveki.
- Bayalele ukuba babhale izivakalisi zibembini ngabakwenzileyo ngoMgqibelo nezivakalisi zibembini ngabakwenzileyo ngeCawe.
- Jikeleza ubancedise ngokwakhiwa kwesivakalisi, iimpawu zokubhala kwakunye nolwahlulo.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Ye-10: Usuku Lwesi-2






## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Ipowusta ye-11 **DBE:** ***Abantu abancedayo***; oonotsheluza besigama
- **Amalungiselelo:** Yenza umcu wephepha onesihloko kunye noonotsheluza besiXhosa bamagama akwipowusta.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuthetha ngeposta. Ukuyinxulumanisa kumava wabo. Ukufunda isigama esitsha.

**IMISEBENZI**

- Ncamathelisa ipowusta ebhodini. Yifunde uze uthethe ngesihloko. Ncamathelisa isihloko sesiXhosa ecaleni kwesihloko sesiNgesi kwipowusta.
- Khumbuza ngesigama ebesifundiswe izolo.
- Buza imibuzo ukukhokela ingxoxo, umzekelo:
  - Ingaba ukhona umntu omaziyo okhubazekileyo?
  - Ngubani lo mntu ukumfanekiso wesi-3? Usinceda njani?
  - Ngubani lo mntu ukumfanekiso wesi-4? Usinceda njani?




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu u**Vula Bula: *Ncedani***; onotsheluza besigama: **enambitha, ukurhala, incede, uxingile, tyibilili**
- **Amalungiselelo:** Funda ibali kwangaphambi kwexesha uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokusebenzisa izakhono zokuqikelela isiqukumbelo.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**

- **Shwankathela** isigama ebesifundisiwe izolo.
- **Ukufundisa ngokucacileyo:** ukufundisa ubuchule bokubeka esweni uvavanyo lokuqonda.
  - Xelela abafundi ukuba, ngamanye amaxesha xa sifunda, zikhona izinto esinokuthi sizilibale, ngakumbi ukuba ukulandelelana kweziganeko kuyacotha.
  - Kulula ukubhidanisa ulandelelwano; ngoko ke, kubalulekile ukujonga ukuba usalilandela na ibali.
  - Umzekelo, kwibali elithi Ncedani, ibali liqala ngekati liqhubeke ngomlinganisi ngamnye enceda omnye.
  - Hlaziya ulandelelwano lebali kunye nabafundi. Jonga kwimifanekiso encwadini ukuze ubone ukuba ubunyanisile na.

**2. Ukufunda**

- Cela abafundi ukuba bafunde ibali kunye nawe, ngokubonakalisa uvakalelo.

**3. Emva kokufunda**

- Gqibezela ukufunda ngokubuza imibuzo:
- Ukuba abalinganisi bebezoyika iindawo eziphakamileyo, bekutheni ze bakhwele emthini kwasekuqaleni?




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Umzobo wezandi we**Vula Bula** ka-**/nc/**; oonotsheluze bodweliso lwezandi : **ncama, ncokola, ncanca, nceda, ncasa, ncuma, incasa, ncinci, ukuncokola**
- **Amalungiselelo:** Ncamathelisa oonotsheluze ebhodini
- **Iinjongo zesifundo:** Ukuchonga kunye nokuvakalisa amagama anesandi u-**/nc/**. Dibanisa amagama ngokohlobo lokuba u-**/nc/** usekuqaleni, phakathi okanye ekugqibeleni.

**IMISEBENZI**

- Yenza ukuba abafundi basebenze ngababini ukuba benze amaqela amagama ezandi ngokohlobo lokuba isandi u-**/bh/** sivela ndawoni kwigama – ekuqaleni, phakathi, ekugqibeleni.
- Abafundi mabacinge ngegama libelinye leqela ngalinye.

| Ekuqaleni | Phakathi | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi.
- **Amalungiselelo:** Qinisekisa ukuba wonke umfundi unencwadi yokubhalela ngesandla.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda nokuziqhelanisa ukubhala isandi u-**/nc/**

**IMISEBENZI**

**1. Ukuzikhumbuza**
- Buza abafundi ukuba bayakhumbula na ukuba kuthiwani xa kubhalwa isandi u-**/nc/**.
- Bhala emoyeni uze ubuze abafundi babhale kunye nawe.


**2. Ukuziqhelisa**
- Xelela abafundi ukuba baza kuziqhelanisa nokubhala isandi u-**/nc/** kwiincwadi zabo zokwenza umsebenzi obhalwe ngesandla.
- Qinisekisa ukuba wonke umntu ukwiphepha elilungileyo.
- Khokelela uze ukhombise abafundi njengoko bebhala ezincwadini zabo zokubhalela ngesandla.
- Khumbula ukujonga indlela abahleli ngayo abafundi, indlela ababamba ngayo ipensile yabo kwakunye necala abakhokelela ngakulo xa bebhala.



## Ukubhala notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo**: itshati yokubhalela; ikhoki
- **Amalungiselelo**: Lungisa itshati yokubhalela
- **Iinjongo zesifundo:** shwankathela ibali

**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba bayakuncedisa ukubhala isishwankathelo sebali,u- Ncedani
- Cacisa ukuba, ukuze sibhale isishwankathelo:
  - Senza udweliso lwabalinganiswa.
  - Sibhale iziganeko ngokulandelelana kwazo.
- Sichaze ukuba liphele njani ibali. Sithi, sisebenzise olu lwazi ukubhala isishwankathelo, sisebenzisa awethu amazwi.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*


- **Izixhobo:** Incwadi yebali: ***Ibhulukhwe ende***; oonotsheluza besigama: **ukuchwayita, unotshe, kraca, ezisisazinge, ukuhlaziyeka**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise nokufunda ibali uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela ibali elinika umdla lokuzonwabisa.

**IMISEBENZI**

**1. Phambi kokufunda**
- Lungisa abantwana balungele ukufundelwa ngutitshala
- Thetha ngesihloko kunye neqweqwe uze ubuze imibuzo:
  - Xa ujonge lo mfanekiso, ucinga ukuba ingantoni le ncwadi?

**2. Ukufunda:**
- Funda isiqingatha sokuqala sebali ngokubonakalisa uvakalelo. Veza eminye yemifanekiso uze ubuze imibuzo ngaphandle kokuphazamisa kakhulu.
  - Yayiyintoni ingxaki ngebhlukhwe kaZithuba?
  - Bangaphi abantu awabacelayo ukuba bayilungise?
  - Kwakutheni aze angakwazi ukumnceda ugogo wakhe?


**3. Emva kokufunda**
- Gqibezela ukufunda okokuqala ngokubuza oku:
  - Ziye zenzeka njani izinto ekugqibeleni?




## Ukufunda notitshala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Incwadi enkulu u**Vula Bula: *Ncedani***
- **Amalungiselelo:** Awadingeki
- **Iinjongo zesifundo:** Balisa ibali kwakhona

**IMISEBENZI**
- Cela abafundi ukuba bafunde ibali uze ubancede ukuba bayaxakwa.
- Zoba umfanekiso womthi ebhodini.
- Biza abafundi beze ngaphambili ukuza kusebenzisa amakhadi amagama bazokubalisa ibali kwakhona, bencamathelisa abalinganiswa emthini ngalendlela ibali lilandelelana ngayo.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo**: Umzobo wezandi we-Vula Bula ka-**/th/**; oonotsheluze abasuka kudweliso lwamagama ezandi **thina, thimla, uthuli, thatha, uthuthu**
- **Amalungiselelo**: Yenza umcu wephepha onesivakalisi: **UThumeka uthulisa uThozama**. Sika oonotsheluze.
- **Iinjongo zesifundo**: Ukuchonga nokufunda amagama anesandi u-**/th/**.

**IMISEBENZI**

**1. Umcu wephepha onesivakalisi**
- Ncamathelisa umcu wephepha onesivakalisi ebhodini. Fundela abafundi. Ugxininise kwisandi u-**/th/**
- Xelela abafundi ukuba bayakukufunda ngonobumba u-**/th/** – ukuba wakhiwe njani, ubizwa njani, kwakunye namagama anesisandi.
- Funda isivakalisi esikulomcu wephepha kwakhona. Cela abafundi ukuba bamamele bakhangele unobumba u-**/th/** – kwesisivakalisi.

**2. Ikhadi likanobumba u-/th/**
- Ncamathelisa ikhadi likanobumba ebhodini: uze ubuze uthi yintoni le?
- Phinda impendulo – **isithuthuthu** – uze ugxininise isandi sika-**/th/**.
- Xelela abafundi ukuba bathi-**/th/**. Kufuneka bajonge emlonyeni wakho, batsho kwakhona baze bajonge emilonyeni yabanye ukuze babone ukuba imilebe yabo yenzani.

**3. Amagama ezandi:**
- Cela abafundi ukuba bacebise amagama anesandi u-**/th/**.
- Qalisa ukufundisa amagama anonobumba u-**/th/** usebenzisa oonotsheluze kwakunye nemifanekiso okanye izinto.
- Thetha ngentsingiselo yegama ngalinye. Thetha ngendlela akhiwe ngayo. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi, okanye wenze umdlalo obonakalisa lona.
- Ncamathelisa oonotsheluza kwitshati yezandi uze ubasebenzise iveki yonke.
- Bhekisela abafundi kuluhlu lwamagama ancanyatheliswe ezincwadini zabo. Funda amagama kunye nabo kwakhona.



## Ukubhala ngesandla *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi.
- **Amalungiselelo:** Bhala iphatheni ebhodini
- **Iinjongo zesifundo:** Ukufunda futhi nokuziqhelanisa nokubhala isandi u-**/th/**


**IMISEBENZI**
- Xelela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhalela ngesandla.
- Bhala umhla, umxholo kunye nephatheni ebhodini.
- Kumgca wokuqala: bhala umkrozo ka-**/th/**.
- Kumgca wesibini: bhala **imitha, isithethe, isithinteli, isithokothoko, isithunzi.**
- Kumgca wesithathu: bhala omnye umkrozo ka-**/th/**.
- Gqibezela ngephatheni.
- Khumbula ukujonga indlela abahleli ngayo abafundi, indlela ababamba ngayo ipensile yabo kwakunye necala abakhokelela ngakulo xa bebhala.



## Ukubhala ngababini *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** isishwankathelo sebali; Iincwadi zabafundi zokwenza umsebenzi; ipensile
- **Amalungiselelo:** Xhoma isishwankathelo sebali ubusibhale izolo kunye nabafundi.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukubhala isishwankathelo kwakunye nomfanekiso webali ebelifundwe ngexesha lokufunda notitshala.

**IMISEBENZI**
- Funda isishwankathelo ubusifunde nabafundi kwakhona.
- Baxelele ukuba babhale esisishwankathelo kwakhona ezincwadini zabo zokwenza umsebenzi baze bazobe umfanekiso ezantsi kwaso.
- Jikeleza uze ubancedise apho kukho imfuneko khona.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |

# Iveki Ye-10: Usuku Lwesi-4





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** incwadi yebali: ***Ibhulukhwe ende***; amakhadi oonotsheluza: **ukuchwayita, unotshe, kraca, ezisisazinge, ukuhlaziyeka**
- **Amalungiselelo:** Ziqhelanise nokufunda ibali uze ulungise imibuzo.
- **Iinjongo zesifundo:** Ukumamela ibali elinika umdla lokuzonwabisa.

**IMISEBENZI**

- Lungisa abantwana balungele ukufundelwa ngutitshala.
- Khumbuza isigama osele usifundisile.
- Shwankathela ibali ngokubhekisela kwizakhi zebali: abalinganisi, Isakhiwo sebali (indawo apho ibali lenzeka khona), ingxaki kwakunye nesisombululo.




## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo**: Umzobo wezandi we-Vula Bula ka-**/th/**; oonotsheluze bodweliso lwezandi **imitha, isithethe, isithinteli, isithokothoko, isithunzi, umthunzi, thetha, uthuli**
- **Amalungiselelo**: Ncamathelisa amagama ebhodini.
- **Iinjongo zesifundo**: Ukuchonga kunye nokuvakalisa amagama anesandi u-**/th/**. Dibanisa amagama ngokohlobo lokuba u-**/th/** usekuqaleni, phakathi okanye ekugqibeleni.

**IMISEBENZI**

- Yenza ukuba abafundi basebenze ngababini ukuba benze amaqela amagama ezandi ngokohlobo lokuba isandi u/th/ sivela ndawoni kwigama – ekuqaleni, phakathi, ekugqibeleni.
- Abafundi mabacinge ngegama libelinye leqela ngalinye

| Ekuqaleni | Phakathi | Ekugqibeleni |
|---|---|---|
| | | |




## Ukubhala *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo:** incwadi yabafundi yokwenza umsebenzi
- **Amalungiselelo:** Awadingeki
- **Iinjongo zesifundo:** ukuchaza kwa nokuzoba umlinganisi webali ebelifundiwe ngexesha lokufunda notitshala

**IMISEBENZI**

- Xelela abafundi ukuba babhale ngomlinganisi abamthandayo ebalini.
- Kufuneka batsho ukuba kutheni engoyona mlinganisi bamthandayo nje lowo.
- Kufuneka bamzobe umlinganisi.
- Jikeleza uze uthethe nabafundi ngemizobo yabo.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |





## Ukuphulaphula nokuthetha *(imizuzu engama-20)*

- **Izixhobo:** Incwadi yebali: ***Ibhulukhwe ende***; itshati yesimosezulu
- **Amalungiselelo:** Khumbuza abafundi ukuba bayakube belinganisa ibali
- **Iinjongo zesifundo:** Ukulinganisa ibali.

**IMISEBENZI**

- Yohlula abafundi babengamaqela, bonele ukuba umfundi ngamnye afumane indima apho azakuthi athethe khona.
- Baxelele ukuba kufuneka balinganise ibali.
- Banike ixesha lokuziqhelanisa nokulinganisa ibali.
- Biza amaqela ambalwa ukuba alinganisele abafundi.








## Izandi *(imizuzu eli-15)*

- **Izixhobo**: Umzobo wezandi weVula Bula ka-**/th/** kunye nok-**/nc/**; oonotsheluza bezandi afundisiweyo kuleveki.
- **Amalungiselelo**: Ncamathelisa umzobo wezandi ebhodini. Ncamathelisa bonke oonotsheluza bezandi abafundisiweyo kuleveki.
- **Iinjongo zesifundo**: Ukuchonga nokuvakalisa isandi sika **/th/** kunye no **/nc/**.

**IMISEBENZI**


- Ncamathelisa umzobo wezandi ka **/th/** kunye neka **/nc/** kwakunye noonotsheluza besigama asuka kwizandi abazifundisiweyo kuleveki.
- Cela abafundi ukuba beze ebhodini umfundi abemnye ngexesha baze bakhethe unotsheluza.
- Umfundi makafunde unetsheluza aze ancamathelise ngaphantsi komzobo ofanelekileyo u- **/th/** okanye **/nc/**.
- Umfundi kufuneka aze acacise ukuba kutheni encamathelisa phantsi kwelokhadi likanobumba alikhethileyo.
- Cela abafundi ukuba banike ingxelo.
- Qhubeka kude kubekanti bonke oonotsheluza bafundiwe yaye bahleliwe.




## Ukufunda ngamaqela *(imizuzu engama-30)*

- Jonga kwincwadana yokufunda ngamaqela njengesikhokelo sebali ngalinye.

| Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu |
|---|---|---|---|---|
| Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 | Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 |
| Iqela lesi-2 | Iqela lesi-4 | Iqela loku-1 | Iqela lesi-3 | Iqela lesi-5 |




## Isigama seveki

Fundisa amagama amahlanu ngemini (amane elwimi lwasekhaya nelinye lolwazi lokubala).

*enambitha*
*ezisisazinge*
*incede*
*ipolisa*
*kraca*
*tyibilili*
*ugqirha wezilwanyana*
*ukuchwayita*
*ukuhlaziyeka*
*ukurhala*
*umbhaki*
*umcimi-mlilo*
*umkhandi weemoto*
*unoposi*
*unosilarha*
*unotshe*
*usozincwadi*
*utitshala*
*uxingile*

